**Ukufunda ngoMgaqo-siseko weRiphablikhi yoMzantsi Afrika (1996)**

Umgaqo-siseko weli loMzantsi Afrika (1996) uqulethe eyona mithetho yongameleyo yeli lizwe. Le mithetho ingaphezulu komongameli welizwe, ngaphezulu kweenkundla zamatyala nangaphezulu kukarhulumente.

Le mithetho ichaza indlela abemi beli lizwe abafanele ukuphathana ngayo, nokuba ayintoni amalungelo noxanduva lwabo omnye komnye. Umgaqo-siseko welizwe ukho ukuze usikhusele ngalo mzuzu kwaye ukhusele nabantwana bethu kwixesha elizayo.

| Masiyazi imvelaphi yethu. | Masingaphindi iimpazamo zexesha elidlulileyo. | Umgaqo-siseko wethu uyasinceda ukuze sakhe ingomso elingcono lomntu wonke. |
|---|---|---|

Thina, bantu boMzantsi Afrika,

Siyaziqonda iimeko zolwaphulo-bulungisa zamaxesha ethu adlulileyo;

Sibanika imbeko abo beva ubunzima bebulalekela ubulungisa nenkululeko elizweni lethu;

Siyabahlonela abo bathi basebenzela ukwakha nokuphuhlisa ilizwe lethu; kwaye

Sikholelwa ekubeni uMzantsi Afrika ngowethu sisonke thina sihlala kuwo, simanyene nangani siziintlobo ngeentlobo.

Thina ke ngoko, ngabameli bethu abanyulwe ngokukhululekileyo, siyawuvuma lo mGaqo-siseko ukuba ungowona mthetho wongameleyo weRiphablikhi ukuze—

Ungcibe udibanise izantlukwano zangaphambili uze wakhe uluntu olusekwe kwizithethe ezixabisekileyo zedemokhrasi, ubulungisa kwezentlalo namalungelo abantu asisiseko;

Wenze isiseko soluntu oluphila ngendlela yedemokhrasi nolwenza izinto elubala apho urhulumente asekelwe kwintando yabantu nalapho wonke ummi ekhuselwe ngokulinganayo ngumthetho;

Uphucule ixabiso lokuphila kwabo bonke abemi, uze uvumele ukusebenza kwesakhono somntu ngamnye; kanjalo

Wakhe uMzantsi Afrika omanyeneyo nonedemokhrasi onakho ukuthabatha indawo yawo efanelekileyo njengelizwe elinobunganga kusapho lwezizwe.

| Wabange amalungelo akho njengommi weli loMzantsi Afrika kwaye nawe uluthathele kuwe uxanduva lokukhusela amalungelo abanye. | Wazi amalungelo akho noxanduva lwakho. |
|---|---|

*Wanga uThixo angabakhusela abantu bakokwethu.*
*Nkosi Sikelel' iAfrika. Morena boloka setjhaba sa heso.*
*God seën Suid-Afrika. God bless South Africa.*
*Mudzimu fhatutshedza Afurika. Hosi katekisa Afrika.*



Rainbow WORKBOOKS

ISBN 978-1-4315-0083-3

ISIXHOSA HOME LANGUAGE
GRADE 4 – BOOK 2
TERMS 3 & 4
ISBN 978-1-4315-0083-3
THIS BOOK MAY NOT BE SOLD.
14th Edition

*Workbooks available in this series:*


- *Grade R (in all official Languages);*
- *Literacy/Home Language Grades 1 to 6 (in all 11 official Languages);*
- *Mathematics Grades 1 to 3 (in all 11 official Languages);*
- *Mathematics Grades 4 to 9 (in Afrikaans and English);*
- *Life Skills Grades 1 to 3 (in all 11 official Languages); and*
- *Grades 1 to 6 English First Additional Language.*

ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA – Ibanga lesi-4 Incwadi yesi-2

ISBN 978-1-4315-0083-3

Ihlaziywe yaze yalungelelaniswa neCAPS

Ibanga lesi-4



Igama:

Iklasi:

basic education
Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

# ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA

Incwadi yesi-2
Ikota 3 & 4



UNksz Angie Motshekga
uMphathiswa weMfundo
esisiSeko



UGqir Reginah Mhaule
uSekela Mphathiswa
weMfundo esisiSeko

*Ezi ncwadi zilungiselelwe abantwana boMzantsi Afrika phantsi kwephiko loMphathiswa weMfundo esisiSeko uNksz Angie Motshekga kunye noSekela Mphathiswa weMfundo uGqir Reginah Mhaule.*

*Ezi ncwadi zokusebenzela, iRainbow Workbooks, lelinye lamalinge ongenelelo eSebe leMfundo esisiSeko ajolise ekuphuculeni umgangatho wabafundi beloMzantsi Afrika abakumabanga amathandathu okuqala. Njengomnye wemiba ephambili yoMkhomba-ndlela kaRhulumente, eli phulo libe nempumelelo ngenxa yenkxaso-mali evela kuVimba weSizwe. Oku kuye kwenza ukuba iSebe likwazi ukuvelisa ezi ncwadi, zifumaneke ngazo zonke iilwimi ezisemthethweni ngexabiso eliphantsi.*

*Sinethemba lokuba ootitshala baya kuzifumana ezi ncwadi zokusebenzela ziluncedo kakhulu kwimfundo yemihla ngemihla, nasekuqinisekiseni ukuba abafundi bayifikelela yonke ikharityhulam. Ukuqinisekisa ukuba utitshala uyakhokelwa kuyo yonke imisetyenzana, sisebenzise izalathisi ezibonisa oko kufanele ukwenziwa ngumfundi.*

*Sinethemba lokwenene lokuba abantwana baya kukonwabela ukusebenza kwezi ncwadi ekukhuleni nasekufundeni kwabo, kwanokuba nawe titshala uya kwabelana nabo kolu yolo.*

*Sinqwenela ukuba nibe nempumelelo ekusebenziseni ezi ncwadi.*

# Inkqubo yokubhala



## Isicwangciso

**Yenza isigqibo ngesihloko sakho.**
**Thetha neqela lakho ukuze ufumane izimvo.**
**Sebenzisa isazobe sokucinga ukuze ucacise izimvo zakho malunga nesakhiwo sebali, abalinganiswa kwakunye nemontlalo.**

## Ilinge lokuqala

**Bhala ilinge lakho lokuqala.**
**Cinga ngabafundi bebali, ubume balo kunye nemihlathi yalo.**

## Lihlaziye

**Funda ilinge lakho lokuqala ukhangele iziphoso uze ufune iingcebiso koogxa bakho nakutitshala wakho.**

## Lihlele

**Hlela isincoko okanye ibali lakho ukhangele iimpazamo zopelo neziphumlisi.**
**Yenza izilungiso kwilinge lakho.**

## Lipapashe

**Bhala ilinge lakho lokugqibela elihleliweyo ngobunono.**

Published by the Department of Basic Education
222 Struben Street
Pretoria
South Africa

© Department of Basic Education
Fourteenth edition 2024

ISBN 978-1-4315-0083-3

The Department of Basic Education has made every effort to trace copyright holders but if any have been inadvertently overlooked the Department will be pleased to make the necessary arrangements at the first opportunity.

**This book may not be sold.**

# IZIKHOKELO ZOKUSEBENZISA LE NCWADI YOKUSEBENZELA

Le ncwadi yisebenzise kunye namanye amancedo/nabanye oovimba. Funda uxwebhu lweCAPS lwesigaba esiphakathi solwimi lwasekhaya.

Siyanamkela kule Ncwadi yokusebenzela yoLwimi Lwasekhaya yesigaba esiphakathi. Umgangatho woLwimi Lwasekhaya wesigaba esiphakathi ujolise ekuphuhliseni izakhono zolwimi zabafundi ukuze bakwazi ukunxibelelana kwiimeko zentlalo, kananjalo nasekuphuhliseni izakhono zengqiqo zokufunda ezingundoqo ekufundeni kwikharityhulam yonke. Sinethemba lokuba uyakuyifumana iluncedo le ncwadi ekuncedeni abafundi baphucule izakhono zabo.

Le ncwadi yokusebenzela ilungelelaniswe nemijikelo yeeveki ezimbini zikaCAPS. Isishwankathelo sokuya kufundiswa kumjikelo ngamnye weeveki ezimbini ufumaneka kumaphepha 1, 35, 69 nakwele-103 kule ncwadi yokusebenzela. Umjikelo ngamnye weeveki ezi-2 uqulethe izakhono ezine zolwimi:




**1 Ukuphulaphula nokuthetha (Ezomlomo) – Iiyure ezimbini kumjikelo weeveki ezi-2**

Kufuneka abafundi bafumane rhoqo amathuba okuphuhlisa izakhono zabo Zokuphulaphula nokuthetha ukuze bakwazi ukuqokelela ulwazi, ukusombulula iingxaki nokuvakalisa izimvo zabo. Ezi ncwadi zinemisebenzi eliqela yokuphulaphula nokuthetha onokuyongeza ukuze uqinisekise ukuba banamathuba okuziqhelisa ukuthetha.




**2 Ukufunda nokubukela – iiyure ezi-5 kumjikelo weeveki ezi-2**

ICAPS igunyazisa ukuba abafundi bafunde kwaye babone izicatshulwa nokunye okubhaliweyo kumjikelo ngamnye weeveki ezi-2. Oku kuquka ukufunda: amabali amafutshane, iintsomi, amabali angamava abantu, iileta, ii-imeyile, ukubhala kwiidayari, amanqaku eemagazini, udliwano-ndlebe lukanomathotholo/lwerediyo, imibongo, izicatshulwa ezithundezayo, izibhengezo/iintengiso, imiyalelo, iinkqubo neendlela zokwenza. Ukongeza, iCAPS ikwafuna ukuba abafundi bafunde iitekisi zolwazi ezinemifanekiso: iimephu, iitshathi, iitheyibhile, imizobo, izazobe zokucinga, iitshathi zemozulu, iipowusta, izaziso, imifanekiso kunye neegrafu. Uya kulifumana iqela lezi ntlobo zeetekisi kule ncwadi yokusebenzela.

ICAPS ikwachaza nenkqubo yokufunda ebandakanya amanqanaba okufunda angala: Phambi kokufunda, ukufunda nasemva kokufunda. Uya kufumana inkcazelo yemifanekiso eluncedo yenkqubo yokufunda kuqweqwe lwangaphakathi lwale ncwadi.





**3 Ukubhala nokunikezela – Iiyure ezi-4 kumjikelo weeveki ezi-2**

ICAPS ifuna abafundi banikwe rhoqo amathuba okuziqhelisa ukubhala kwiimeko ezahlukeneyo. Ezi Ncwadi zokusebenzela zinika izakhelo eziliqela zokubhala eziza kuba luncedo kubafundi ekucwangciseni nasekuboniseni iitekisi zabo ezibhalwayo, ezibonwayo nezinye iindlela zosasazo. Uya kufumana inkcazelo yegrafu yenkqubo yokubhala kuqweqwe lwangaphakathi olungasemva lwale ncwadi.




**4 Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi – Iyure e-1 kumjikelo weeveki ezi-2**

ICAPS inika uluhlu lwezakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi nemisebenzi ekufanelwe ukuba yenziwe kwibanga ngalinye. Le Ncwadi iquka imisebenzi ethile kumjikelo ngamnye weeveki ezi-2. Le misebenzi idla ngokuba nenqaku elichaza umsebenzi wolwimi.




Ukuze ufumane isikhokelo ngokubanzi, funda incwadana yoqeqesho yale Ncwadi yokusebenzela.

XHO HL Gr4 B2 TH5.indd 2 2021/04/16 10:56:33

# Iziqulatho

## Umxholo 5: Indlela esiziva ngayo nesikwenzayo

Ikota 3: Iiveki 1 - 4


**Ikota 3: Iiveki 1 - 2**
**Abantu abakhathalayo**

**65 Isilo-qabane esitsha sikaMary-Ann** 2
Ingxoxo nengqikelelo esekelwe emfanekisweni.
Ufunda ibali.

**66 Ukucinga ngebali** 4
Uxoxa ngebali eqeleni.
Ubhala isiphelo sebali.
Uphendula imibuzo esekelwe ebalini.
Ubhala kwidayari.

**67 Ukukhetha isilo-qabane** 6
Ufunda isiphelo sebali.
Uxela izenzo ezichazwa zizihlomelo kwisicatshulwa.
Ubhala izivakalisi ezinezihlomelo.

**68 Ukugcina idayari** 8
Uceba ukubhala kwidayari ngokugcwalisa isazobe seengcinga.
Ubhala kwidayari.

**69 Inja elahlekileyo** 10
Uyila ipowusta yenja elahlekileyo.
Uhlola ipowusta yeqabane lakhe esebenzisa indlela yokuhlola oyinikiweyo.
Usebenzisa izihlomelo ukwakha izivakalisi.

**70 Izivakalisi ezimbaxa** 12
Uxela izenzi kwizivakalisi eziqhelekileyo.
Udibanisa izivakalisi eziqhelekileyo ukwakha izivakalisi ezimbaxa
Wohlula izivakalisi ezimbaxa zibe zizivakalisi eziqhelekileyo.
Usebenzisa izenzi/izenzi ezingamabinzana endaweni yamagama akwizibiyeli.
Ufakela izenzi/izenzi ezingamabinzana ezichanekileyo kwizivakalisi.

**71 Ufunda idayari** 14
Ufunda imibhalo emibini yedayari.

**72 Ukubhala idayari eyeyakho** 16
Uphendula imibuzo esekelwe kokubhalwe kwidayari.
Ubhala eyakhe idayari yeentsuku ezintathu.

**Ikota 3: Iiveki 3 - 4**
**Ukufundela ukuzuza ulwazi**

**73 Ixesha lesikrini** 18
Ufunda ulwazi kwincwadana yolwazi.
Uxoxa imibuzo emalunga nokubhalwe kwincwadana yolwazi.

**74 Malunga nencwadana yolwazi** 20
Uphendula imibuzo esekelwe kwincwadana yolwazi
Utshatisa amagama neentsingiselo zawo.
Uyila ipowusta ukukhuthaza abantwana ukuba benze ezinye izinto ngaphandle kokubukela umabonakude.
Ucacisa intsingiselo yetshathi.
Ubhala uluhlu lwezinto ezimbi ezibangelwa lixesha lesikrini.

**75 Apho izinto zikhoyo** 22
Ufunda ibali lemifanekiso.
Ufakela izalathandawo ezifanelekileyo kumfanekiso ngamnye.
Ubhala izivakalisi kumfanekiso ngamnye esebenzisa izalathandawo.
Uphuhlisa izafobe azinikiweyo, izifaniso, izikweko kunye nezihlonipho.

**76 Konke ngokuxhaphaza** 24
Ufunda isicatshulwa esinolwazi malunga nokuxhaphaza.
Uxoxa ngemibuzo emalunga nokuxhaphaza.

**77 Sicinga ngokuxhaphaza** 26
Uphendula imibuzo esekelwe kwincwadana yolwazi ethetha ngokuxhaphaza.
Uyila isaziso esilwa ukuxhaphaza.
Usebenzisa izihlanganisi ukudibanisa izivakalisi
Utshatisa amagama neentsingiselo zawo.

**78 Ixesha eladlulayo nelizayo eliqhubekayo** 28
Udlala umdlalo esebenzisa ixesha eladlulalyo nelizayo lokuqhubekayo.

**79 Yila incwadana yolwazi** 30
Usebenzisa isicwangciso ukuyila incwadana yakhe yolwazi.
Usika aze asonge iphepha ukwenza incwadana yolwazi.
Usebenzisa isicwangciso ukugqibezela incwadana yakhe yolwazi.

**80 Incwadana yolwazi esikwayo** 31








XHO HL Gr4 B2 TH5.indd 1 2021/04/16 10:56:39

# Isilo-qabane esitsha sikaMary-Ann





**Masithethe**

Jonga emifanekisweni uze uxelele umhlobo wakho ukuba ucinga ukuba eli bali liya kuba malunga nantoni na.
Ucinga ukuba ngoobani abadlali abaphambili kweli bali?
Bakhangeleka bebadala kangakanani?






**Masifunde**

Funda ibali uze uphendule imibuzo elandelayo.

**Phambi kokufunda**
- Jonga emifanekisweni nakwisihloko/izihloko uze uzame ukucingela ukuba ibali liya kuba malunga nantoni na.
- Jonga ngokukhawuleza okukhulu ukuze ubone ukuba uza kufunda ngantoni na.

**Ukufunda**
- Thelekisa okucingeleyo kunye noko ukufundayo.
- Ukuba awuyiva kakuhle indawo ethile, yifunde kwakhona ngokucotha. Funda ngokuvakalayo.

## Ukukhetha isilo-qabane



Inyanga ibikhanya ngokuqaqambileyo. Bekusezinzulwini zobusuku bangoLwesihlanu uMary-Ann engqengqe ebhedini yakhe. Ebecinga ngenjana encinci ebeza kuyithenga xa yena noNomsa besiya kwindawo ekugcinwa kuyo izilwanyana ngentsasa elandelayo. UMary-Ann ibinguye yedwa intombazana engenasilo-qabane eklasini yakhe kuba oko wahlala eziflethini. Luthe usapho lwakhe lwakuhlala endlwini, uMary-Ann waqalisa ukugcina imali eyeyakhe ukuze azithengele injana. Ngoku unama-R25 anokuhlawula ngawo.

Ekugqibeleni kude kwasa waze uMary-Ann waxhuma ukwehla ebhedini. Uhlambile, wanxiba waze **ngokungenamonde** walinda umhlobo wakhe uNomsa, owayebatyelela. UNomsa wayethembise ukuba uya kuya noMary-Ann kwindawo yokugcina izilwanyana ukuze amncede ekukhetheni isilo-qabane.

Ekugqibeleni, ibhasi kaNomsa yafika. Wehla, wabaleka **ngokukhawuleza** ukungena kwisango likaMary-Ann, waze wabulisa usapho lukaMary-Ann **ngolonwabo olukhulu**. Amantombazana



XHO HL Gr4 B2 TH5.indd 2 2021/04/16 10:56:42

amabini aqalise ukuhamba ngomdla ukuya kwindawo yokugcina izilwanyana. Bobabini babevuya, futhi bencokola bekwahleka bekhwaza ngexa behamba. Banqumle indlela **ngononophelo** ezirobhothini baze baya kwindawo egcina izilo-qabane.

UMary-Ann wayedinwe kakhulu, waze wathi ukuziphumza wahlala phezu kwemfumba yokutya kwezinja. Ubone injana ezincinci ezintandathu zilele obentlombe ebhasikithini. Amantombazana angqiyamela phambili aze aphulula iinjana **ngokuthambileyo**, exakiwe ukuba akhethe eyiphi na.

"Ke ngoku, nenekazi elincinci, ingaba ufuna ukuthenga injana?" wabuza umanejala.

"Ewe! Ndigcine imali endayifumana ngomhla wokuzalwa kwam nasekuncediseni umama ekuhlambeni izitya," utshilo, amehlo akhe ebengezela.

"Esi iza kuba sisilo-qabane sam sokuqala," utshilo **onwabile** kumanejala." Andizange ndanesilo-qabane ngaphambili."

"Mandikuxelele, ngezi njana," utshilo umanejala. "Amantshontsho anekhola ebomvu, eluhlaza okwengca nemthubi sele ethengiwe. Ngoku wena kufuneka ukhethe kula mabini kuphela. Kuya kufuneka ukuba ukhethe phakathi kwenjana enekhola epinki kunye nenjana enekhola eluhlaza okwesibhakabhaka."

"Owu," utshilo uMary-Ann. "Le njana inekhola emsobo, yona? Nayo seyithengiwe?"

"Kwowu, loo njana," uphendule umanejala. "Akuyi kuthanda ukuyithenga," utshilo. "Yazalwa inamahleza asesinqeni awonakeleyo ke ngoko ayisayi kukwazi ukubaleka okanye ukudlala ngebhola."

Amehlo kaMary-Ann ajonga kwiindlwana zezilwanyana. Ujonge izinja ezinoboya obumhlophe obuthambileyo, izinja ezincinci ezinombala omdaka, izinja ezinkulu, ezinobubele, ezimthubi, kwakunye neekati namantshontsho azo.



# Ukucinga ngebali






Kwiqela lakho, thethani ngebali okwangoku.
Ucinga ukuba uMary-Ann uya kuthenga esiphi isilo-qabane?
Ubuza kwenza ntoni ukuba ubunguMary-Ann?
Ucinga ukuba ibali liya kuphela njani?



Bhala umhlathi omalunga nendlela ocinga ukuba ibali liya kuphela ngayo.



Funda ibali kwakhona uze uphendule le mibuzo.

Zeziphi izivakalisi ebalini ezisixelela ukuba uMary-Ann wayevuya kakhulu malunga nokufumana isilo-qabane? Zifumane uze uzikhuphele apha.

Kutheni uMary-Ann yayinguye kuphela eklasini ongenaso isilo-qabane?

Sazi njani ukuba uMary-Ann noNomsa yayingabahlobo benene?

Ibali lisixelela ukuba uMary-Ann wayediniwe xa amantombazana efika kwindawo ekugcinwa kuyo izilwanyana. Ucinga ukuba kutheni wayediniwe nje?







XHO HL Gr4 B2 TH5.indd 4 2021/04/16 10:56:56


Umhla:



Masibhale

Umanejala wawaxelela ntoni amantombazana malunga nobukho benjana nganye kwezintandathu? Zeziphi izinja ezazithengiswa, izeziphi ezazingathengiswa? (Jonga imibala yeekhola zazo.)

| | |
|---|---|
|  | *Le njana yayisele ithengisiwe.* |
|  | |
|  | |
|  | |
|  | |
|  | |



Masibhale

Cinga ngathi unguMary-Ann. Bhala kwidayari uchaze uhlobo ongakwazanga ngalo ukulala kubusuku obugqithileyo, nokuba uzive njani na malunga nokwenza isigqibo malunga nokuba ukhethe esiphi isilo-qabane.

*Dayari ethandekayo* *Umhla:*



XHO HL Gr4 B2 TH5.indd 5 2021/04/16 10:57:04

# Ukukhetha isilo-qabane



Masifunde Ngoku funda isiphelo sebali uze usithelekise nesiphelo osibhalileyo.



## Isilo-qabane esitsha

UMary-Ann uphulule injana encinci enekhola emsobo. Uyithe xhakamfu ezindlebeni zayo, yapitshozisa umsila wayo yaze yathi ntsho uMary-Ann ngalo mehlo ayo athandekayo anombala omdaka. UMary-Ann ujonge ezinye izilwanyana evenkileni. Ubone amantshontsho enja amathandathu elele ebhasikithini.

Ugobile waze ngononophelo wakhetha injana enekhola emsobo waze wayithi nca esifubeni sakhe. Wayekuva ukubetha kwentliziyo yayo. Yamnukisa, yaziqhusheka entanyeni yakhe, yabiwa bubuthongo yalala. Wayiphulula kancinci, waze waguqukela kumanejala.



“Akunamsebenzi nokuba ayikwazi kudlala ibhola okanye ukubaleka,” utshilo. Unyuse umlenze kwibhulukhwe yakhe ukuze abonise umanejala izixhasi zentsimbi yomlenze zokunyanga izifo zamathambo emlenzeni wakhe” utshilo. “Nam ndiyasokola kakhulu xa ndibaleka futhi andikwazi ukudlala ibhola. Kodwa ndinalo usapho lwam kunye nabahlobo abaninzi abandithandayo, futhi oko kuthetha lukhulu kum.”

“Ndicinga ukuba iyathandeka,” utshilo.

Uguqukele kuNomsa waze wambuza, “Ucinga ntoni Nomsa?”

UNomsa unqwale intloko yakhe ekwamkela oku waze ngothando waphulula injana encinci enekhola emsobo.

“Ndicela ukubhatala, nkosikazi.” Ucele watsho uMary-Ann. “Ndifuna ukuthenga le njana enekhola emsobo. Le yinjana endiyifunayo.

“Uya kuba nekhaya elinenkathalo, njana encinci,” usebeze watsho ngexa enikezela kumanejala ama-R25.

Njengoko uNomsa noMary-Ann besimka evenkileni, injana iqalise ukupitshozisa umsila wayo kakhulu. Amantombazana amabini ahamba kancinci ukwehlisa indlela ephethe injana encinci enekhola emsobo. Bebevakala bencokola bonwabile ngexa bethatha umfiki omtsha bemsa endlwini.



XHO HL Gr4 B2 TH5.indd 6 2021/04/16 10:57:28



## Ukujonga izihlomelo

Izihlomelo zinika ingcaciso eninzi malunga nesenzi. Uya kukhumbula ukuba izenzi ngamagama awenzayo.

Imizekelo:

UNomsa <u>uhamba</u> ngokuthe chu.

Intombazana <u>icula</u> ngokukhwaza.

Izihlomelo ezizuba zisixelela malunga nesenzi. Zisixelela ngendlela uNomsa ahamba ngayo kwakunye nendlela intombazana ecula ngayo.




Jonga kwakhona ebalini uze ujonge **izihlomelo** eziphawulwe ngombala obomvu kwisigaba sokuqala sebali kwiphepha lokufunda lama-65. Krwela umgca phantsi kwesenzo ngasinye esichazwa sisihlomelo. Ngoku sebenzisa izihlomelo ezihlanu uzakhele ezakho izivakalisi.

| | |
|---|---|
| ngokungenamonde | |
| ngokukhawuleza | |
| ngolonwabo olukhulu | |
| ngomdla | |
| bekhwaza | |
| ngononophelo | |
| ngokuthambileyo | |
| onwabile | |

Jonga kwakhona kwingxenye yebali kweli phepha lomsebenzi (67). Krwelela zonke izihlomelo eziqala ngo-**ngo**. Faka isangqa kwisenzo esichazwayo.

Okokugqibela, sebenzisa izihlomelo ezihlanu kwezo uzikrwelele umgca ngaphantsi ubhale izivakalisi ezizezakho.

# Ukugcina idayari






Yenza ngathi unguMary-Ann. Cwangcisela ukubhala inqaku ledayari uchaze okwenzeke kuwe xa wawuye kwindawo yokugcina izilwanyana. Sebenzisa esi sazobe sokucinga silandelayo sikuncede ucwangcise inqaku lakho.
Khumbula ukubhala idayari yakho kwixesha elidlulileyo.

- Sebenzisa isazobe sokucinga sikuncede ucwangcise ukubhala kwakho
- Bhala uyilo lokuqala
- Cela umhlobo ukuba ahlele okubhalileyo
- Funda okubhalileyo kwakhona uze wenze izilungiso ezifanelekileyo
- Ken goku bhala ngokucocekileyo encwadini yakho.

**Isilo-qabane esitsha sikaMary-Ann**



**1** Okwenzeke kubusuku obudlulileyo

*Kubusuku obudlulileyo andikwazanga kulala ngenxa …*



**2** Ukuya kwindawo ekugcinwa kuyo izilwanyana

*Ekugqibeleni uNomsa wafika saze sahamba ngeenyawo ukuya kwindawo ekugcinwa kuyo izilwanyana.*



**3** Ukwenza isigqibo sokuba ukhetha esiphi isilo-qabane

*Ndigqibe ekubeni ndithenge inja encinci enekhola emsobo emva koko …*



**4** Ukubuyela emva ekhaya

*Ndiyazi ukuba ndenze isigqibo esilungileyo …*




Ngoku sebenzisa isazobe sakho sokucinga ubhale kwidayari. Bhala kwidayari ilinge lakho lokuqala uze ucele umhlobo ukuba ajonge okubhalileyo. Yenza izilungiso uze ubhale kakuhle ngokucocekileyo kwisithuba osinikiweyo kwiphepha elikwelinye icala.



XHO HL Gr4 B2 TH5.indd 8 2021/04/16 10:58:32

# Inja elahlekileyo






Inja kaMary-Ann ilahlekile. Yenza ipowusta YENJA ELAHLEKILEYO enika iinkcukacha malunga nenja kwakunye nendlela yokuqhagamshelana nomnini wayo.

Zoba umfanekiso wenja uze usebenzise imibala eqaqambileyo enomtsalane.






Thelekisa ipowusta yakho neyomhlobo wakho. Vavanyani ipowusta yomnye nomnye nisebenzise olu luhlu lulandelayo.

Ndiyajonga nje

| Ingaba ipowusta inayo: | ☹ | 😐 | ☺ |
|---|---|---|---|
| umfanekiso wenja? | | | |
| isihloko esibhalwe kakhulu esinomtsalane? | | | |
| ulwazi olufanelekileyo lokuqhagamshelana nomnini? | | | |
| inkcazelo ecacileyo yenja? | | | |
| iinkcukacha malunga nokuba inja ilahleke nini, phi? | | | |
| igama lenja? | | | |

Umhla:





Umsebenzi wegama

Uninzi lwezihlomelo lusixelela malunga nendlela esenzeka ngayo isenzo ngokufakela u-**ngo**-. Kukho imizekelo engephi kolu luhlu.

| | | |
|---|---|---|
| **ngo**kuqaqambileyo | **ngo**kulusizi | **ngo**bubele |
| **ngo**kuthe chu | **ngo**kuzingca | **ngo**kukhawuleza |
| **ngo**kuthe cwaka | **ngo**kukhwaza | **ngo**nonophelo |

Jonga ngononophelo izimaphambili (onobumba abasekuqaleni) kwamagama kuluhlu olulandelayo. Phantse zonke izihlomelo zobunjani ziqala ngo-**ngo**-, kodwa izihlomelo zexesha okanye izihlomelo zendawo azinaye u-**ngo-**. Jonga imizekelo yezihlomelo zendawo nezihlomelo zexesha kula magama.

| | | |
|---|---|---|
| **kusasa** | **ngokuhlwa** | **emlanjeni** |
| **emini** | **elwandle** | **ekhaya** |
| **ngorhatya** | **eDutywa** | **eKapa** |



Ucinga ukuba kutheni amagama amaninzi asisihlomelo sendawo eqala ngo-**e**- aze asisihlomelo sexesha aqale ngo-**ngo**- kodwa amanye awawulandeli lo mthetho, umzekelo: kusasa, ekuseni, xa kumpondo zankomo?



Masibhale

Ngoku sebenzisa izihlomelo ezine ezisuka kuluhlu ngalunye wenze izivakalisi (ibe zizivakalisi ezisibhozo zizonke).

# Izivakalisi ezimbaxa





Masibhale

Izivakalisi ezimbaxa zinezenzi ezingaphezulu kwesinye. Krwela umgca kwisenzi ngasinye kwezi zivakalisi zilula. Dibanisa isibini ngasinye sezivakalisi wakhe isivakalisi esimbaxa usebenzise amagama akwizibiyeli.

| | | |
|---|---|---|
| Intombazana ihamba kancinci. | Izenzakalise emlenzeni. | (kuba) |
| *Intombazana ihamba kancinci kuba izenzakalise emlenzeni.* | | |
| Akakwazanga ukulala. | Ufunde incwadi. | (ke ngoko) |
| | | |
| Inja ipitshozisa umsila wayo. | Yonwabile. | (kuba) |
| | | |
| Sibhake ikeyiki. | Sayitya. | (saze) |
| | | |
| Ndiyawathanda ama-apile. | Ndiyawathanda namapere. | (kwaye) |
| | | |



Masibhale

Ngoku yahlula isivakalisi ngasinye kwezimbaxa zibe zizivakalisi ezibini ezilula.

| Inkwenkwe iyaqhwalela kuba izenzakalise emlenzeni. | |
|---|---|
| *Inkwenkwe iyaqhwalela.* | *Inkwenkwe izenzakalise emlenzeni.* |
| | |

| UYvonne utye iikeyiki ezintlanu kuba uyintombazana enyolukileyo. | |
|---|---|
| | |

| Inja iyakhonkotha kuba ive ingxolo. | |
|---|---|
| | |

| Ndincedisa umama wam ekuphekeni ndize ndilungise itafile. | |
|---|---|
| | |



XHO HL Gr4 B2 TH5.indd 12 2021/04/16 10:59:24

Umhla:




Jonga amagama angezantsi kwisivakalisi ngasinye. Khetha igama elichanekileyo uze ulibhale kwisithuba osinikiweyo.



Rhoqo ekuseni (ndiyayeka ukulala) *vuka* ngentsimbi yesithandathu.

| | | |
|---|---|---|
| vuka | phakama | phaphama |



Kufuneka (uyeke ukucothisa kangaka) ________ okanye uya kushiywa yibhasi.

| | | |
|---|---|---|
| gqiba msinyane | khawulezisa | gxagxamisa |



Xa sifika esitophini sebhasi (sehlile) ________ ebhasini.

| | | |
|---|---|---|
| siphumile | sehlikile | sigxidikile |

Ngoku fakela izenzi ezingamabinzana achanekileyo kwezi zivakalisi.

| | | | | |
|---|---|---|---|---|
| gcina | hlala phantsi | nxiba | bophe | hlise |
| ivuliwe | vala | vuka | hamba | cima |

Ndiye egumbini ndaze ________ isibane.

Andikuthandi uku ________ kwangethuba kusasa.

Undixelele ukuba ndi ________ ibhanti lesihlalo semoto ngalo lonke ixesha ndingena emotweni.

Umama wam uxelele uJabu ukuba a ________ umculo kuba ubungxola kakhulu.

Andikwazanga ________ inkqubo kwirediyo ke ngoko indiphosile.

Kufuneke ndi ________ udade wethu omncinci ngexa umama wethu ebengekho.

Utitshala wam wasixelela ukuba ________ kwaye sithi cwaka.

Xa ndifika ekhaya ndi ________ iyunifomu yam yesikolo.

Nceda ________ itephu ukuze ungadlali ngamanzi.

Titshala: Sayina ________ Umhla ________



XHO HL Gr4 B2 TH5.indd 13 2021/04/16 10:59:38

# Ufunda idayari





Masifunde

Funda eli nqaku ledayari uze uphendule imibuzo elandelayo. Krwelela onke amagama apelwe kakubi kule leta.

*Eli nqaku ledayari lithathwe kwi-Diary of a Wimpy Kid nguJeff Kinney. Libhalwe nguGreg Heffley, oyinkwenkwe efunda kwesinye sezikolo zaseMelika zamabanga aphakathi. Isikolo samabanga aphakathi siphantse sifane nebanga lesi-4 ukuya kwibanga lesi-7 ngokwenkqubo yezikolo zaseMzantsi Afrika.*

Namhlanje lusuku lokuqala lwesikolo kwaye ngoku silinde uthishala ukuba akhawulezise agqibe itshathi yokuhlala. Kengoko ndicinge ukuba ndibale kule ncwadi ukuhambisa ixesha.

Makhe ndininike icebo elilungileyo. Kusuku lokuqala lwesikolo, kufuneka uqapele ngenene apho uhlala khona. Ungena kwigumbi lokufundela, uphose izinto zakho phatsi kuyo nayiphi na idesika endala, okulandelayo kukuba utitshala esithi –




Kengoko kule klasi, ndifuxaniselwa kuChris Hosey phambi kwam noLionel James emva kwam. UJason Brill ufike mva, uphantse wahlala ekunene kwam kodwa ngethamsanqa ndikunqandile ngomzuzwana wokugqibela.




jwi – ukujula okanye ukuphosa
shu – engandiniki kuphumla - enditshutshisa
ndibhatyaza – ndibhuda izingqi ndingenzi kakuhle




XHO HL Gr4 B2 TH5.indd 14 2021/04/16 10:59:53

NgoLwesiBini

Andazi ukuba bendikhe ndakuchaphazela oku ngaphambili, kodwa NDIBALASELE kwimidlalo yevidiyo. Ndiyaqinisekisa, ndingabetha nabani na kwibanga lam xa sihlangene.

Ngelishwa, uTata wam akazithandi ncam ezi zakhono zam. Uhlala njalo endixelela ukuba mandiphumele ngaphandle ndenze nantoni na "edlamkisayo".

Ke noko ebusuku, emva kwesidlo sangokuhlwa xa uTata eqalise ukunditshutshisa ngokuba mandiye ngaphandle, ndizamile ukumcacisela ngendlela onokuthi ngemidlalo yevidiyo udlale imidlalo enjengebhola ekhatywayo, futhi awutshi uphinde ubile.



Kodwa njengesiqhelo, uTata akayibonanga ingqiqo yam.

UTata yindoda ethandekayo kwizinto ezininzi kodwa xa kubhekiselele kwingqiqo jikelele, ngamanye amaxesha ndiyamthandabuza.





Ndiqinisekile uTata uya kuyiqhaqha inkqubo yam yomdlalo ukuba angayazi indlela ekwenziwa ngayo oko. Kodwa ngethamsanqa, abantu abenza ezi zinto bazenza zingafikeleleki ebazalini.

NgoLwesiThathu

Namhlanje kwiJografi sibe novavanyo (ikhwizi), futhi ndingatsho ukuba kudala ndikunqwenela oku ixesha elide.

Ikhwizi ibimalunga namakomkhulu eedolophu (iikhapitali) kwaye ndihlala ngasemva egumbini, kufutshane nemephu enkulu kakhulu yeZizwe eziManyeneyo. Onke amakomkhulu eedolophu abhalwe ngombhalo omkhulu obomvu, ke ngoko ndazile ukuba ndiza kuba ngungqa phambili.



Kodwa phambi kokuba kuqaliswe uvavanyo, uPatty Farrell ukhwaze engaphambili egumbini.




UPatty uxelele uMnu. Ira ukuba kufuneka ogqume imephu yeZizwe eziManyaneyo ngaphambi kokuba siqalise.




Ngoko ndiyambulela uPatty, ndiphele ndibhatyaza kwikhwizi. Kwaye ngokuqinisekileyo ndiya kuyikhangela ndiyifumane indlela yokuziphindezela koku.



XHO HL Gr4 B2 TH5.indd 15 2021/04/16 11:00:24

# Ukubhala idayari eyeyakho







Masithethe


Zeziphi iziganeko ezichaziweyo kwidayari ye-Wimpy Kid kwiphepha elingaphambili?

Dwelisa iziganeko abhale ngazo kwinqaku leentsuku ezintathu.

1
2
3

Cinga ngenqaku ngalinye ledayari uze ubhale isihloko ngenqaku ngalinye.


1
2
3



Masibhale

Bhala ke ngoku elakho inqaku kwidayari. Cinga ngamava ahlukeneyo onawo abalulekileyo, ahlekisayo okanye alusizi. Fakela umhla nosuku futhi ukhumbule ukubhala njengomntu wokuqala (usebenzisa u-"Ndi") kwixesha elidlulileyo. Ungalandela umzekelo we-Wimpy Kid uze uzobe umfanekiso obonisa idayari nganye.

*Dayari ethandekayo* *Usuku:* *Umhla:*



Zoba kwinqaku lakho.



XHO HL Gr4 B2 TH5.indd 16 2021/04/16 11:00:47

# Ixesha lesikrini

Ikota 3 – Iiveki 3–4

Kwikhasi lokusebenzela elingaphambili ufunde waze wabhala ibali. Kwezi veki zimbini zilandelayo uza kuqwalasela izicatshulwa eziqulathe ulwazi. Uza kufunda ulwazi kwiincwadana zolwazi uze uyile incwadana yolwazi eyeyakho.

**Phambi kokufunda**

- Jonga imifanekiso kunye nesihloko/nezihloko emva koko uzame ukuqikelela ukuba isicatshulwa siza kuba ngantoni na.
- Funda ngokukhawuleza ukuze ube nofifi lwento oza kufunda ngayo.

**Ukufunda**

- Thelekisa uqikelelo lwakho noko ukufundayo.
- Ukuba kukho indawo ongayiqondiyo yifunde kwakhona ucotha. Yifunde ngokuvakalayo.

## INGABA UNAMEHLO AZIZIKWERE



**Molweni Bantwana**

Ingaba uchitha ixesha elininzi ubukele umabonakude okanye ibhayasikophu, udlala ngeselula yakho, ikhompiyutha okanye udlala imidlalo yevidiyo. Ingaba ulivila elisoloko lihleli esofeni?

Abantwana abaninzi bachitha ixesha labo elininzi behleli phambi kwesikrini.

Ewe, ixesha olichitha ujonge isikrini linako ukuba nemfundiso, kodwa baninzi kakhulu abantwana abachitha ixesha elininzi kakhulu bephambi kwesikrini. Abanye abantwana bachitha ixesha elininzi bebukele umabonakude bedlala nemidlalo ngaphezulu kweeyure abazichitha esikolweni!

Kutheni le nto ukujonga isikrini ixesha elide kuyingxaki nje?

- **Awulali ngokwaneleyo.** Ngokuya uchitha ixesha elide ubukele umabonakude, kungenzeka ukuba uya kulala ebusuku kakhulu uze ke ungalali ngokwaneleyo. Xa ulele ixesha elifutshane kakhulu uyadinwa, kwaye abantwana abadiniweyo kuba nzima kubo ukuzinzisa ingqondo esikolweni.
- **Ukutyeba okugqithisileyo.** Xa uchitha ixesha elininzi uhleli phambi kukamabonakude, uba semgciphekweni wokutyeba ngokugqithisileyo. Abantwana abaninzi abahlala phambi kukamabonakude ixesha elide basuke barhalele ukutya okungekho sempilweni okuvela kwiintengiso zikamabonakude. Kulula nokutya kakhulu xa ubukele umabonakude.
- **Ukungaqhubi kakuhle esikolweni.** Abantwana ababukela umabonakude kakhulu okanye abadlala imidlalo yekhompiyutha baye bafumanise ukuba abanaxesha laneleyo lokwenza umsebenzi wesikolo wasekhaya okanye ukufundela iimviwo.
- **Ukuqhelana nobundlobongela.** Iinkqubo zikamabonakude ziqhele ukubonisa ubundlobongela.

Abantwana kufuneka bazi ukuba ubundlobongela ababubona kumabonakude abulunganga. Akuyiyo indlela elungileyo yokulungisa izinto.


- **Akukho xesha laneleyo lokudlala.** Xa uchitha ixesha elininzi ujonge isikrini uba nexesha elincinci lokudlala.





XHO HL Gr4 B2 TH5.indd 18 2021/04/16 11:00:55

Umhla:



## Yenza okulungele abantwana

Abantwana besikolo abafanelanga ukuchitha ixesha elingaphezulu kweyure ukuya kwezimbini phambi kwesikrini.

Kufuneka ubeke imida ukuze ulinciphise ixesha olichitha ubukele umabonakude, udlala nemidlalo yekhompiyutha okanye imidlalo yevidiyo.


**Ixesha elichithwa ngabantwana bebukele umabonakude**




## Zeziphi ezinye izinto onokuzenza?


Zibandakanye neqela lezemidlalo okanye nethala leencwadi ufunde iincwadi. Udlale nabahlobo okanye udlale epakini. Funda ukudlala isixhobo somculo, dlala imidlalo edlalelwa ezibhodini, okanye uqalise ukwenza into oyithandayo.

















Masithethe

- Uchithe ixesha elingakanani ubukele umabonakude namhlanje?
- Zeziphi iinkqubo othanda ukuzibukela?
- Uthanda ukwenza ntoni ngeli xesha ubukele umabonakude?
- Yeyiphi imidlalo yesikrini ofuna ukuyidlala?
- Uchitha ixesha elingakanani udlala imidlalo yesikrini ngosuku?
- Yintoni ivila?

# Malunga nencwadana yolwazi






Funda incwadana yolwazi kwakhona uze uphendule le mibuzo.

Tshatisa la magama neentsingiselo zawo.



| | |
|---|---|
| utyebe kakhulu | cinga |
| uqhelile | sisidudla |
| ixesha lesikrini | phungula |
| zinzisa ingqondo | uyakwazi |
| nciphisa | Ixesha elichithwa kujongwe isikrini |

Ingaba le ncwadana yolwazi ibhalelwe bani? Phawula ibhokisi echanekileyo ✔.

☐ Abazali ☐ ootitshala ☐ Abantwana besikolo ☐ Abantu abadala

Kutheni usitsho nje? Khuphela isivakalisi sibe sinye esikwincwadana yolwazi esithetha loo nto.

| Ingaba le ncwadana yolwazi isixelela ntoni? | |
|---|---|
| 1 | Ukuba ukubukela umabonakude nokudlala imidlalo yevidiyo kumosha umbane. |
| 2 | Ukuba abantwana kufuneka bachithe ixesha elingaphezulu kweyure enye ukuya kwezi-2 bephambi kukamabonakude ngosuku olunye. |
| 3 | Ukuba amakhwenkwe akhetha ukudlala imidlalo yevidiyo kwaye amantombazana akhetha ukubukela umabonakude. |
| 4 | Ukuba uza kuba namehlo asisikwere xa uchitha ixesha elininzi ujonge isikrini. |

| Kutheni le nto ukubukela umabonakude kubangela ukuba abantwana bangaqhubi kakuhle esikolweni? | |
|---|---|
| 1 | Kuba abantwana bathanda ukutya okungekho mpilweni abakubona kwiintengiso zikamabonakude. |
| 2 | Kuba abantwana abayenzi imithambo. |
| 3 | Kuba umabonakude uphembelela ubundlobongela. |
| 4 | Kuba abantwana abanaxesha laneleyo lokwenza umsebenzi wesikolo wasekhaya. |

Jongisisa itshathi ekwiphepha 19. Le tshathi isixelela ntoni malunga nexesha elichithwa ngabantwana abaneminyaka eyahlukeneyo bebukele umabonakude? Lithini ixesha elicetyiswayo?




XHO HL Gr4 B2 TH5.indd 20 2021/04/16 11:02:04

Umhla:

**Masibhale**

Bhala phantsi izinto zibe ntathu ezimbi ezibangelwa kukuchitha ixesha elide kwisikrini.




**Masenze**

Sebenza nomhlobo wakho nize niyile ipowusta ekhuthaza abantwana ukuba benze ezinye izinto endaweni yokudlala imidlalo yevidiyo okanye ukubukela umabonakude.

**Masibhale**

Ngoku bhala umhlathi onika inkcazelo ngepowusta yakho. Cacisa ukuba kutheni le nto abantwana befanele ukuchitha ixesha elincinci phambi kwesikrini baze bachithe ixesha elininzi besenza ezinye izinto.

- Sebenzisa isazobe seengcinga sikuncede ucwangcise oza kukubhala
- Bhala uyilo lokuqala
- Cela umhlobo wakho ahlele okubhalileyo
- Funda okubhalileyo kwakhona uze wenze izilungiso ngokufanelekileyo
- Emva koko bhala kakuhle encwadini yakho.



XHO HL Gr4 B2 TH5.indd 21 2021/04/16 11:02:22

# Apho izinto zikhoyo

Ikota 3 – Iiveki 3–4




**Masibhale**

Jonga eli bali lemifanekiso elingenja ethenga iphephandaba. Fakela isalathandawo esichanekileyo kwisithuba esikumfanekiso ngamnye. Igama ngalinye lisebenzise kube kanye.

**Sijonga izalathandawo**

Izalathandawo zisibonisa ukuba izinto ziphi. Zikholisa ukukhokela isihlomelo sendawo okanye zizimele.

ngaphaya | nganeno | kufuphi | ngaphakathi | ecaleni | ngaphantsi | ngaphandle | phambi | ngaphezulu






**Masibhale**

Ngoku bhala isivakalisi ngomfanekiso ngamnye usebenzisa ezi zalathandawo, igama ngalinye lisebenzise kube kanye.

1 UToki uyahamba uya evenkileni. Uyawela .
2
3
4
5
6
7
8
9

1 ngaphaya, 2 ngaphezulu, 3 nganeno, 4 ngaphakathi, 5 ngaphandle, 6 ngaphantsi, 7 phambi, 8 ecaleni, 9 kufuphi



XHO HL Gr4 B2 TH5.indd 22 2021/04/16 11:02:38

Umhla:

# Sizonwabisa ngokusebenzisa izafobe




Fumanisa ukuba zeziphi ezi zafobe uze uzobe umfanekiso ukuphuhlisa umzekelo ngamnye.

## Isifaniso

Isifaniso sisafobe apho ukufana kwento nenye kuxelwa ngokucacileyo.
Kudla ngokusetyenziswa ezi zakhi njenga-, ngokwa-, okwa-, nqwa ne-.

| USipho ululame okwegusha. | Yena utyebe njengehagu. |
|---|---|
| | |





## Isikweko

Isikweko sisafobe apho into ethile ibekwa endaweni yenye okanye kuthiwe yenye into kuba zinempawu ezifanayo.

| UVusi lo yinyoka. | Ufike apha utata eligwele ngumsindo. |
|---|---|
| | |





## Isihlonipho

Isihlonipho yintetho apha enobumnandi equma ihlazo, inyala, isikizi kunye nentlonipho.

| Uyihlo lincoko (endaweni yokuthi uyaxoka) | Uqhuba amatakane (endaweni yokuthi unxilile) |
|---|---|
| | |



# Konke ngokuxhaphaza





Masifunde

Funda incwadana yolwazi uze uphendule imibuzo elandelayo.

**Phambi kokufunda**

- Jonga imifanekiso kunye nezihloko emva koko uzame ukuqikelela okubhaliweyo kumalunga nantoni na.
- Funda ngokukhawuleza eli khasi ukuze ubone oza kufunda ngako.

**Ukufunda**

- Thelekisa ingqikelelo yakho nokufundayo.
- Ukuba kukho indawo ongayiqondiyo yifunde kwakhona ucotha. Yifunde ngokuvakalayo.




## Phelisa ukuxhaphaza

Abantwana besikolo abaninzi bayaxhatshazwa. Ukuxhaphaza kuyingxaki ekufuneka siyiphelise ezikolweni zethu. Kufuneka uqaphele ukuziphatha okuneempawu zokuxhatshazwa.



### Kuthetha ukuthini ukuvuyelela?

Kukuphathwa gadalala kwabantwana ngabanye abantwana besikolo. Amaxesha amaninzi le ndlela igadalala yokuphathwa kwabanye abantwana yinto emana iphinda-phindwa.

Ukuvuyelela kuquka ukugrogriswa, ukuqhula okukhathazayo, ukubizwa ngamagama amabi, ukuvisa omnye ubuhlungu nokwenza omnye umntwana ikheswa ngabom.

### Ukuxhaphaza oku kwenzeka phi?


Kuxhatshazwa naphi na

- endleleni eya esikolweni
- kwizindlu zangasese
- emnxebeni okanye kwi-intanethi
- kumabala ezemidlalo
- xa kuphunyiwe sisikolo

### Uziva njani xa uxhatshaziwe?

Ukuxhatshazwa kubuhlungu kwaye abantwana abaxhatshazwayo baziva bengonwabanga, besoyika kwaye benomvandedwa. Ukuxhatshazwa akuzukuphela ngaphandle kokuba uxelele umntu ngako. Ukuba uyaxhatshazwa kufuneka uxelele utitshala wakho okanye omnye umntu omdala oza kukumamela aze akuncede.

Ukuba akulufumani uncedo, tsalela umnxeba woncedo lwabantwana kule nombolo yasimahla.



Umnxeba woNcedo lwabantwana
☎ 08000 55 555

### Yintoni onokuyenza ukuba uyaxhatshazwa?

Xelela umntu. Xelela utitshala wakho, umama wakho, utata wakho okanye ilungu losapho lwakho. Bacele ukuba bakuncede ucebe ukuba uza kwenza ntoni. Ukuba uxhatshazwa emnxebeni okanye kwi-intanethi, gcina imiyalezo uze ubonise umntu omdala.

Hlala unethemba. Zama ukucinga ngokuhle njengezinto ozenza esikolweni ozonwabelayo. Ngalo lonke ixesha khumbula ukuba bakhona abantu abakuthandayo kwaye abakukhathaleleyo.

Umhla:



Linga ukuthatha amanyathelo ngokwakho. Yitsho ngokuzithemba. Ukuba uyabona ukuba ukhuselekile, ungambuza umxhaphazi ukuba ingxaki yakhe yintoni na nokuba ningakwazi na ukuyisombulula nobabini. Ungaze uthethe nomxhaphazi uwedwa. Cela umhlobo wakho ukuba ahambe nawe.

### Ingaba wakhe wabizwa ngokuba ungumxhaphazi?

Akumnandanga ukubizwa ngokuba ungumxhaphazi. Akukho mntu ubathandayo abaxhaphazi.

Ngamanye amaxesha awusazi isizathu esibangela ukuba ubizwe ngokuba ungumxhaphazi kodwa ngamanye amaxesha uyasazi. Ukuba ubizwa njengomxhaphazi kufuneka ucinge malunga nezinto ozenzayo nokuba ungatshintsha njani.

Ungacela uncedo utshintshe indlela oziphatha ngayo. Thetha nabazali bakho okanye utitshala ucele uncedo.

### Kufuneka wenze ntoni xa ungumxhaphazi?

- Vuma ukuba unguye umxhaphazi uze uqalise ukutshintsha indlela oziphatha ngayo. Cinga ngesizathu esikwenze ukuba uziphathe ngolu hlobo.
- Xolisa kulo mntu umxhaphazileyo. Ukucela uxolo linyathelo lokuqala lokulungisa izinto.
- Mbhalele incwadi lo mntu ukuba akafuni ukuthetha nawe.
- Xelela utitshala ukuba uye wanolunya kwaye ufuna uncedo ukuze utshintshe indlela oziphethe ngayo.

### Kufuneka uthini ukuba wazi umntu oxhatshazwayo?

Ukuba kukho umntu omaziyo oxhatshazwayo, lo mntu ufuna uncedo lwakho.

Ungangakwazi ukumnqandela ngokwakho, kodwa unako ukunceda.

Thetha nootitshala bakho ngokuxhaphaza.

Nceda umntu oxhatshazwayo akwazi ukubaleka aye kwindawo ekhuselekileyo.



Masithethe

- Ingaba wakhe waxhatshazwa?
- Wenza ntoni ngaloo nto?
- Ngubani ongathetha naye ukuba uyaxhatshazwa?



XHO HL Gr4 B2 TH5.indd 25 2021/04/16 11:02:52

# 77 Sicinga ngokuxhaphaza



Masibhale

Funda incwadana yolwazi malunga nokuxhatshazwa uze uphendule le mibuzo.

Ingaba le ncwadana yolwazi ibhalelwe bani? Phawula ✔ ibhokisi echanekileyo. Ungaphawula iibhokisi ezininzi.

- ☐ Abazali
- ☐ Abantwana abaxhatshazwayo
- ☐ Abantwana abangabaxhaphazi
- ☐ ootitshala

Kutheni usitsho njalo? Khuphela isivakalisi sibe sinye esikwincwadana yolwazi esixela oku.

Tshatisa la magama neentsingiselo zawo.

| | |
|---|---|
| ukutyelela | ngokuqiniseka |
| i-intanethi | ukundwendwela |
| ukuzithemba | ukuzixela |
| ukucela uxolo | ukuxolisa |
| ukuvuma | uthungelwano ngekhompiyutha |

Xela amagama eendawo apho ukuxhaphaza kuye kwenzeke khona?

Dwelisa izinto zibe ntathu ofanele ukuzenza xa uxhatshazwa. Uthini xa zikhona izinto ozizamileyo ngokwakho kodwa awaphumelela ukunqanda ukuxhaphaza?

Ingaba umntu uxhatshazwa njani emnxebeni nakwi-intanethi?

Yila ibhodi ethi “Nqanda ukuxhaphaza”.



XHO HL Gr4 B2 TH5.indd 26 2021/04/16 11:02:54

Umhla:

# Izivakalisi ezimbaxa




*Unako ukudibanisa izivakalisi ezibini eziqhelekileyo ngesihlanganisi wakhe isivakalisi esimbaxa.*





**Masibhale** Sebenzisa isihlanganisi esikwizibiyeli wakhe isivakalisi esimbaxa.

| | |
|---|---|
| Ndiyakuthanda ukuya eKruger Park. | UAnn ukhetha ukuya elwandle. (kodwa) |
| | |
| UNontombi uza kuhamba. | Imvula iza kuna. (nokuba) |
| | |
| Sebenza imini nobusuku. | Ufuna ukuphumelela. (ukuba) |
| | |
| Umama wawafihla amaqebengwane. | Thina sawafumana. (kodwa) |
| | |
| Sinxiba iidyasi zethu. | Siya esikolweni kusasa. (xa) |
| | |
| USipho undisongele. | Mna andimkhathalele. (kanti) |
| | |

Titshala: Sayina _______ Umhla _______



XHO HL Gr4 B2 TH5.indd 27 2021/04/16 11:03:00

# Ixesha eladlulayo nelizayo eliqhubekayo



Sisebenzisa ixesha eladlulayo elikwimo yokuqondisa ukuchaza isenzo esenzeka kwixesha eladlulayo.
Ixesha eladlulayo kuhlobo lokuqondisa lakhiwa ngokufakela isakhi sexesha eladlulayo **u-a** kwisivumelanisi sentloko ze kulahlwe isikhamiso sesivumelanisi.
Ndandibukele umabonakude. Ndandilele ukuqalisa kwayo ukuna imvula. Kwiveki ephelileyo sabona ingozi yemoto.

Sisebenzisa ixesha elizayo elikwimo eqhubekayo xa sibhekisa kwinto eseza kwenzeka.
Ixesha elizayo kwimo eqhubekayo silakha ngokufakela intsiza-senzi **u-ya** okanye **u-za**.
Ndiza kuya eThekwini ngoLwesihlanu. Ndiya kufunda ngomso emva kwemini. Ndiza kuqala isikolo esitsha kule kota izayo.

## IMITHETHO

Dlala lo mdlalo wamaxesha uze ubone ukuba uzakha njani na izivakalisi ezikwixesha eladlulayo kunye nexesha elizayo kwimo eqhubekayo.

Indlela yokudlala

- Phosa phezulu ingqekembe yemali. Xa ihleli ngomsila intloko ingaphezulu oko kuthetha ukuba uhamba amanyathelo amabini usiya phambili. Xa ihleli ngentloko umsila ungaphezulu uya phambili inyathelo elinye.
- Sebenzisa amagama asebhokisini ofike wazinza kuyo ukwakha izivakalisi ezikwixesha eladlulayo okanye elizayo ezikwimo eqhubekayo.
- Ukuba ufike wema kwibhokisi enenombolo enguphindwa kabini, qala isivakalisi sakho **ngo-ngomso**, **kwiveki ezayo, kwinyanga ezayo** okanye **emva kwemini namhlanje**.
- Ukuba ufike wema kwinombolo engumnqakathi qala isivakalisi sakho **ngo-izolo**, **kwiveki ephelileyo**, **ngoMgqibelo odlulileyo**, **kunyaka ophelileyo**.
- Ogqibe kuqala nguye ophumeleleyo.



# Yila incwadana yolwazi






Buyela umva uye kwiphepha lokusebenzela lama-73 kunye nama-76 jonga ukuyilwa kweziya ncwadana zolwazi zimbini. Ngoku uza kuyila incwadana yolwazi eyeyakho malunga nokuxhaphaza. Sebenzisa esi sicwangciso silandelayo sikuncede. Ikhasi lakho elingaphambili kufuneka libe nomfanekiso ukuze linike umdla kubafundi. Kufuneka isihloko esinika umdla kunye nebinzana elinomtsalane – umzekelo, “Masiphelise ukuxhaphaza ngoku!” Zoba umfanekiso kwikhasi ngalinye ukuze uphuhlise imibono yakho. Kwiphepha langasemva ukhumbule ukufaka inombolo yomnxeba woNcedo lwabantwana.


| | | |
|---|---|---|
| 3 Iphepha langasemva: Nika iinkcukacha zokuqhagamshelana neChildline | 2 Apho kuxhatshazelwa khona | 1<br><br>Iphepha elingaphambili. |

| | | |
|---|---|---|
| 6 Yintoni ongayenza xa uxhatshazwa? | 5 Ungamnceda njani omnye umntu oxhatshazwayo? | 4 Ungenza ntoni xa ungumxhaphazi kodwa ufuna ukuyeka? |




Ngoku sika ukhuphe ikhasi elilandelayo ukuze wenze incwadana yolwazi emile ngokungathi ngunobumba uZ. Sebenzisa isicwangciso sakho selinge lokuqala ugqibezele incwadana yakho kakuhle.

| Ndiyakwazi | | |
|---|---|---|
| ukufunda okubhalwe kwidayari | | |
| ukufunda ibali lemifanekiso | | |
| ukufunda ibali | | |
| ukufunda incwadana yolwazi | | |
| ukuphendula imibuzo esekelwe ebalini | | |
| ukuphendula imibuzo esekelwe kwincwadana yolwazi | | |
| ukuphendula imibuzo esekelwe kwibali lemifanekiso | | |
| ukuyila incwadana yolwazi | | |
| ukuyila ipowusta | | |
| ukuxoxa ndize ndiqikelele ukuba ibali limalunga nantoni na ngokujonga umfanekiso | | |
| ukwahlula izivakalisi ezimbaxa zibe zizivakalisi ezilula | | |
| ukubona izikweko, izifaniso, nezihlonipho | | |
| ukubona izenzi | | |
| ukucacisa igrafu | | |
| ukudibanisa izivakalisi ezilula ndakhe izivakalisi ezimbaxa | | |
| ukutshatisa izihlomelo nezenzo | | |
| ukutshatisa amagama neentsingiselo zawo | | |
| ukuceba ndize ndibhale kwidayari | | |
| ukusebenzisa izihlomelo kwizivakalisi | | |
| ukusebenzisa izihlanganisi ukudibanisa izivakalisi | | |
| ukusebenzisa amabinzana ezenzi | | |
| ukusebenzisa izalathandawo ngendlela efanelekileyo | | |
| ukusebenzisa ixesha eladlulayo kunye nelizayo elikwimo eqhubekayo | | |
| ukubhala kwidayari | | |
| ukubhala isiphelo sebali | | |







XHO HL Gr4 B2 TH5.indd 33 2021/04/16 11:03:17

Iziqulatho

# Umxholo 6: Imidlalo nemibongo



## Ikota 3: Iiveki 5 - 6
## Ukonwaba ngemibongo


81 Ukonwaba ngemibongo 36

Uxoxa ngombongo nangamagama aqhobosha ulwimi.
Ufuna amagama anemvanosiphelo embongweni.
Uchonga isimntwiso embongweni.
Uziqhelisa ukubiza amagama aqhobosha ulwimi.
Uchonga imfanozandi embongweni.

82 Eminye imibongo eyonwabisayo 38

Ufunda umbongo.
Uphendula imibuzo esekelwe kumbongo.
Ukhangela amagama anemvanosiphelo embongweni.
Uchonga intloko nesivisa kwisivakalisi.
Ubhala izivakalisi ezilula aze achaze intloko nesivisa.

83 Ubhala owakhe umbongo 40

Ugqibezela ivesi yombongo ngokufakela amagama anemvanosiphelo.
Uphendula imibuzo esekelwe embongweni.
Uceba ukubhala umbongo esebenzisa isicwangciso sombongo.

84 Ukujonga ulwimi 42

Ufakela izivisa agqibezele izivakalisi.
Ubhala iintsingiselo zezishunquleli.
Usebenzisa izihlanganisi aguqule izivakalisi ezilula zibe zezixandileyo.

85 Iintab' ezikude 44

Ufunda umbongo akhwaze abe nemvakalelo.
Uphendula imibuzo esekelwe kumbongo.

86 Imibongo yase-Afrika 46

Uchonga amagama anemvano-siphelo emibongweni.
Uzoba imifanekiso ehambelana neevesi zombongo.

87 Ukubhala umbongo wemilo 48

Wenza isicwangciso sokubhala umbongo wemilo.
Ubhala uyilo lokuqala lombongo aze aphinde awubhale kakuhle.

88 Usakhumbula? 50

Ubhala izivakalisi asebenzise iziphumlisi ezichanekileyo.
Uchaza izivakalisi eziziyaleli, imibuzo, iingxelo nezikhuzo.
Usebenzisa izihlanganisi adibanise izivakalisi.


## Ikota 3: Iiveki 7 - 8
## Abantu neendawo


89 Abantu neendawo 52

Ujonga imephu yeloMzantsi Afrika aze afunde ngabantwana abavela kwiphondo ngalinye.
Udwelisa iinkcukacha ezingabantwana bephondo ngalinye.

90 Malunga neelwimi 54

Wenza uphando ngeelwimi aze abhale iziphumo.
Uxoxa ngemibuzo engokusetyenziswa kweelwimi ezahlukeneyo.
Ufunda itshathi.
Uphendula imibuzo esekelwe kwitshathi.
Uphendula imibuzo esekelwe kwimephu.
Uchaza izenzi.

91 Izikolo kwihlabathi jikelele 56

Ufunda imephu yehlabathi neenkcazelo zezikolo ezahlukeneyo zamanye amazwe.

92 Ukufunda kwamanye amazwe 58

Uphendula imibuzo esekelwe kwimephu yehlabathi.
Udwelisa iingxaki ezivela kwingxoxo.
Utshatisa amazwe namazwekazi.
Uphendula imibuzo yophando malunga neeyunifomu, ukutya, njl.
Ubhala izivakalisi asebenzise ezinye zeempendulo zemibuzo yophando.


## Ikota 3: Iiveki 9 - 10
## Imidlalo


93 Ixesha lemidlalo 60

Ufunda umdlalo.

94 Masicinge ngebali 62

Uphendula imibuzo esekelwe emdlalweni.
Uzalisa iphazile yamagama asebenzise izibizo zoquko.

95 Bhala owakho umdlalo 64

Wenza isicwangciso sokubhala umdlalo asebenzise isazobe sokucinga kunye nesicwangcisi.
Ubhala umdlalo.

96 Ukujonga ulwimi 66


Ubhala izivakalisi asebenzise izimaphambili.
Ubhala izivakalisi asebenzise izimamva.






# Ukonwaba ngemibongo

Kweli candelo uza kufunda ngeendidi ezahlukeneyo zemibongo kwaye uza kubhala eyakho imibongo embalwa.







Masithethe

Wakhe waqhobosheka ulwimi?

Ungakwazi ukubiza la magama ngokukhawuleza okukhulu?

Ndachol' itik' eQonce, ndathenga ngayw' eQonce, ndachol' itik' eQonce, ndathenga ngayw' eQonce, ndachol' itik' eQonce, ndathenga ngayw' eQonce.



Mhlawumbi uphele usithi **ndaqhol'itik' eQonce ncathenga ngay' eConce**! Oku kwaziwa njengamagama aqhobosha ulwimi okanye amagama athintithisayo.



Umbhali walo mbongo usebenzise uphindaphindo oludala isingqi nomngqungqo, nto ezo ezibangela kube luyolo ukuwuphulaphula nokuwucengceleza.

Jonga umfanekiso nesihloko sombongo. Ucinga ukuba lo mbongo ungantoni? Thetha nomhlobo wakho.

## Hamba Nathi Loliwe


Yinkunz' emdak' egudl' amathambeka,
Yinyok' ende etsiba iziziba.
Ngusisu sikhulu sigab' amanzi,
Ngumakhakhalal' unyok' enomsila.
Ngukhohlela kutak' amadangatye,
Ngugudl' amathambek' etshukutshukuza
Ngunyaw zigudile kukungqisha.
Hamba nathi loliwe.
Phumani nize kufanekisa,
Yoz' ithi kanti ngulo gqoloma,
Yoz' ithi kanti sisilo sezadunge,
Yoz' ithi kanti yinyok' abafazi,
Ingumban' isilo sokuthakatha.
Guguz' uhambe nathi loliwe.
Bhijel' amageduk' utyhutyh' iintaba.
Hamba nathi loliwe.
Nantso imunamuna intw' enkulu,
Iziziliza ukunyuk' intaba.
Kunzim' ukunyuka ngumgud' omkhulu.
Nantso ke izibika, "Ndaqhekeka,
Ndaqhekeka, ndaqhekeka, ndaqhekeka."
Ayiphelelwanga lithemba noko.
Nants' izomeleza "Ndi-na-kho-ndi-na-kho".
Hamba nathi loliwe.
Bhijabhijel' ezo ntaba loliwe,
Sewukufutshan' esadungeni,
Aph' uza kuziphozisa khona.
Uze uthi wakuqabela
Uzibike indlal' esiswini,
Uthi "Xhegwazana phek' ipapa.
Xhegwazana phek' ipapa.
Xhegwazana phek' ipapa."
Hamba nathi nqwel' omLungu.
Hamba nathi loliwe

(nguL. T. Manyase)



Masifunde

Kweli candelo uza kufunda ngeendidi ezahlukeneyo zemibongo kwaye uza kubhala eyakho imibongo embalwa.





XHO HL Gr4 B2 TH6.indd 36 2021/04/16 10:56:02




Lo mbongo umalunga nantoni?

Ngawaphi amagama ofumene iingxaki ekuwabizeni xa uwakhawulezisa ukuwabiza? Wakrwelele umgca.




Imbongi isebenzise amagama anemvano-siphelo ukuze umbongo wakhe ube mnandi endlebeni kwaye ube nobunye. Khangela amagama anemvano-siphelo okanye imvano-siqalo efana nala uze uwabhale kwizithuba ezikhoyo.

| Ngusisu | enkulu | ipapa | ndaqhekeka | noko |
|---|---|---|---|---|
| | | | | |

Xela iindawo ahamba kuzo uloliwe.

Kutheni imbongi imfanisa nenyoka nje uloliwe?

## Isimntwiso

Xa ababhali benika izilwanyana okanye izinto iimpawu zomntu oku sikubiza **isimntwiso**. kulo mbongo, imbongi inika uloliwe iimpawu zomntu.

Khuphela umgca kulo mbongo ongumzekelo wesimntwiso.




## Imfanozandi

Ziqhelise la magama aqhobosha ulwimi. Ungawabiza ngokukhawuleza okungakanani?

Ndiqhele ukucheba ixhego inkqayi

Amaqand' enqil' aqhumkile



*Ndachol'itik'eQonce, ndathenga ngayw' eQonce*







Ugqirha uligqabhuzile qhumfu iqhakuva elisemqolo kaQondile.

Xa siphinda oonobumba ekuqaleni kwegama elikufutshane nelinye kwisivakalisi, oku sikubiza imfanozandi.




Funda ulwazi malunga nemfanozandi uze ukrwelele izandi eziphindiweyo kwiziqhoboshi zolwimi.



XHO HL Gr4 B2 TH6.indd 37 2021/04/16 10:56:10

# Eminye imibongo eyonwabisayo






Funda umbongo uze uphendule imibuzo.



## Itipoti



Ngxatsi! Ndingutipot' igama lam. Ndaziwa kulo lonk' elimiweyo.
Ndaye andinalizwe ndonwaba kulo.
Ndilil' iinyembezi yonk' imihla,
Kodwa akukho ban' undivelayo.
Ndinantshaba zam ezindilwa ncam,
Lowo nguMaRadebe noMaDeyi.
Yiva benconywa kuth'wa banobubele.
Bathandwa ngam ke khon' oMaDeyi.
Ndingutipot' elam igama.
Kudala benditshisa ndilila.
Nithi mandithini na ezweni?
Oko ndandiseMonti ndandimhle,
Ndibenga njengempumalanga,
Kodwa namhla sendixinen' umqala,
Kunzima nokukhupha loo manzi
Anditshisayo kweso sisu sam.
Musan' ukundanga ndakumiwa,
Nindisulela ngezifo-yifo.
Ndingutipot' igama lam.

L.T. Manyase






| Ngoobani iintshaba zale tipoti? |
| --- |
| |
| Ucinga ukuba banconyelwa ntoni uMaRadebe noMaDeyi? |
| |
| Kutheni itipoti ingenandawo inokonwaba kuyo nje? |
| |
| Ucinga ukuba ililiswa yintoni itipoti? |
| |
| Sesiphi isafobe esisetyenziswe yimbongi xa isithi "Ndilil' iinyembezi yonk' imihla"? |
| |

Khetha amagama kulo mbongo anemvano-siphelo efana neyala.

| elimiweyo | MaDeyi | sam |
| --- | --- | --- |
| | | |



XHO HL Gr4 B2 TH6.indd 38 2021/04/16 10:56:23

Umhla:

## Izivakalisi ezilula nezimbaxa

Izivakalisi ezilula zinentloko nesivisa.



Intloko ibhekiselele emntwini okanye entweni. + Isivisa sisixelela okuthile malunga nomntu okanye into.

| | |
|---|---|
| UMary | uyacula. |
| intloko | isivisa |



Masibhale

Faka isangqa kwintloko uze ukrwele umgca kwisivisa kwisivakalisi ngasinye.



| |
|---|
| Umakhulu wam uyafunda. |
| UDan ukhabe ibhola. |
| Umama udiniwe. |
| Yena uyacula. |
| Inja ilambile. |
| UDan ufike emva kwexesha. |
| Indlovu incokola efowunini. |
| Injana yam itye ibhola yam. |
| Mna ndibhake ikeyiki. |

Bhala izivakalisi ezilula ezizezakho. Biyela ngesangqa intloko uze ukrwele umgca kwisivisa.

| |
|---|
| |
| |
| |
| |
| |



XHO HL Gr4 B2 TH6.indd 39 2021/04/16 10:56:33

# 83 Ubhala owakhe umbongo




**Masibhale**

Fakela amagama anemvano-siphelo ugcwalise izivakalisi ezingezantsi.

kwetafile

tshayelo

fikile

fileyo

## Iitheyibhile zophindaphindo

USoso Songololo u ________________ (1).

Nanko ezisonga phantsi kwe ________________ (2).

Umama rhuthu um ________________ (3).

Watsho kwakanye waba ngo ________________ (4).

Iimpendulo 1 fikile, 2 kwetafile, 3 tshayelo, 4 fileyo

**Masibhale**

Lo mbongo umalunga nantoni?

| |
|---|
| |
| |
| |

Ucinga ukuba kutheni lizisongile nje isongololo?

| |
|---|
| |
| |
| |

Ucinga ukuba kutheni umama ethatha umtshayelo nje? Ucinga ukuba kwenzeka ntoni kwisongololo?

| |
|---|
| |
| |
| |



XHO HL Gr4 B2 TH6.indd 40 2021/04/16 10:56:38

Umhla: ______________________



Masibhale

Lungiselela ukubhala umbongo. Sebenza nomhlobo wakho, nize nicinge ngesihloko nesivakalisi sokuqala. Iivesi zakho mazibe nemigca emine. Imigca yesibini neyesine mayibe nobude obulinganayo kwaye ibe nenani elilinganayo lamalungu. Zama ukuba amagama okugqibela omgca wesibini nowesine abe nemvanosiphelo efanayo.

Phambi kokuba niqalise, zamani ukufumana umxholo wombongo nize nixoxe nifune amagama anemvano-siphelo.

- Sebenzisa isazobe sokucinga sikuncedise ucwangcisele ukubhala
- Bhala ilinge lokuqala
- Cela umhlobo wakho alihlele
- Lihlaziye uze wenze izilungiso eziyimfuneko
- Libhale kwakhona ngocoselelo encwadini yakho.

## Isicwangciso sombongo wam

Bhala uyilo lokuqala lombongo ephepheni uze wakugqiba uwubhale kakuhle kwisithuba esingezantsi.

Isihloko sombongo

Umxholo wombongo

Fakela amagama anemvano-siphelo kumgca wesibini nowesine kwivesi nganye.

| Ivesi 1 | Ivesi 2 | Ivesi 3 |
|---|---|---|
| | | |
| | | |

Umbongo wam

Isihloko ______________________



XHO HL Gr4 B2 TH6.indd 41 2021/04/16 10:56:48


# Ukujonga ulwimi



## Iintloko nezivisa

- Intloko isixelela ngomntu, indawo okanye into ethile.
- Intloko ikholisa ukuba sisibizo okanye isimelabizo.





Jonga lo mzekelo.

| Udadewethu | uthanda itshokolethi. |
|---|---|
| Intloko | Isivisa sisixelela ngentloko |




Gqibezela ezi zivakalisi ngokufakela izivisa ezisixelela malunga nezi ntloko.

| |
|---|
| Abantwana abaninzi *bayakuthanda ukudlala.* |
| Izilwanyana ezininzi |
| Umhlobo wam |
| Abadlali bebhola ekhatywayo |
| Iikati ezilambileyo |
| Utitshala wethu |




Ingaba ezi zifinyezo zimele ntoni? Zibhale ngokupheleleyo.

| | | | |
|---|---|---|---|
| Nksk. | | SAPS | |
| cm. | | SABC | |
| Mnu. | | Nkszn. | |
| Umz. | | TV | |



Umhla:

# Ukuhlanganisa izivakalisi




Sebenzisa amagama akwikholamu esembindini uhlanganise ezi zivakalisi. Krwela umgca odibanisa inxalenye yesivakalisi ngasinye esikukholam A kunye nenxalenye echanekileyo ekukholam B ukuze wakhe isivakalisi esipheleleyo.

Sisebenzisa amagama ahlanganisayo afana no-*kuba*, *ukuze* no-*kodwa* ukuhlanganisa izivakalisi.

| A | **U-kuba** usichazela ngesizathu | B |
|---|---|---|
| Ndifike emva kwexesha esikolweni | | kuyabanda namhlanje. |
| Ndinxibe ijezi | | ndivuke emva kwexesha. |
| La nkwenkwe ibisoyika kakhulu | kuba | undifundisa indlela yokupela. |
| Ndiyamthanda utitshala wam | | yayixhatshazwa. |

| | **U-kodwa** ubonisa uchasaniso | |
|---|---|---|
| Ndiyakuthanda ukubukela umabonakude | | andizange ndiye efama. |
| Ndakhe ndaya edolophini enkulu | kodwa | andiyithandi imidlalo yevidiyo. |
| Ndandifuna ukumnqanda ayeke ukundixhaphaza | | walibala iikawusi zakhe. |
| Wapakisha iibhutsi zakhe zesoka | | ndandimoyika. |

| | **U-ukuze** usixelela ngenjongo | |
|---|---|---|
| Ndandisenza umsebenzi wam wasekhaya yonke imihla | | ndingayiphosi ibhasi. |
| Ndavuka kwangethuba | ukuze | ndiphumelele Ibanga lesi-4. |
| Ndandizilolonga yonke imihla | | ndikwazi ukuhamba kwangoko yakubetha intsimbi. |
| Ndapakisha ibhegi yam | | ndikhethelwe iqela. |

Sebenzisa izihlanganisi "kuba, ukuze okanye kodwa" uhlanganise ezi zivakalisi.

| | | |
|---|---|---|
| Sendikhe ndamkhwela ululiwe | | andikaze ndiyikhwele inqwelo-moya. |
| Asikwazi ukudlala ibhola ekhatywayo | | kuyana. |
| Ndifunda ngokuzimisela | | ndiphumelele iimviwo zam. |
| Ndifike emva kwexesha esikolweni | | iwotshi yam khange ikhale. |
| Ndiyayithanda ibhola ekhatywayo | | andiyithandi iqakamba. |



Titshala: Sayina ______ Umhla ______



XHO HL Gr4 B2 TH6.indd 43 2021/04/16 10:57:04

# 85 Iintab' ezikude




Funda umbongo ukhwaze.
Wufunde ngocoselelo uqiniseke ukuba uyawuqonda kakuhle.



## Iintab' ezikude

**Ntabana zikude zingamasithela,**
**Ndikhangele kuzo ngentliziy' iphela.**
**Ntabana zikude, ntab' ezimzingane,**
**Ndul' ezinamandla, ndul' ezimbizane.**

**Ndisinga kwelo zwe ngaphaya kweenduli,**
**Ndibetha ngokholo, le ndlel' ayivumi.**
**"Uqonda ngan' ukuba le ndlela yeyona,**
**Ndledlana zininzi zisinga kwakhona?"**

**Caleni lendlela ndichol' intyatyambo**
**Engath' emehlweni yimbew' aloo mlambo.**
**Njengoko ndihamba, nempepho ngokwayo**
**Imnandi, ibubomi, ichitha urano.**

**NoMna lo ngokwakhe usisidalwa esitsha,**
**Okuhl' okukuye kukhutshwa ngokutsha.**
**Ntaba zikude zingamasithela,**
**Ndinxubele kuzo, bubomi, lithemba**

**J. J. R. Jolobe**



XHO HL Gr4 B2 TH6.indd 44 2021/04/16 10:57:21

Umhla:



Masibhale

Funda umbongo ngononophelo, xoxa ngayo yonke imibuzo nomhlobo wakho nize nibhale iimpendulo.



Ngawaphi amagama anemvano-siphelo? Phinda ufunde umbongo uze ubiyele ngesangqa amagama anemvano-siphelo nabhalwe bomvu. Wabhale phantsi apha.



| iphela | kweenduli | intyatyambo | ngokutsha |
|---|---|---|---|
| | | | |

| Imbongi ithi izijonge njani ezi ntaba? |
|---|
| |
| |
| Ithetha ukuthini imbongi xa isithi "ndibetha ngokholo, le ndlel' ayivumi"? |
| |
| Nika igama elinentsingiselo efanayo nelithi 'umbizane'? |
| |
| |
| Ithetha ukuthini imbongi xa isithi "ndinxubele kuzo"? |
| |
| Le mbongi iyayithanda indalo. Uyavumelana nale mbono? Ngoba kutheni? |
| |
| Nika isichasi segama elithi "zikude". |
| |
| |
| Usasikhumbula isimelabizo sokwalatha? |
| |
| |
| Nika amagama azizimelabizo zokwalatha akulo mbongo. |
| |
| |



Titshala: Sayina ______ Umhla ______



XHO HL Gr4 B2 TH6.indd 45 2021/04/16 10:57:53

# Imibongo yase-Afrika






Jonga imibongo ekweli phepha. Ibizwa ngokuba yimibongo yemilo futhi zibhalwe ukuze zilingane nemilo yomfanekiso. Nangona le mibongo yomilo inemvano-siphelo, uninzi lwemibongo yemilo ayinamvano-siphelo.
Ngoku funda imibongo.




Krwela umgca phantsi kwamagama angazibini anemvano-siphelo ngombala ofanayo kumbongo ngamnye wemilo.




**Nguzigalo zandoda**
**nguntsimb' edl' ezinye,**
**Nguzwi liyaduduma ngasemahlathini.**
**Ngungqisha ngonyawokuqhekeke umhlaba,**
**Nguzinyo lokubhovula kwiinyamazana,**
**Nguntamo isamfumfu ngokwenkunzi yenqu.**
**Ngubhubesi labhonga mhla ngonxano.**
**Ngusokhetye ulogaxela ngemikhono,**
**Ngesifuba simbambalala ngokomofu.**
**Nguso libukhal' elitshawuza imibane.**
**Ngumlomo ongqebesha ngokwenkunz' omXhosa.**
**Ngumazamla ngamandla kukhal'abantwana**
**abantwana.**
**Ngubhubesi labhadula hlana ngendlala.**

**Ngugquma-barwaqelel' isilo samahlathi,**
**Nguntaka zaw' iintsiba ngokuntantazela,**
**Ngunkunzi zankomo zatsiba izibaya.**
**Nguzinja zatyhwatyhwatyhwatyhwa emva kocango.**
**Ngubafazi belali bayal' ukutheza,**
**Ngubhubesi lalawul' ihlathi kwaHoho.**



**Ngugquma-barhwaqela' isilo samahlathi,**
**Ngumahlos' azizantanta emahlathini.**
**Ngununu zazulumbela emihadini.**
**Ngunkawu zijiwula phezu kwamasebe,**
**Umfene zatswina ngokoyik' ukumkani.**
**Ubhubesi labhadula mhlana ngendlala.**
**Umalal' athi tywa ngokwengxow' omnt' omkhulu.**
**Ibhubesi, isilo samahlathi.**
**Ncincilili-i!**





XHO HL Gr4 B2 TH6.indd 46 2021/04/16 10:58:28

Umhla:




# Imvula



Ngamathonts' athi dyabhadyabha.
Ngamanqunyan' athi waxawaxa.
Nang' equkuqel' esihl' ithambeka.
Imvula! Imvula! Masibulel' imvula!

Ilizwe lonke limathend' amanzi.
Iintaba ziyabenga yimithombo.
Yana imvula zabuya iintaka.
Imvula! Imvula! Masibulel' imvula!

Elaa lifu lize nethamsanqa,
Livela kumzantsi-mpuma kakade.
Likhuthazwa ngumsing' oshushu.
Imvula! Imvula! Masibulel' imvula!

Yina mvula sityal' amazimba,
Sondle abantwana nabafazi.
Ngomdlungu sizenzel' imithayi.
Konwatyiwe sisizwe sakwaMthetho.
Imvula! Imvula! Masibulel' imvula!

L. T. Manyase





Kulo mbongo uwufundileyo, umbhali usinika inkcazelo ecace gca yendalo esingqongileyo emva kwemvula.

Funda iivesi ezimbini ngononophelo olukhulu uze uzobe umfanekiso ohambisana nevesi nganye.



| Ivesi yoku-1 | Ivesi yesi-2 |
| --- | --- |
| | |



Titshala: Sayina ____ Umhla ____



XHO HL Gr4 B2 TH6.indd 47 2021/04/16 10:58:40

# 87 Ukubhala umbongo wemilo




Jonga le mifanekiso mine. Yenza isicwangciso sombongo wemilo.

- Umfanekiso ngamnye wenza ukuba ucinge ngantoni?
- Ngawaphi amazwi onokuwasebenzisa embongweni wakho?
- Ingaba umbongo wakho uza kuba nemvanosiphelo?

Sebenzani ngokwamaqela nenze isicwangciso sombongo. Qalani nibhale uyilo lokuqala. Xa nanelisekile wubhaleni kwezi milo zingezantsi.





XHO HL Gr4 B2 TH6.indd 48 2021/04/16 10:58:51

# 88 Usakhumbula?



Iingxelo zizivakalisi ezisixelela into ethile.
Ziphela ngesingxi.

*Ndifunda kwibanga lesi-4.*

Imibuzo zizivakalisi ezifuna impendulo.
Ziphela ngophawu lombuzo?

*Lunini usuku lwakho lokuzalwa?*

Iziyaleli zizivakalisi ezinika imiyalelo.
Ziphela ngesingxi.

*Yiza apha. Ndifuna ukukubona.*

Izikhuzo zizivakalisi ezibonakalisa imvakalelo efana nokumangaliswa, ukothuka, ukoyika okanye umsindo. Ziphela ngophawu lwesikhuzo!

*Lumka! Uza kuwa!*



Masibhale

Bhala kwakhona isivakalisi ngasinye, usebenzise iziphumlisi ezichanekileyo. Emva koko, chaza ukuba ngumyalelo, umbuzo, ingxelo okanye sisikhuzo.

ungakhe ulinge uthi ndithathe incwadi yakho

| | |
|---|---|
| | |

khange uyibone ijezi yam

| | |
|---|---|
| | |

yhoo jonga ukhawuleza kangakanani

| | |
|---|---|
| | |

uqinisekile ukuba ubuze nazo iibhutsi zakho zesoka

| | |
|---|---|
| | |

ibhasi ihamba ngentsimbi yeshumi elinambini entloko

| | |
|---|---|
| | |

ncedani nihlale ezitulweni zenu de kubethwe intsimbi

| | |
|---|---|
| | |

tyhini andikholelwa le nja ikutye konke ukutya kwam

| | |
|---|---|
| | |



XHO HL Gr4 B2 TH6.indd 50 2021/04/16 10:59:07

Umhla:

# Okunye malunga nezihlanganisi


Sele usazi ukuba sisebenzisa izihlanganisi xa sidibanisa izivakalisi.

| | |
|---|---|
| kwaye | Usixelela okwenzekayo okungokunye |
| kodwa | Usibonisa umahluko phakathi kwezigaba ezimbini zesivakalisi |
| phambi | Usixelela ngokwenzeke ngaphambi kwesenzeko |
| emva koko | Usixelela okwenzekayo kamva |
| kuba | Usixelela isizathu |




Masibhale

Dibanisa isibini ngasinye sezivakalisi usebenzise isihlanganisi esikwizibiyeli.



| |
|---|
| Besidiniwe xa sifika esikolweni. Kuye kwafuneka sihambe ngeenyawo. (kuba) |
| |
| |
| Ndihlala njalo ndinxiba izihlangu zokudlala isoka. Ndiya kuqeqesho lwesoka. (xa) |
| |
| |
| Ndiyakuthanda ukufunda amabali angeyonyani. Andizithandi iintsomi. (kodwa) |
| |
| |
| Wenza umsebenzi wakhe wasekhaya. Uya kwizifundo zomculo. (phambi kokuba) |
| |
| |
| Uya kugqiba iBanga lesi-7 kwesi sikolo. Uya kuya kwisikolo samabanga aphezulu. (aze) |
| |
| |





XHO HL Gr4 B2 TH6.indd 51 2021/04/16 10:59:25

# Abantu neendawo






Jonga imephu uze uxelele ugxa wakho ukuba leliphi iphondo elinabona bantu baninzi nelinabona bantu bambalwa, ngawaphi amaphondo asemhlabeni nokuba ngawaphi anemida edibana namaphondo angaphezu kwesithathu.

## EMzantsi Afrika




Funda iinkcazelo zomntwana ngamnye uze ugcwalise iinkcukacha zabo kule theyibhile.






Igama lam ndinguMalebo. Ndihlala eSoshanguve eGauteng. Ndineminyaka eli-10 ubudala kwaye ndifunda Ibanga lesi-5. Ndithetha iSepedi ekhaya. Ndithanda ukufunda. Ndikwiklabhu yencwadi kwaye sidibana rhoqo ngeMigqibelo kwithala leencwadi. Siyabaliselana ukuba zeziphi iincwadi esizifundileyo size sitshintshiselane ngeencwadi zethu. Ndiyathemba ukuba ndiya kuba nguSothala weencwadi xa ndigqibile esikolweni.

NdinguLulama kwaye ndihlala eMthatha. IsiXhosa lulwimi lwam lweenkobe kodwa ndikwathetha nesiZulu. Ndineminyaka eli-11 ubudala kwaye ndikwiBanga lesi-6. Italente yam eyodwa ngumculo. Utata wam uvuthela ixilongo elaziwa njengetrampethi, kwaye wandifundisa ukulivuthela. Xa ndiphumelele imatriki, ndingathanda ukufunda ngomculo eyunivesithi.






NdinguNdivhuho. Ndithetha isiVenda. Ndihlala eThohoyandou eLimpopo. Ndineminyaka eli-14 ubudala kwaye ndikwiBanga le-9 esikolweni. Ndidlala isoka esikolweni sam kwaye ndidlalela iqela iJunior Black Leopards labaneminyaka engaphantsi kwe-15. Ndiyathemba ukuba ndingangumdlali wesoka osisigxina xa sele ndigqibile ukufunda.



XHO HL Gr4 B2 TH6.indd 52 2021/04/16 10:59:58

Umhla:


NdinguRefiloe. Ndineminyaka eli-11. Ndihlala kwiphondo laseFreyistatha. Ndithetha isiSuthu ekhaya. Esikolweni ndifunda isiSuthu, isiNgesi nesiBhulu. Uninzi lwabahlobo bam bathetha isiSuthu kodwa ukhona othetha isiBhulu nababini abathetha isiNgesi. Njengokuba ndikwibanga lesi-4 nje izifundo zethu sizifumana ngesiNgesi. Ndiyakuthanda ukudlala itshesi nehoki. Ndinqwenela ukuba yinjineli ndakugqiba ukufunda.






NdinguPhaladi waseMafikeng kwiphondo loMntla-Ntshona. Ndineminyaka eli-12 ubudala. Ndithetha iSetswana kwaye ndikwiBanga lesi-7. Mna nabahlobo bam sikwiklabhu yendalo esingqongileyo. Sidibana rhoqo ngeempelaveki size sicoce iipaki nonxweme lomlambo. Siyakonwabela kakhulu oku kuba siyakuthanda ukuba kunye sincede ekulondolozeni indalo. Ndingathanda ukuba nguMgcini-zilwanyana xa ndigqibile ukufunda.

NdinguZodwa kwaye ndingowaseNelspruit eMpumalanga. Ndineminyaka eli-9 ubudala kwaye ndithetha iSiswati ndikwiBanga lesi-5. Ndiyazithanda izilwanyana. Ndinezinja ezi-5 neekati ezi-3. Ukugqiba kwam ukufunda ndinqwenela ukuba ngugqirha wotyando lwezilwanyana. Ndincedisa kwiSPCA rhoqo ngemiGqibelo. Sineqela lenkathalelo yeeKati nelaziwa njenge-*Cat-care group* kwaye sigcina izilwanyana ezingenamakhaya.






NdinguMarieta. Ndihlala eKapa eNtshona Koloni. Ndithetha isiBhulu kwaye ndikwiBanga le-12. Ndiyakuthanda ukudada kwaye ndichitha ixesha lam elininzi ndiselwandle. Ndiqeqeshelwe ukuba ngumhlanguli. Kulo nyaka uzayo ndifuna ukufundela ubutitshala.

NdinguJan, ndihlala eKuruman eMntla Koloni. Ndithetha isiBhulu. Ndineminyaka eli-13 ubudala kwaye ndifunda kwiBanga lesi-7. Into endiyithanda kakhulu kukutyala imifuno nezityalo ezingaqhelekanga. Ndifuna ukuba ngumlimi wemiyezo xa ndigqibile esikolweni.





NdinguMandu. Ndihlala eMlazi KwaZulu-Natal. Ndithetha isiZulu nesiNgesi. Ndineminyaka eli-14 ubudala kwaye ndikwiBanga le-9. Ndizibandakanye neQela loncedo lokuqala esikolweni sam. Ndifuna ukuba ngumongikazi xa ndiphumile ndigqibile ukufunda. Uncedo lokuqala luluncedo olukhulu. Sele ndisindise ubomi benkwenkwana encinci.

| **Igama** | **Ubudala** | **Ulwimi** | **Iphondo** | **Into ayithandayo** | **Ufuna ukuba yintoni** |
|---|---|---|---|---|---|
| | | | | | |
| | | | | | |
| | | | | | |
| | | | | | |
| | | | | | |
| | | | | | |
| | | | | | |
| | | | | | |
| | | | | | |

# Malunga neelwimi





Masibhale

Phanda ukuba zeziphi na iilwimi ezithethwa ngabantu kwiimeko ezahlukeneyo.

Bhala amagama abo kumqolo ozuba uze uxele ukuba bathetha oluphi ulwimi.


| Amagama | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|
| ekhaya | | | | | |
| eklasini | | | | | |
| nabahlobo | | | | | |
| ezivenkileni | | | | | |



Masifunde

Jonga kwitshathi uze uphendule imibuzo elandelayo.

% Zeziphi iilwimi eziseburhulumenteni esizithetha eMzantsi Afrika?




| | |
|---|---|
| Loluphi ulwimi oluthethwa ngabona bantu baninzi eMzantsi Afrika? | |
| Loluphi ulwimi oluthethwa ngabona bantu bambalwa? | |
| Ngokwale tshathi, zikhona iilwimi ezithethwa linani elilinganayo labantu? | |
| Loluphi ulwimi lwakho lweenkobe? | |
| Abantu abathetha ulwimi lwakho baseMzantsi bayeyiphi ipesenti? | |



XHO HL Gr4 B2 TH6.indd 54 2021/04/16 11:00:28

Umhla:



**Masibhale**

Bhala malunga nezivakalisi ezisibhozo ezichaza ukuba zeziphi iilwimi ezisetyenziswa ngabahlobo bakho kwiimeko ezahlukeneyo.

**Masibhale**

Jonga ngononophelo imephu ekwiphepha elidlulileyo uze uphendule le mibuzo.

| | |
|---|---|
| Mangaphi amaphondo akhoyo eMzantsi Afrika? | |
| Leliphi iphondo elinabona bantu baninzi? | |
| Leliphi iphondo elinabona bantu bambalwa? | |
| Yintoni igama lesixeko esilikomkhulu laKwaZulu-Natal? | |
| Yintoni igama lesixeko esilikomkhulu laseMntla Koloni? | |
| Ngawaphi amaphondo akufutshane nolwandle? | |
| Leliphi elona phondo linomhlaba omkhulu? | |
| Leliphi iphondo elunonxweme olukhulu? | |

## Ukujonga ulwimi

Krwelela izenzi kwezi zivakalisi.

| |
|---|
| Ndihambe ngeenyawo ukuya esikolweni ndaze ndahlala kwigumbi lokufunda. |
| Nditsalele umnxeba uJim ndaze ndammema ukuba eze kwitheko lam. |
| Inja ibalekele endlwini yaze yahlafuna ithambo layo. |
| Ukhabe ibhola yaze yagqampela ngaphaya kophahla. |
| Ndandibaleka ndisiya esikolweni ndaze ndonzakala emlenzeni. |

Titshala: Sayina Umhla




XHO HL Gr4 B2 TH6.indd 55 2021/04/16 11:00:44

# Izikolo kwihlabathi jikelele







## EFransi

Usuku lwesikolo eFransi luqala ngentsimbi yesi-8 kusasa luze luphele ngentsimbi yesi-4 emalanga, kubandakanya nekhefu lesidlo sasemini seeyure ezimbini. Abafundi abayi esikolweni ngoLwesithathu okanye ngeCawe, kodwa banesiqingatha sosuku esikolweni ngoMgqibelo. Abanxibi ziyunifomu.








## EDubai

Iiyure zesikolo eDubai ziqala malunga nomkhono phambi kwentsimbi yesibhozo (07:45) kusasa ukuya kwicala emva kwentsimbi yokuqala (13:30) emva kwemini. Ngenxa yokuba kuyatshisa ehlotyeni, iiholide zasehlotyeni zinde kakhulu. Abantwana besikolo eDubai abavumelekanga ukuba baxwaye oobhaka babo emqolo kuba ukwenza njalo akuyilungelanga imiqolo yabo. Basebenzisa iibhegi ezirhuqwayo.





## EBrazil

Usuku lwesikolo eBrazil luqala ngentsimbi yesi-7 kusasa ukuya emini emaqanda, baze abafundi bagoduke emini emaqanda ukuze bayokufumana isidlo sasemini emakhayeni abo. Izikolo ezininzi zifuna abantwana banxibe iyunifomu.



## EKenya

Izikolo ezininzi eKenya zibapha isidlo sasemini abafundi. Abanye abafundi bagcina inxenye yesidlo sabo sasemini ukuze babelane ngaso kunye neentsapho zabo. Abafundi baya esikolweni ukususela ngoMvulo ukuya ngoLwesihlanu, kwezinye baya nangoMgqibelo. Abafundi kufuneka banxibe iyunifomu.



XHO HL Gr4 B2 TH6.indd 56 2021/04/16 11:00:54





## E-Iran

E-Iran, amakhwenkwe namantombazana afundiswa ngokwahlukeneyo. Amantombazana akholisa ukuba nootitshala abangamabhinqa, ngeli xa amakhwenkwe wona efundiswa ngamadoda.




## EMzantsi Korea



Nangona usuku lwesikolo luqala ngentsimbi yesi-8 kusasa ukuya kweyesi-4 emalanga, abafundi abaninzi bahlala esikolweni kude kube ngorhatya. Emva kwentsimbi yesi-5 emalanga, abafundi banexesha lokufunda. Phambi kokuba bagoduke ukuya emakhaya, bacoca amagumbi abo okufundela.




## EJapan

EJapan, abafundi kufuneka banxibe iyunifomu, kwaye kukho imithetho engqongqo malunga nezimbo zokugcina iinwele zicocekile, izihlangu, iikawusi nobude beziketi. Kukho malunga nabafundi abangama-29 eklasini, kwaye amagumbi okufundela aneekhompiyutha ezintlanu okanye ezintandathu ezilungiselelwe ukuba abafundi babelane ngazo.





## ETshayina



Ngokwe-avareji usuku lwesikolo luqala ngecala emva kwentsimbi yesixhenxe (07:30) kusasa ukuya kwintsimbi yesi-5 emalanga kubandakanya nekhefu leeyure ezimbini zesidlo sasemini. Bonke abafundi banikwa iyunifomu engahlawulelwayo, kodwa ukuyinxiba akunyanzeliswa.



## eOstreliya

Usuku lwesikolo lwabantwana base-Australia luqala ngentsimbi ye-9 kusasa ukuya kweye-3:30 emalanga. Abantwana batya isidlo sabo sasemini emaqanda esikolweni.



XHO HL Gr4 B2 TH6.indd 57 2021/04/16 11:01:16

# Ukufunda kwamanye amazwe








Masibhale

Jonga emephini uze uphendule le mibuzo ilandelayo.

| |
|---|
| Leliphi ilizwe elithi iibhegi zesikolo zinzima kakhulu ukuba zingaxwaywa ngabantwana besikolo? |
| |
| Leliphi ilizwe apho abantwana baya esikolweni iiyure ezininzi kwiveki nganye? |
| |
| Ngawaphi amazwe apho abantwana kunganyanzelekanga ukuba banxibe iyunifomu? |
| |
| Ngawaphi amazwe atyisayo esikolweni? |
| |



Masithethe

Zeziphi iingxaki nemicel' imngeni onokuba nayo xa ubunokugoduka uye ekhaya ngexesha lesidlo sasemini ze kufuneke ukuba ubuyele esikolweni emva kwemini nangorhatya? Xoxani malunga noku kumaqela enu. Yenza uluhlu lweengxaki ezicingwe liqela lakho.

| |
|---|
| |
| |
| |
| |

Jonga kwakhona emephini. Siwafumana kwawaphi amazwekazi la mazwe?

| | | | |
|---|---|---|---|
| EBrazil | | EJapan | |
| ETshayina | | EKenya | |
| EFransi | | EMzantzi Korea | |
| eIran | | eOstreliya | |

Khawucingisise ngeOstreliya



XHO HL Gr4 B2 TH6.indd 58 2021/04/16 11:01:38




Buza abahlobo abahlanu le mibuzo uze ugcwalise incwadana yemibuzo.



| | |
|---|---|
| 1 | Ingaba kufuneka izikolo zibonelele ngokutya okusimahla? |
| 2 | Ingaba kufuneka sinxibe iyunifomu? |
| 3 | Ingaba iibhegi zesikolo zinzima ebantwaneni? |
| 4 | Ingaba izikolo zifanele ukubonelela ngeyunifomu esimahla? |
| 5 | Ingaba kufuneka imini yesikolo ibe nde? |



Phendula ngoewe okanye hayi kumba ngamnye kule ilandelayo:

| | Izikolo kufanele zibonelele ngokutya. | | Kufanele sinxibe iyunifomu. | | Iibhegi zesikolo zinzima kakhulu. | | Izikolo kufuneka zibonelele ngeeyunifomu ezingahlawulelwayo. | | Iintsuku zesikolo kufanele zibe nde. | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|
| **Umhlobo 1** | | | | | | | | | | |
| **Umhlobo 2** | | | | | | | | | | |
| **Umhlobo 3** | | | | | | | | | | |
| **Umhlobo 4** | | | | | | | | | | |
| **Umhlobo 5** | | | | | | | | | | |
| **Inani lilonke** | Ewe | **Hayi** | Ewe | **Hayi** | Ewe | **Hayi** | Ewe | **Hayi** | Ewe | **Hayi** |
| | | | | | | | | | | |




Bhala izivakalisi ezithile malunga neempendulo ezinikwe ngabahlobo bakho kule mibuzo.

| |
|---|
| |
| |
| |
| |
| |

Titshala: Sayina ________ Umhla ________



XHO HL Gr4 B2 TH6.indd 59 2021/04/16 11:01:49

# Ixesha lemidlalo



Ubusazi ukuba amantshontsho ebhokhwe abizwa ngokuba ngamatakane? Funda lo mdlalo umalunga namatakane ebhokhwe.

## Ingcuka namatakane ebhokhwe asixhenxe



Masifunde

Funda lo mdlalo osekelelwe kwibali eliyintsomi elaziwayo uze uphendule imibuzo ekwiphepha lomsebenzi elilandelayo.



Kudala-dala kwakukho imazi yebhokhwe eyayihlala kwindlu yayo namatakane ayo asixhenxe. Ngenye imini yayifuna ukuya endle iyokufuna ukutya.

**Mama:** Bantwana bam ndisaya endle. Ze nincede ke nilumkele ingcuka. Ukuba inokungena apha iya kunitya nonke. Ukuba nive ilizwi elirhabaxa nabona amanqina amnyama, ze nazi ukuba yiyo leyo.

**Amatakane:** Ungazikhathazi ngathi mama. Siza kuzijonga kakuhle kwaye asoze siyivulele ingcuka.

Kungekudala kwankqonkqozwa emnyango.

**Ingcuka:** Bantwana bam vulani, ndingumama wenu sendibuyile. Ndiniphathele ukutya okuninzi.

**Amatakane:** Soze sikuvulele. Akungomama. Ilizwi lakho elirhabaxa **likudizile**. Uyingcuka.

Ingcuka yemka yaza yacinga icebo. Yafumana iqhekeza letshokhwe yaliginya ukuze ilizwi layo libe lincinci.

**Ingcuka:** Ndivuleleni bantwana bam. Ndingumama wenu ndibuyile.

Ilizwi lengcuka laliphantsi kwaye limnandi. Athi amatakane eseza kuvula abona iimpupha ezimnyama ezinkulu efesitileni.




XHO HL Gr4 B2 TH6.indd 60 2021/04/16 11:01:57

Amatakane: Soze sikuvulele. Umama wethu akanamanqina amnyama. Siyakwazi uyingcuka.

Ingcuka yayingasaziva ngoku kukulamba. Yabaleka yaya kuthenga umgubo wengqolowa yaze yavuvuzela ngawo iinyawo zayo. Zakhangeleka zimhlophe kwaye zifukufuku. Yabuyela endlwini yankqonkqoza kwakhona.

Ingcuka: Bantwana bam ndivuleleni ndibuyile. Ndiniphathele ukutya okumnandi.

Amatakane: Sibonise amanqina akho kuqala ukuze sibone ukuba ungumama wethu ngokwenene.



Ingcuka yabeka inqina layo efesitileni.

Amatakane: Kulungile mama, siza kukuvulela.

Athi akuvula amatakane athi gqi ngengcuka. Oyika kakhulu azama ukuzimela. Elinye lamatakane latsiba langena phantsi kwetafile, elesibini langena ebhedini, elesithathu langena esitovini, elesine lazimela ekhitshini, elesihlanu lazimela ekhabhathini, elesithandathu latshona phantsi kwesinki, laze elesixhenxe lakhwela phezu kwewotshi esedongeni. Kungekudala emva koko wafika umama wamatakane evela endle.

Mama: Bantwana bam niphi?

Itakane lesi-7: Mama, ndim lo ndizimele phezu kwewotshi. Ingcuka ibatye yabagqiba abantakwethu.

Waba nomsindo kakhulu umama bhokhwe. **Wagqwashula** ukuphuma esiya ngasedamini ekhangela ingcuka waze wayifumana ilele irhona phantsi komthi. Umama bhokhwe wayikhangela macala onke wabona ukuba kukho into eshukumayo esiswini sayo esizeleyo.

Mama: Ingaba iintsana zam zisaphila? Takane, sana lwam baleka uze nesikere inaliti nomsonto.

Lathi lakubuya itakane wasika isisu sengcuka. Ataka kwangoko amatakane amathandathu.

Amatakane: Huntshu, sisaphila sonke!

Mama: Masikhangele amatye amakhulu, siza kuwafaka kwesi sisu seli **rhamncwa** ngeli xa lisaleleyo.

Basizalisa isisu sengcuka ngamatye waze umama bhokhwe wasithunga kakuhle. Ngelingeni yavuka ingcuka. Yaziva inxanwe kakhulu yaze yaphakama yaya emlanjeni isiya kusela.

Ingcuka: Yintoni le igungquza esiswini sam. Bendibaénditye amatakane ebhokhwe nje, kodwa ingathi nditye amatye.

Yathi ingcuka yakusondela ifuna ukusela, yasindwa ngamatye ayitsalela ezantsi ayeyelisela emanzini yatshona. Yaba sisiphelo sayo eso loo ngcuka ikhohlakeleyo.

# Masicinge ngebali






Siyazi ukuba iintsomi zidla ngokuchaza iziganeko ezingakholelekiyo. Yintoni engakholelekiyo kweli bali?


Lidlalela phi ibali? Eli bali lidlalela kwiindawo ezimbini ezahlukeneyo, zeziphi ezo ndawo?

Athetha ntoni amabinzana afakelwe umbala (abhalwe ngqindilili) ebalini?






Yenzani lo mdlalo niliqela. Kuza kufuneka kubekho ibhokhwe engumama, amatakane asixhenxe, ingcuka kunye nombalisi oza kufunda iindawo eziphakathi.




Balisa ibali kwakhona.

Sebenzisa la magama akuncede.

kwaze | emva koko | ekugqibeleni | kuqala

| |
|---|
| |
| |
| |
| |
| |




Phendula le mibuzo.

| Umama bhokhwe wawalumkisa ngantoni amatakane akhe? |
|---|
| |
| Umama wawaxelela ukuba ahlale ejonge ingcuka. Ayeza kuyibona ngantoni ukuba yiyo ngenene ingcuka? |
| |

Ayezimele phi amatakane?

| | | |
|---|---|---|
| 1 | 2 | 3 |
| 4 | 5 | 6 |
| 7 *iwotshi esedongeni* | | |

Yintoni eyenzeke ebalini engenakwenzeka ebomini bokwenyani?

| |
|---|
| 1 |
| 2 |
| 3 |

Umhla: ____________


# Izibizo zoquko





Sebenzisa imifanekiso nezikhokelo zikuncede ugqibezele le phazile yamagama. Bhala ke ngoku isibizo soquko esichanekileyo kwezi zikhokelo zingezantsi.

**Masijonge izibizo zoquko**


Izibizo zoquko ngamagama abantu, izilwanyana okanye awezinto ezifanayo. Eminye imizekelo iquka isihloko seediliya okanye isipha seentyatyambo, amalungu osapho okanye eqela.









| **Axwesayo** | **Awehlayo** |
|---|---|
| 1 Umhlambi wee__________. | 6 Isihlwitha see___________. |
| 2 Ibubu ____________. | 7 Isixa se___________. |
| 3 Iingqimba za_________. | 8 Igquba lee__________. |
| 4 Iqela la__________. | 9 Umqulu we___________. |
| 5 Imfumba yama_______. | 10 Igqiza laba______. |


Axwesayo: 1 -nkomo, 2 leenyosi, 3 -mafu, 4 -bantu, 5 -phepha
Awehlayo: 6 -nwele, 7 -mali, 8 -ntaka, 9 -laphu, 10 -nja

# Amagatya esenzi

Jonga le mifanekiso uze uyisebenzise ikuncede ugqibezele ezi zivakalisi. Wakugqiba krwela umgca phantsi kwesenzi kwibinzana (kwigatya) olibhalileyo.









1 Umama umngxolisile uJohn kuba

2 Bendisazi ukuba udakumbile kuba

3 Wayeyimbaleki yodumo waze

4 Ibilisuku lwam lokuzalwa ngoko ke ndi

5 Ndaya ekhefini ndaze



# Bhala owakho umdlalo







Masibhale


Sebenza kunye nabanye abafundi eklasini yakho ukuze nivelise umdlalo. Gcwalisa itshathi ukuze inincede kwizicwangciso zenu.

| Abalinganiswa<br>Fakela amagama abanye abafundi abaza kudlala indima nganye. | Chaza abalinganiswa. | Umlinganiswa ngamnye uza kunxiba ntoni? | Baza kuthini abalinganiswa? |
|---|---|---|---|
| | | | |
| | | | |
| | | | |
| | | | |
| | | | |
| | | | |
| | | | |
| | | | |

Ningamaqela, xoxani jikelele ngezimvo zesicatshulwa nize nisebenzise isazobe sokucinga ukuze nicwangcise izimvo zenu.




Okokuqala ______

Kwaze ______

Emva koko ______

Ekugqibeleni ______



XHO HL Gr4 B2 TH6.indd 64 2021/04/16 11:02:43

# Ukujonga ulwimi



## Yintoni isimaphambili?

Isimaphambili asililo igama elipheleleyo. Yinxenye yegama elihlonyelwe ekuqaleni kwegama (kwingcambu yegama). Isimaphambili ngasinye sinentsingiselo yaso. Xa sifakwe kwingcambu yegama, siyayitshintsha intsingiselo yegama.




Jonga umzekelo. Kwenzeka ntoni xa uhlomela isimaphambili kwigama eliyingcambu? Lithetha ntoni igama elitsha?

| Isimaphambili | + | Ingcambu yegama |
|---|---|---|
| *um-* | | *ntu* |






Biyela ngesangqa isimaphambili ngasinye sala magama. Emva koko, krwela umgca phantsi kwengcambu.

uluntu, abantu, isintu, ubuntu, ilizwe, ubuzwe, isizwe, isifundo, izifundo, uluthi, ubuthi, umdlali, abadlali, iliso, umthi, ubuso

Zimele awaphi amahlelo ezi zimaphambili?

| Isimaphambili | Isimaphambili |
|---|---|
| um(u)- | imi- |
| aba- | ili- |
| isi- | in(i)- |




Bhala izivakalisi ezihlanu uze ukrwele umgca phantsi kwesibizo.



XHO HL Gr4 B2 TH6.indd 66 2021/04/16 11:02:51

# Yintoni isimamva?

Izimamva zifana nezimaphambili, ngaphandle kokuba zona zifakelwa esiphelweni segama eliyingcambu ukuze intsingiselo itshintshe. Umzekelo: Kwisenzi u-thanda, intsingiselo iyatshintsha xa kufakelwe izimamva: -thand**wa** -thand**eka** -thand**ana** -thand**ela** -thand**isa**.



Masenze

Phinda ujonge kule mizekelo ingasentla. Kwenzeka ntoni xa udibanise isimamva kunye negama eliyingcambu? Ithini intsingiselo yegama?

| Igama eliyingcambu | + | Isimamva |
|---|---|---|
| *-thand-* | | *eka* |





Masibhale

Faka isangqa kwisimamva ngasinye kula magama. Emva koko, krwelela igama eliyingcambu.

iselakazi, umlambokazi, injana, fikile, thandeka, ukuthethiswa, ukufundisa, ukufundisana, ukuthenjiswa, ukujongeka, umalumekazi, ukuhlekiswa, ibhekilana, utyile, ukonwabisa, ithokazi, umakazi, ukuhletywa, intakana, isikhukukazi, indlwana, ukuhlebana, umfokazi

Ingaba isimamva naso sinentsingiselo esiyiqulathileyo?

| Isimamva | Intsingiselo | Isimamva | Intsingiselo |
|---|---|---|---|
| -ana | isinciphiso | -eka | isixando sokwenzeka |
| -kazi | isikhomokazi | -ana | isixando sokwenzana |
| -ile | ixesha elidlulileyo | -kazi | isandiso |
| -wa | isixando sokwenziwa | -isa | isixando sokwenzisa |



Masibhale

Bhala izivakalisi ezihlanu usebenzise amagama anezimamva.

| Ndiyakwazi | ☺ | ☹ |
|---|---|---|
| ukufunda ibhatshathi | | |
| ukufunda umbongo | | |
| ukufunda umbongo ngokuvakalayo nangemvakalelo | | |
| ukuphendula imibuzo esekelwe kwitshathi | | |
| ukuphendula imibuzo esekelwe kumbongo | | |
| ukuphendula imibuzo esekelwe emephini | | |
| ukubhala umdlalo | | |
| ukubhala umbongo | | |
| ukubhala izivakalisi ezilula | | |
| ukuzalisa iphazile yamagama | | |
| ukugqibezela umbongo ngokufakela amagama anemvanosiphelo | | |
| ukucaphula iinkcukacha emephini | | |
| ukuphendula imibuzo yophando | | |
| ukufuna amagama anemvanosiphelo embongweni | | |
| ukuchaza imfanozandi embongweni | | |
| ukuchaza imfanozandi | | |
| namagama aqhobosha ulwimi ukuchaza izibizo zoquko | | |
| ukuchaza isimntwiso embongweni | | |
| ukuchaza intloko nesivisa kwizivakalisi | | |
| ukuchonga izenzi | | |
| ukuchaza izivakalisi eziziyaleli, imibuzo, iingxelo okanye izikhuzo | | |
| ukwenza umfanekiso wombongo | | |
| ukwenza isicwangciso somdlalo | | |
| ukuqikelela umxholo wombongo ngokusekelwe kwisihloko nasemfanekisweni | | |
| ukusebenzisa izihlanganisi | | |
| ukudibanisa izivakalisi | | |
| ukusebenzisa izihlanganisi ukwakha izivakalisi ezixandileyo | | |
| ukusebenzisa izimaphambili | | |
| ukusebenzisa iziphumlisi | | |
| ukusebenzisa izimamva | | |





XHO HL Gr4 B2 TH6.indd 68 2021/04/16 11:02:59

Iziqulatho

# Umxholo 7: Eziyinyani nezingeyonyani



**Ikota 4: Iiveki 1 - 2**
**Zisematheni**

97 Ebezilahlekile zaze zafumaneka 70
Wenza uqikelelo olusekelwe kumfanekiso, kwisihloko, nakwisihloko somfanekiso wenqaku lephephandaba.
Ufunda inqaku lephephandaba.
Uchonga izifanokuthi kwisicatshulwa.
Uphendula imibuzo esekelwe kwinqaku lephephandaba.

98 Sicinga ngeendaba 72
Uphendula imibuzo esekelwe kwinqaku lephephandaba.
Uhlanganisa izivakalisi ngezihlanganisi.
Uphendula imibuzo esekelwe kwinqaku lephephandaba.
Ubhala intetho-ngqo kumaqamza entetho.
Ubhala inqaku ledayari asebenzise amagama anjengala: ekuqaleni, kwaze, emva koko, ekugqibeleni.

99 Ukubhala inqaku elitsha 74
Ugqibezela isicwangciso sokubhala esilungiselela ukubhala inqaku lephephandaba.
Uzalisa iinkcukacha ezingenqaku labo.
Uhlela inqaku alihlaziye aze alibhale ngocoselelo.

100 Sijonga ulwimi 76
Uchonga izincedisi okanye iintsiza-senzi.
Uhlahlela amagama ngokwamalungu.
Uxoxa ngentsingiselo yezihloko.

101 Iindaba zanamhlanje 78
Ufunda inqaku lephephandaba.
Utshatisa izichasi.
Uphendula imibuzo esekelwe kwinqaku lephephandaba.
Ubalisa ibali ngokulandelelana kweziganeko phantsi kwesihlokwana esinikiweyo.

102 Zithini iindaba? 80
Wenza uphando kunye nabahlobo bakhe belungiselela ukubhala inqaku lephephandaba.
Ugqibezela isicwangciso sokubhala esilungiselela ukubhala inqaku lephephandaba.
Uhlela inqaku alihlaziye aze alibhale ngocoselelo.

103 Sisixelela ntoni isichazi-magama? 82
Usebenzisa isicwangciso ukuze abhale umbongo.

104 Ingaba usakhumbula? 84
Usebenzisa isincedisi u-ya kwisivakalisi.
Uzalisa ikhadi leenkcukacha zeenombolo zemfonomfono.
Uhlanganisa izivakalisi ngezihlanganisi.
Ugqibezela imeyizi.

**Ikota 4: Iiveki 3 - 4**
**Esikolweni esitsha**

105 UJojo uqala isikolo esitsha 86
Wenza uqikelelo olusekelwe kumfanekiso nakwisihloko.
Ufunda ibali ngokukhawuleza.
Ufunda ibali.
Ubhala iimpendulo zemibuzo esekelwe kwibali.
Ubhala isiphelo sebali aze alinganise isiphelo eso.

106 Kwenzeka ntoni kuJojo? 88
Ufunda ibali aligqibe.
Uthelekisa abalinganiswa.

107 Sicinga ngoJojo 90
Uphendula imibuzo esekelwe kwibali likaJojo.
Ubhala inqaku ledayari azenze uJojo ukuze abonise okwenzekayo ngaloo mini.
Ufakela izihlomelo sobunjani ezishiyiweyo.


108 Bhala ileta 92
Ugqibezela isicwangciso sokubhala esilungiselela ukubhala ileta.
Ubhala ileta ngesihloko asinikiweyo asebenzise ulwazi olukwisicwangciso sokubhala.

109 Idayari 94
Ufunda amanqaku edayari.

110 Siyifumene 96
Ubhala amanqaku edayari eentsuku ezintathu.
Ubhala izihlomelo zobunjani ezichanekileyo.
Uhlahlela amagama ngokwamalungu.
Ubhala izihlomelo ezichanekileyo zobunjani.

111 Sijonga ulwimi 98
Ugqibezela izivakalisi ngokufakela izihlomelo zendawo.
Wakha izivakalisi kumabinzana ezibizo.
Ugqibezela izivakalisi ngokusebenzisa amagatya ezibizo.
Usebenzisa izimelabizo zochazo ezakhiwe kwizimnini.

112 Masibhale ibali 100
Wenza isicwangciso esilungiselela ukubhala ibali.
Wenza incwadi esikwayo, abhale ibali elinemifanekiso.





XHO HL Gr4 B2 TH7.indd 69
2021/04/16 10:55:43

# Ebezilahlekile zaze zafumaneka






Jonga inqaku leli phephandaba uze uqikelele ukuba limalunga nantoni. Isihloko, umgca oxela indawo, umhlathi ophambili, umfanekiso, isihloko somfanekiso zisixelela ntoni ngebali.

**Phambi kokufunda**
- Jonga imifanekiso kunye nezihloko uze uqikelele ukuba inqaku limalunga nantoni na.
- Funda ukhawulezisa ukuze ubone oza kufunda ngako.

**Ukufunda**
- Thelekisa ingqikelelo nokufundileyo
- Ukuba kukho umqolo ongawuvisisiyo, wufunde kwakhona ngokucotha. Funda ngokuvakalayo.

Igama lephephandaba

# IINDABA ZABANTU

28 Septemba 2015 — Umhla

Isihloko

## AMANTOMBAZANA ESIKOLO APHUMELELE EMAGQABINI EBELAHLEKILE AFUNYENWE

Nadine Murdock — Umbhali

**Ethekwini** — Indawo

Umhlathi oyintloko

**Izolo amantombazana amane aphumelele emagqabini kwibanga lesi-4 esikolo samabanga aphantsi iGreenway ebelahlekile aze kamva afunyanwa ngamaPolisa eli loMzantsi Afrika.**

Abafundi abangamashumi amahlanu bebanga lesi-4 besikolo samabanga aphantsi iGreenway Primary School bebekhutshiwe sisikolo betyelele ipaki yokuzonwabisa ekulwandle lwaseThekwini. Aba bafundi bebekhutshiwe ngenxa yokuba bephumelele emagqabini kwiimviwo zabo ze-ANA.

Inqununu yaseGreenway, UNksk. Shirley Ntuli, uthe iiklasi ezimbini zebanga lesi-4 bezikhutshiwe sisikolo kuba ziqhube kakuhle kunangaphambili kwiimviwo zazo ze-ANA "IBanga lesi-4 uklasi A noklasi B zezona klasi eziye zaneziphumo eziye zaphucuka kakhulu esikolweni. Itshilo inqununu yabo inebhongo. "Amanqaku abo asuke kuma-36% ngethuba bekwiBanga lesi-3 axhuma ayokuma kuma-68% kwibanga lesi-4

Aba bafundi baye babonisa **ukuphucuka** ngakumbi kwiimviwo zeelwimi. Enye yeetitshala zeBanga lesi-4, uMnu Keith Brown, uthe "Ndiye **ndakhuthaza** iklasi yam ukuba isebenze nzima enyakeni kwaye amanqaku abo ziziphumo zokusebenza ngokuzimisela!"

Sinephulo elithi **funda incwadi ngeveki** kwaye ndiye ndaqinisekisa ukuba wonke umntwana ulilungu lethala leencwadi,' itshilo enye ititshalakazi yeBanga lesi-4, uNksk. Elsie Myeza. "Oku kubancedile batsho baphucula iziphumo zabo zeelwimi phantse ngama-20%," utshilo **ngokuzingca**.



*Amantombazana esikolo ebelahlekile afunyenwe nguKhonistabhile Shozi*

Isihloko somfanekiso

Umhla:

**Amantombazana ayalahleka** Njengomvuzo wabo wokuba benze kakuhle kwiimviwo zabo, abafundi beBanga lesi-4 baye bakhutshwa sisikolo ukuya kwipaki yokuzonwabisa elwandle. Ngelishwa amantombazana amabini, uNomsa Shabalala noAnn Smith, aye alahleka. Kamva aye afunyanwa emva kokuba eye axela kwipolisakazi ebelikwipaki yokuzonwabisa. UNomsa wathi, “Bendisoyika ndicinga ukuba abanye baza kusishiya ngebhasi.” UAnn wathi, engcangcazela, “Besekuqala ukuba mnyama kwaye besingaboni kakuhle.” ”La mantombazana aye **azula** aze alahlekana neqela lawo. Emva kokuba ekhangele ancama, la mantombazana mabini abona ipolisakazi aze acela ukuba liwancede.

“Abantwana abaninzi bayalahleka kule paki yokuzonwabisa kuba basuke babe nemincili ngenxa yemitshini yokudlala balibale ukuhlala kunye neetitshala okanye abazali. Ndiye ndaqhagamshelana noogxa bam baze **bakhangela** iqela lesikolo saseGreenway ukuze sikwazi ukubuyisela la mantombazana ekhuselekile ngokukhawuleza,” utshilo uKhonistabhile Shozi **oyincutshe** emsebenzini wakhe.

Iimviwo zeANA zibhalwa rhoqo ngoAgasti yonke iminyaka kwaye abafundi bebanga loku-1 ukuya kwelesi-6 nelesi-9 kuMzantsi Afrika uphela babhala ezi mviwo. Iziphumo zezi mviwo zibonisa iSebe lezeMfundo ukuba zeziphi iindawo zekharityhulamu abasilela kuzo abafundi ukuze eli Sebe likwazi ukuqinisa ukufundiswa nokufundwa kwezo ndawo.




Khangela izifanokuthi okanye amagama akwesi sicatshulwa anentsingiselo efanayo nala magama alandelayo.

| | |
|---|---|
| funa | |
| utshatshele | |
| ahamba-hamba | |
| ngebhongo | |
| okucetyiswayo | |
| inkqubela | |




Fakela ezi nkcukacha zilandelayo.

| | |
|---|---|
| Yintoni igama leli phephandaba? | |
| Sithini isihloko? | |
| Ngubani obhale eli bali? | |
| Lenzeka phi eli bali? | |
| Usibonisa ntoni umfanekiso? | |
| Lipapashwe nini eli nqaku? | |
| Yintoni injongo zezimvo zeANA? | |

Titshala: Sayina ____ Umhla ____

# Sicinga ngeendaba







Masifunde

Funda inqaku elikwiphephandaba wakugqiba uphendule le mibuzo.

Kwenzeke ntoni?


Yenzeke nini?

Bekutheni ukuze isikolo sikhuphe eli qela?

Ngubani oye walahleka?

Ngubani owafumeneyo amantombazana?

Yintoni ebangele amantombazana alahleke?



Masifunde

## Izihlanganisi

Sebenzisa izihlanganisi udibanise ezi zivakalisi.

kuba | baze | emva koko | kwaye | kodwa

| | | |
|---|---|---|
| Abafundi beBanga lesi-4 baye bawongwa. | Abafundi beBanga lesi-4 baye baziphucula iziphumo zabo. | kuba |
| | | |

| | | |
|---|---|---|
| Baye bakhangela utitshala wabo. | Bacela ipolisakazi libancede. | emva koko |
| | | |

| | | |
|---|---|---|
| UNomsa wayewuthanda ugingqi-ngongqo. | Wakhetha ukudlala ivili elikhulu. | kodwa |
| | | |

| | | |
|---|---|---|
| UAnn uqhube kakuhle kwizibalo. | Uqhube kakuhle nakwiilwimi. | kwaye |
| | | |

| | | |
|---|---|---|
| Abenzanga kakuhle kwiBanga lesi-3. | Benza kakuhle kwiBanga lesi-4. | baze |
| | | |



XHO HL Gr4 B2 TH7.indd 72 2021/04/16 10:56:06

# Ukubhala inqaku elitsha

- Sebenzisa isazobe sokucinga sikuncede ekucwangciseni oza kukubhala
- Bhala uyilo lokuqala
- Cela umhlobo wakho alihlele
- Fundisisa okubhalileyo kwakhona uze wenze izilungiso ezifanelekileyo
- Emva koko bhala kakuhle ngocoselelo encwadini yakho.





Masibhale

Ngoku uza kubhala inqaku lephephandaba elilelakho. Ungathanda ukubhala ngantoni? Sebenzisa isazobe sokucinga ukuze wenze isicwangciso sento oza kuyibhala.

Bhala isihloko senqaku lakho

Kwenzeke ntoni?

Ngubani obebandakanyeka?

Yenzeke nini?

Yenzeke phi?

Yintoni eyabangela ukuba yenzeke?

Kuye kwaphela kusenzeka ntoni?


Gqibezela ufakele ezi nkcukacha malunga nenqaku lakho.

| | |
|---|---|
| Igama lephephandaba | |
| Umhla wephephandaba | |
| Umgca oxela indawo | |
| Umbhali wenqaku | |

Cela umhlobo wakho ahlele inqaku lakho. Emva koko utshintshe izinto ofanele ukuzitshintsha, uze ubhale inqaku lakho kwisithuba esikwikhasi elilandelayo.



XHO HL Gr4 B2 TH7.indd 74 2021/04/16 10:56:33




### Sijonga izincedisi zezenzi


Sele usazi ukuba **isenzi esiyintloko** sisixelela ukuba intloko yenzani kwisivakalisi. Izincedisi **zizakhi ezincedisa izenzi.** Zincedisa isenzi esiyintloko ukuba isixelele ngesenzo. Nazi izincedisi esinazo: -ya/ye- ,-ba/be- sele, -sa, -nga- -za/ze-,kwa-, -ka



Masibhale

Krwela umgca ngaphantsi kwezincedisi.
Wakugqiba biyela isenzi esisincedisayo. Emva koko guqula izivakalisi zibe yimibuzo.

| | |
|---|---|
| Abantwana bayalala | Ingaba uyalala? |
| Ndibashiye besahleka esikolweni. | |
| Ndingahamba xa sele sigqibile. | |
| Namhlanje notitshala uyafunda. | |
| Asikaboni nto intle. | |
| Asikahambi ukuya ekhaya | |
| UToki uyawakhonkotha nanamhlanje. | |
| Asikadluli kuloThemba. | |
| UNomsa usasilindile ekhaya. | |
| UThemba angahamba ngeenyawo ukuya ekhaya. | |
| Abantwana besikolo bayawakhalaza. | |
| Lo mntwana ukwathetha le nto inye. | |




Umsebenzi wamagama

Hlahlela la magama emva koko utsho ukuba igama ngalinye linamalungu amangaphi.

| | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|
| i/si/gqi/bo | 4 | ukukhuza | | uyambona | |
| izihlanganisi | | iziphawuli | | ulwazi | |



XHO HL Gr4 B2 TH7.indd 76 2021/04/16 10:56:42

Umhla:


Masifunde

Jonga ezi zihloko uze uxoxe neqabane lakho malunga nokuba intsingiselo yazo inokuba ithini na.

## UMLILO USITSHISE SANGQUNGQA ISAKHIWO



## Inyula ibangela ingxubakaxaka



## Abantwana bayathontelana ukuya esikolweni

## Inyikima yothusa ilali

Jonga le mifanekiso. Bhala isihloko esifanelekileyo uze unike inkcazelo yomfanekiso kwisihloko somfanekiso.

Isihloko



Isihloko somfanekiso

Isihloko



Isihloko somfanekiso

Isihloko



Isihloko somfanekiso

Isihloko



Isihloko somfanekiso

Titshala: Sayina ______ Umhla ______



XHO HL Gr4 B2 TH7.indd 77 2021/04/16 10:56:55

# IINDABA ZANAMHLANJE

5 Okthobha 2015

## IINTSHATSHELI ZIPHANTSE AZAPHUMELELA

NguAnsie de Beer

**Amakhwenkwe esikolo amabini aseKapa aphantse ukubulawa yityhefu emva kokuphumelela umdlalo webhola ekhatywayo. La makhwenkwe mabini aye asela iparafini ngempazamo ecinga ukuba ngamanzi.**

UPierre Cilliers, oneminyaka eli-10 kunye nomhlobo wakhe oneminyaka eli-11 uJabu Zondo bebenemincili emva kokuba bobabini befake amanqaku umntu ngamnye kumdlalo webhola ekhatywayo wanamhlanje kwisikolo iNew Town. Emva komdlalo la makhwenkwe mabini aye kulo Jabu. Umama wakhe, uNksk. Zondo, ngumthungi kwaye ebesemsebenzini edolophini. Emva kokuba befikile endlwini la makhwenkwe mabini ebeshushu kwaye enxaniwe aze agqiba kwelokuzenzela isiselo seorenji. Bagalele iparafini kwisiselo endaweni yamanzi ngempazamo. Le parafini ibikwibhotile engabhalwanga ngoko la makhwenkwe ebecinga ukuba ngamanzi.

Athe xa eqala ukuziva egula, uJabu wangcambaza waya kwindlu yabamelwanwe waze uMnu Shozi wakhawulezisa ukucinga akubona ukuba bayagula, watsalela iZiko leeNgcebiso ngeTyhefu. "Ndaqaphela ukuba bazele iparafini esikhumbeni nasezimpahleni zabo. Babekhala ngesisu esibuhlungu. Ndibabalekisele esibhedlela ngoko nangoko apho kuye kwasindiswa ubomi babo" utshilo ummelwane wabo olungileyo.

UGqr. Zuma obenyanga la makhwenkwe mabini, uchaze wathi, "abantu abaninzi abazi ukuba iparafini iyingozi kakhulu. Ukuba uyiginyile, ingakugulisa kakhulu kwaye ide ikubulale."

Iparafini akufuneki nanini na ukuba igcinwe kwibhotile engabhalwanga. Ukuba umntwana usela iparafini, mphuthumise kugqirha okanye eklinikhi ngokukhawuleza. Okubalulekileyo: musa ukumnika into yokutya okanye yokusela.

Iparafini iyingozi nangezinye iindlela. Ingunobangela wemililo eba sezindlwini minyaka le. Iyityhefu kanti ikwavutha lula. Xa usebenzisa isixhobo esisebenzisa iparafini njengesitovu okanye isibane, ungaze uzishiye zivutha zodwa. Musa ukulishiya igumbi, kwaye ngalo lonke ixesha zibeke kumgangatho omtyaba apho zingazukuwa khona. Qiniseka nokuba azizukugilwa sisilwanyana sasekhaya okanye umntwana omncinci. Okokugqibela, ukuba usebenzisa isixhobo separafini endlwini yakho hlala unebhakethe elinesanti elikufutshane. Imililo ebangelwa yiparafini icima kuphela ngokusebenzisa isanti okanye abacimi-mlilo.




Kungekudala la makhwenkwe mabini afake amanqaku sele esilwela ubomi bawo.



XHO HL Gr4 B2 TH7.indd 78 2021/04/16 10:57:03

Umhla:




Krwela umgca ukuze utshatise amagama akumqolo ongasentla kunye nezichasi zawo kumqolo ongezantsi.



Umsebenzi wamagama

| | | | | |
|---|---|---|---|---|
| ngoko nangoko | ngempazamo | yavutha | yityhefu | ngokukhawuleza |


| | | | | |
|---|---|---|---|---|
| ayivuthi | ngokucotha | ngabom | ekugqibeleni | engenatyhefu |



Masibhale

Funda inqaku emva koko uphendule le mibuzo ilandelayo.

| | |
|---|---|
| Lithini igama lephephandaba? | |
| Sithini isihloko? | |
| Ngubani umbhali? | |
| Lenzeke phi eli bali? | |
| Lipapashwe nini eli nqaku? | |
| Yenzeke ngawuphi umhla le ngozi? | |
| Zithini izihloko zemifanekiso? | |
| | |



Masibhale

Libalise kwakhona ibali lengozi yetyhefu. Sebenzisa la magama angezantsi akuncede.

| |
|---|
| Okokuqala |
| |
| Kwaze |
| |
| Emva koko |
| |
| Ekugqibeleni |
| |
| |
| |

# Zithini iindaba?



- Sebenzisa isazobe sokucinga sikuncede ekucwangciseni oza kukubhala
- Bhala uyilo lokuqala
- Cela umhlobo wakho alihlele
- Fundisisa okubhalileyo kwakhona uze wenze izilungiso ezifanelekileyo
- Emva koko bhala kakuhle ngocoselelo encwadini yakho.



Masibhale

Ngoku uza kubhala inqaku lephephandaba malunga nengxaki kwingingqi ohlala kuyo.

Cela abahlobo abahlanu ukuba bakuxelele ukuba ingaba ikhona na ingxaki esengingqini enihlala kuyo kwezi zikhankanyiweyo. Faka umbala kwibloko nganye xa besithi yingxaki ekhoyo. Jonga ukuba yeyiphi eyona ngxaki ixhaphakileyo. Thetha nabahlobo bakho malunga nesiganeko ongabhala ngaso kwingxelo yakho.

| | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|
| **5** | | | | | |
| **4** | | | | | |
| **3** | | | | | |
| **2** | | | | | |
| **1** | | | | | |
| | **Umlilo** | **Ityhefu endlwini** | **Ukhuseleko endleleni** | **Iingozi zamanzi** | **Ukuxhatshazwa kwabantwana** |

Sebenzisa isazobe sokucinga sikuncede ucwangcise inqaku lakho.



| **Bhala isihloko senqaku lakho** | | |
|---|---|---|
| | | |
| Kwenzeke ntoni? | Ngubani obebandakanyeka? | Yenzeke nini? |
| Yenzeke phi? | Bekutheni ukuze yenzeke? | Kuqqibele kusenzeka ntoni? |

Bhala uyilo lokuqala lenqaku lakho. Cela ugxa wakho alihlele uze emva koko ulibhale ngocoselelo kwiphepha elilandelayo.

# Sisixelela ntoni isichazi-magama?






Isichazi-magama sisichazela ngeentsingiselo zamagama nendlela esiwabiza ngayo. Amagama akwisichazi-magama abhalwe alandelelana ngokwealfabhethi.

**Amagama azizikhokelo** okanye aziintloko abhalwa phezulu ephepheni, asixelela ukuba ngubani igama elisekuqaleni nelisekugqibeleni kwelo phepha.

Igama elibhalwe ngqindilili elisekuqaleni kuthiwa **ngumchazwa**. Umchazwa ubhalwa ngqindilili ngoonobumba abamnyama.

Ecaleni komchazwa iba lubhalo lwefonetiki olubonisa indlela esibizwa ngayo isandi esithile kwelo gama umz. **([kx'])**. Olu bhalo lwefonetiki alubikho kuwo onke amagama, lubakho kuphela kumagama anobunzima. Ecaleni komchazwa sikwafumana isifinyezo esixela isigaba sentetho: isibizo **b**, isenzi **nz**, isibaluli **bl** njl. Ukuba sisibizo kubakho amanani axela **ihlelo lesibizo (7/8)** akwachaza nokuba isibizo eso sifumaneka kwisinye okanye kwisininzi.


## u·krebe

a b c d e f g h i j **k** l m n o p q r s t u v w x y z

**u·krebe (kx) b 1a/2a**

**1.** Uhlobo lwentlanzi enkulu yaselwandle esisidla-bantu:

**2.** Umntu ongathi akanabungozi kanti uqulathe ububi, inkohlakalo.



**uku·krekretha** (kx) nz (dlul krekrethile, -krekrethe; nzs ukukrekrethana; nzk ukukrekretheka; nzl ukukrekrethela; nzs ukukrekrethisa; nzw ukukrekrethwa):

**1.** Ukuluma-luma okanye ukusikasika kuvakale isandi esithi kre kre kre, njengaxa impuku isitya intambo de iqhawuke, isikere sisika ilaphu okanye xa kulinywa entsindeni ikhuba lisithi kre kre; ukuntsentsetha: impuku ikrekretha intambo.

**2.** Ukuluma, ukukrazula umntu ngamazinyo xa nilwayo:

**3.** Ukumana utyela, ukhunyula, uginyela, ukhuthuza umntu okanye abantu ngamaqhinga; ukumana uzithela, uzikhelela kwinto engeyoyakho, njengomntu omana esika kumlimandlela esandisa le yakhe intsimi; ukunyunya.

**i·krele** (kx) ib 5/6:

**1.** Isikhali esenziwe ngentsimbi esifakwa esingxobeni, isabile:

**2.** Umkhonto onesiphatho esifitshane.

**-krele-krele (kx') bl, -krele-krele bj:** isibaluli esichaza:

**1.** Ukuba ntsanyu-ntsanyu, sefe-sefe, kranyu-kranyu, ukubonakala ngaphaya, ukukhanya ilanga: abantu bamazwe ashushu kakhulu banxiba impahla ekrele-krele:

**2.** Ukuthi sa, gqa-gqa: izithombo zikrele-krele kule ntsimi:

**3.** Ukuba kho komtyhi/kwethuba ukungaxinaniseki kakhulu ziingxaki, ngumsebenzi, njl:

**4.** Ukuba bukhali ngengqondo: ukrele-krele kakhulu/ingqondo yakhe ikrele-krele.









XHO HL Gr4 B2 TH7.indd 82 2021/04/16 10:58:39

Umhla:



ubu·**krele-krele** (kx) b 14/-:

**1.** Imo yokugqagqana kwezinto okanye kwabantu yokuthi saa, gqa-gqa; ubugqagqa, imo yokuqelelana: yokuqaqelana:

**1.** Ubuyacu-yacu, ubukranyu-kranyu, ubuyasu-yasu:

**2.** Imo yokuba nengqondo ekhawulezayo ukuqonda; ubukhali bengqondo:

**3.** Inkanyiso, imo yokuba nokuqonda: inkcazo yakho izise ubukrele-krele

isi·**krelemnqa** (kx) b 7/8: umntu okhuthuza abantu iimali zabo, iimpahla, iimoto, njl, isigebenga, isigwinta, umphangi, isihange.



uku·**kreqa** (kx') nz (dlul – kreqìlè, -krèqê; nzl ukukreqela; nzs ukukreqisa; nzw ukukreqwa):

**1.** Ukukrekretha, ukunqala, ukutya into ngamazinyo, umz impuku inqenqetha, inqeza into ngamazinyo: **impuku iyalukreqa olu cango:**

**2.** Ukuthi shunqu, ukushunqula, ukuthi gece, ukugeca, umz intambo, umthi: wayikreqa intambo ngesinkempe:

**3.** Ukubhetya, ukulahla, ukuphuma ecaleni, ukuphuma kwicawa obukade ukhonza kuyo: **ela bhetye-bhetye,**
**uSangqu, likreqile embuthweni:**

**4.** Ukuphuncula, ukuqhawula umke, umz isilwanyana okanye umntu: ***ihashe lam likreqile.***

uku-krakra udanile; ungaxolanga; ingaginyeki ngenxa yokuba ikrakra. Undidanisile umntwana wam ngokungapasi izifundo zakhe.

Andixolanga kuba usishiyele umama wam ndingambonanga.

Isisu sam siqunjelwe, ndizakusela ukrakrayo

u-krakrayo [kx] nz

krakra lyeza elenziwa ngonomaweni okanye ikhala elithi esilumayo okanye esingaphathekanga kakuhle.

1.mandulo: amaxesha amanizni abantu abadala bakudala babezenzela amachiza, inqabile into yokundwendwela ugqira wesilungu. Babesebenzisa amayeza abathe bawomba bazenzela wona ngokwabo. Xa kusenziwa ukrakrayo ke, kuthathwa unomawenu okanye ikhala, zigximfizwe zixutywe namanzi, zifakwe ebhotileni. Lowo ke ofuna ukuzinyanga, ubesela ngokomlinganiselo wecephe okanye ngaphezulu. Umyinge ubuxhomekeka kwisigulo eso umntu simphetheyo

a b c d e f g h i j **k** l m n o p q r s t u v w x y z




Inkcazelo isinika intsingiselo yegama. Xa igama lineentsingiselo ezininzi, iinkcazelo ziphawulwa ngamanani. (Jonga intsingiselo yegama ubukrele-krele)

Ezinye iinkcazelo ziba nomzekelo wesivakalisi obonisa indlela elisetyenziswa ngayo elo gama. *Impuku iyalukreqa olu cango*: (jonga ukukreqa)

# Ingaba usakhumbula?





Fakela isincedisi esikwizibiyeli kwisenzi esikrwelelweyo kwezi zivakalisi zilandelayo.




| | |
|---|---|
| (-ya-)<br>(-wa-) | Ndihamba ngomso.<br>UThemba uyakhalaza. |
| (-sa-)<br>(-nga-) | Umama uhlamba izitya.<br>Ndingena endlwini ngoku kuba kuyana. |
| (-kwa-)<br>(-ya) | Utata uthetha le nto siyithethayo.<br>Inja ibaleka emva kwebhola. |
| (-za-)<br>(-sa-) | Sithengisa amathole emalikeni.<br>Babaleka kugqatso oluziimitha ezili-100. |
| -nga-<br>-kwa- | Ndifaka incwadi yam ebhegini.<br>Abantwana bathatha ezi ncwadi. |
| -ya-<br>(-sa-) | Nditya ikeyiki yetheko lam lokuzalwa.<br>Ingaba nifunda emva kwemini? |
| (-wa-)<br>(-sa-) | Abantwana bayahleka la makhulu.<br>UNomsa umthumile ezivenkileni. |
| (-kwa-)<br>(-nga-) | USipho uhamba naba bantu.<br>Kulungile umama uhamba nabo. |




## Uluhlu lwam lweminxeba yokhuseleko

Fumana iinombolo ezichanekileyo uze uzibhale.





| | |
|---|---|
| Amapolisa | 10111 |
| Inqwelo yeziguli | 10177<br>112 ukuba uneselula |
| Iziko leTyhefu | Gauteng: 0800 111 229 (umnxeba ongahlawulelwayo)<br>KwaZulu-Natal: 0800 333 444 (umnxeba ongahlawulelwayo)<br>Kumaphondo onke: 021 9316129 |
| Umnxeba wongxamiseko wabantwana | 0800 055 555 (umnxeba ongahlawulelwayo)<br>0800 123 321 (kwiiyure ezingama-24, umnxeba ongahlawulelwayo) |
| Abazali bam | |
| Umntu endinokumthemba | |
| Okunye | |



XHO HL Gr4 B2 TH7.indd 84 2021/04/16 10:59:01

Umhla:



Masibhale

Dibanisa ezi zivakalisi zilandelayo usebenzise la magama alandelayo. Bhala isivakalisi sakho kwisithuba osinikiweyo.



kunye | kuba | ngoko | kodwa

| | |
|---|---|
| UJabu uyasithanda isiselo seorenji. | Uyasithanda nesiselo semengo. |
| | |
| Sifudukele kufutshane nesikolo. | Ndinako ukuhamba ngeenyawo ukuya esikolweni. |
| | |
| Umana elahleka. | Akanayo imephu. |
| | |
| Ndiyakuthanda ukufunda iincwadi. | Andikuthandi ukufunda amabali anemifanekiso. |
| | |



Masonwabe

Nceda umcimi-mlilo ayokufika kwindlu etshayo.







XHO HL Gr4 B2 TH7.indd 85 2021/04/16 10:59:13

# 105 UJojo uqala isikolo esitsha

**Phambi kokufunda**

- Jonga emifanekisweni nakwizihloko uze uzame ukuqikelela ukuba ibali liya kuba malunga nantoni na.
- Jonga ngokukhawuleza okukhulu ukuze ubone ukuba uza kufunda ngantoni na.

**Ukufunda**

- Thelekisa ingqikelelo yakho kunye noko ukufundayo.
- Ukuba awuyiva kakuhle indawo ethile, yifunde kwakhona ngokucotha. Funda ngokuvakalayo.



## Masithethe

Jonga umfanekiso kunye nesihloko seli phepha lokusebenzela uze uxoxe malunga nokuba ucinga ukuba eli bali limalunga nantoni na. Balekisa nje amehlo kweli bali ngokuthi ufunde imigca yokuqalala neyokugqibela kumhlathi ngamnye.

Cinga ngokuba ubuza kuziva njani ukuba ubungumntwana omtsha esikolweni esitsha.






## Masifunde

Funda eli bali uze uphendule imibuzo eza kulandela.

UJojo wayekwixesha elinzima esikolweni.
“Bekutheni ze ndize kwesi sikolo?” watsho ehleli ebek’ isandla esidleleni. “Abantwana balapha bakhohlakele!” Abantwana babemgezela kuba emncinci kwaye enxiba iindondo zamehlo ezinkulu. Wayekhumbula abahlobo bakhe kunye nokuziva ekhuselekile njengoko kwakunjalo esikolweni sakhe sangaphambili. Wayekhumbula umama wakhe kunye nodadewabo omncinci.

Wonke umntu esikolweni sikaJojo esitsha wayebonakala emkhulu kunaye kwaye bezincutshe nakwezemidlalo. Nangona uJojo wayengayidlali ibhola ekhatywayo, wayesazi lukhulu ngayo. Wayesoloko ebukela imidlalo emikhulu kumabonakude. Wayesazi bonke abadlali kwaye esazi yonke imidlalo.

Ezemidlalo zazingabalulekanga kangako kwisikolo sakhe esidala kwaye ke abazali bakaJojo babengenayo imali yokumthengela izihlangu  zebhola. Kodwa kwisikolo sakhe esitsha, imidlalo yayibalulekile kakhulu!  Ukuba wawuyincutshe kwezemidlalo wawubonwa njengoyena mntu. Ukuba wawungeyiyo incutshe kwezemidlalo wawubonwa njengesiphukuphuku.



Ngenye injikalanga, xa bonke abantwana babesiya emabaleni ezemidlalo, uJojo wema wabukela, enqwenela isibindi sokuya kuzibandakanya nabo. Kodwa akazange aye. Ngoko wagoduka ehamba yedwa. Wahamba ngendlela aqhele ukuhamba ngayo, eyayihamba iwele ibhulorho, idlule kwivenkile yezemidlalo, idlule  eWimpy ize inqumle ebaleni. UJojo wayegqiba ukuwela ibhulorho kanye ukuze amiswe liqela labavuyeleli. Omnye walo makhwenkwe wahlutha ibhegi kaJojo. Baqala baphoselana ngayo. Emva koko uBruce, omnye wamakhwenkwe amadala asesikolweni walahla phantsi iindondo zikaJojo.



XHO HL Gr4 B2 TH7.indd 86 2021/04/16 10:59:38

Umhla: ____________

Wazichola waze wabaleka nazo. UJojo wambongoza ukuba abuyise iindondo zakhe. “Ndiyakucela, andiboni ngaphandle kwazo,” wakhwaza. Kodwa uBruce wasuka waziphosa endleleni. UJojo wagoba ezichola. Zange akholwe ithamsanqa awaba nalo. Wayelindele ukuba zophuke zibe ziingceba iindondo zakhe, kodwa zange kube njalo. Ngethamsanqa zaziwele phezulu kwebhokisi emhlophe ngoko zawela kwindawo ethambileyo, zaze azophuka.



UJojo wachola ibhegi yakhe neendondo zakhe. Wathatha nebhokisi leyo. Yayivakala isinda. Wayishukumisa. Kwakukho into eyayingaphakathi kuyo.




Thelekisa indlela uJojo ebephila ngayo kuqala nendlela aphila ngayo ngoku.

| | Indlela ebekuyiyo | Nendlela ekuyiyo ngoku |
|---|---|---|
| Usapho | Wayehlala nomama wakhe nodadewabo. | Uhlala notata wakhe. |
| Esikolweni | | |
| Ulwimi | | |
| Abahlobo | | |
| Imidlalo | | |
| Iimvakalelo | | |




Thetha malunga nendlela ocinga ukuba eli bali liza kuphela ngayo. Zenzele isiphelo nize nibe neendima enizidlalayo.




Bhala isiphelo sebali.

______________________________________________

______________________________________________

______________________________________________

______________________________________________

______________________________________________




XHO HL Gr4 B2 TH7.indd 87 2021/04/16 10:59:52

# Kwenzeka ntoni kuJojo?






Funda ibali uligqibe. Wakugqiba ukulifunda, jongani ukuba sesikabani isiphelo esifanayo nesiphelo sebali.



Kanye ngelo xesha, umnini venkile waphinda waphosa esinye isihlangu. "Asinako ukuzithengisa ezi", waxelela uJojo. "Sizisebenzisela ukunika abathengi ukuba bazilinge bajonge isayizi ebafaneleyo," watsho. "

UJojo wachola eso sihlangu. Yayisisihlangu sokudlala ibhola ekhatywayo sesibini sasekhohlo salo pere inye. "Ziyandilingana!" watsho uJojo enemincili, ebopha imitya.

"Xa kunjalo ke zezakho!" watsho umnini venkile. Siza kufikelwa zezinye ezitsha ngomso. "Nangentsimbi yesithathu namhlanje, uBig Ben, imbalasane yebhola ekhatywayo weqela laseNgilane iBrears uyeza ukuza kubhengeza. Ndicoca ivenkile."

Kanye ngelo xesha, wafika uBig Ben.

"Molo apho, ntwana!" wakhwaza uJojo watsho. "Ndiza kube ndiqeqesha iqela lesi sikolo sikwisitalato esilandelayo. Uza kuza?"

"Andinako ukuza mnumzana," watsho uJojo. "Andikwazi ukudlala ibhola ekhatywayo ncam. Eneneni akukho nto ndingathi ndibalasele kuyo mnumzana. Yiza mfana, ungubani igama lakho?" wabuza uBig Ben.

"NdinguJojo mnumzana." "Yiza Jojo, uza kuba yintshatsheli!" UJojo wabona ngoBig Ben emqhuba beyokuwela ibhulorho kwakhona baya kungena kwibala lebhola ekhatywayo.

"Wenzani apha?" wabuza umqeqeshi ejonge uJojo.


"UJojo uhamba nam kwaye ukwicala lam," watsho uBig Ben. "Yiza Jojo, ndifuna udlale ngokungathi uyintshatsheli. Amehlo akho makahlale ebholeni, ukhumbule, unxibe izihlangu zomlingo!"

UJojo wanxiba iindondo zakhe waqalisa ukukhaba ibhola eyiqhuba ebaleni.





XHO HL Gr4 B2 TH7.indd 88 2021/04/16 11:00:16



Kwakungathi izihlangu zakhe zizo ezimlawulayo. Wayiqhuba ibhola waze wayikhaba baqala ababukeli bakhwaza "Jojo! Jojo!"

Waze uJojo wayiphosa ibhola.

" Hayi mfondini Jojo sebenzisa izihlangu zakho zomlingo kwedini!" wakhwaza watsho uBig Ben.

UJojo wafaka inqaku, waphinda wafaka elinye inqaku.

UBig Ben wabeka isandla sakhe esikhulu egxeni likaJojo wathi, "Usebenzile mfana. Uyakwazi ukuzisebenzisa ezo zihlangu. Uze umane uziqhelisa!"

UBruce nabahlobo namakhwenkwe angabavuyeleli babukela. Babengawakholelwa amehlo abo.

"Jojo," watsho uBig Ben, "Kubonakala ngathi awungomntwana uthandwayo apha, kodwa eyona nto ibalulekileyo yinto oyicingayo ngawe wena," watsho emkhomba entloko."

Nkqu nomqeqeshi uye wamothusa. "Udlale kakuhle Jojo. Ingaba uza kungena eqeleni?" wabuza watsho.

"Hayi ndiyabulela khowutshi," watsho uJojo. "Hayi andinangxaki mnumzana."

"Yindlela endizibona ngayo mna," wasebeza watsho eyedwa. Ukususela ngoko nokuba wenzani nokuba uyaphi uJojo wayesoloko eziva ngathi unxibe izihlangu zakhe zomlingo.





Masithethe

Thelekisa abalinganiswa **uBruce,** umvuyeleli kunye **noBig Ben** umdlali webhola ekhatywayo.

- Sazi njani ukuba uBig Ben ngumntu okhathalayo?
- Khangela uze ukrwele umgca ngaphantsi kwezivakalisi ezisebalini ezibonisa ukuba uBig Ben wayekhuthaza uJojo.



# Sicinga ngoJojo




Funda ibali elimalunga **neebhutsi zikaJojo zebhola ekhatywayo** uze ubiyele ngesangqa unobumba osecaleni kwempendulo echanekileyo.



| | Yayiyintoni ebangela ukuba uJojo angonwabi ekuqaleni kwebali? |
|---|---|
| A | Wayengenazo izihlangu zokudlala ibhola ekhatywayo. |
| B | Wayengekho kwiqela lebhola ekhatywayo. |
| C | Wayengabalaselanga kwibhola ekhatywayo. |
| D | Amakhwenkwe amadala ayemvuyelela. |

| | Ithini eyona mfundiso yeli bali? |
|---|---|
| A | Yibaleke inkathazo |
| B | Zithembe |
| C | Yilwa nabavuyeleli |
| D | Ungaze uthembe namnye umntu |

| | Kwakutheni ze umnini wevenkile alahle izihlangu zokudlala ibhola ekhatywayo? |
|---|---|
| A | Zazonakele. |
| B | Wayenesihlangu esinye kuphela. |
| C | Wayengazithandi kakade. |
| D | Abantu babezilinganisa xa befuna ukubona isayizi ngoko wayengasenako ukuzithengisa. |

| | UJojo wahamba ngeyiphi indlela xa wayegoduka? |
|---|---|
| A | Ibhulorho, uWimpy, ivenkile yezemidlalo, ibala |
| B | Ibhulorho, ivenkile yezemidlalo, ibala, uWimpy |
| C | Ibhulorho, ivenkile yezemidlalo, uWimpy, ibala |
| D | uWimpy, ivenkile yezemidlalo, ibala, ibhulorho |

Phawula nge ✓ awona magama achaza abalinganiswa uBig Ben noBruce.

**Big Ben**

| | | | |
|---|---|---|---|
| unobubele | ✓ | | unolunya |
| ukrelekrele | | | usisiphukuphuku |
| wonwabile | | | unomsindo |
| uluncedo | | | akalulo uncedo |
| ukhaliphile | | | uligwala |
| womelele | | | ubuthathaka |


**Bruce**

| | | | |
|---|---|---|---|
| unobubele | | ✓ | unolunya |
| ukrelekrele | | | usisiphukuphuku |
| wonwabile | | | unomsindo |
| uluncedo | | | akalulo uncedo |
| ukhaliphile | | | uligwala |
| womelele | | | ubuthathaka |

Bhala izivakalisi ezibini malunga nokwenziwe nguBig Ben okwenze uJojo azive ngcono.

1. 

2. 



Umhla:

Zitshintshe kanjani iimvakalelo zikaJojo ebalini?

*Ekuqaleni kwebali uJojo wayeziva*

*kuba*

*Waze ekugqibeleni*



Masibhale


Yiba nomfanekiso ngqondweni ngokungathi unguJojo. Bhala kwidayari ubonise ukuba kwenzeke ntoni ngala mini. Qala ngendlela uJojo awayeziva ngayo ekuqaleni kwebali uze emva koko uchaze ukuba kwenzeka ntoni akuba ethathwe nguBig Ben wamsa kwibala lebhola ekhatywayo.

*Dayari ethandekayo* *Umhla:*

**Izihlomelo**

Sele usazi ukuba isihlomelo ligama elicacisa ngakumbi isichazi okanye isenzeko. **Isihlomelo** simalunga nobunjani, nobungakanani nendawo okanye ixesha.






- Hlalani ngoxolo (njani)
- Siya esikolweni (phi)
- Ufike kusasa esikolweni (nini)



Masibhale

Fakela izihlomelo ezingekhoyo.



| | | |
|---|---|---|
|  *Ihagu ityebe ___(njani)* |  UFudo luhamba___(njani) |  *Inkumba ibonakala___ (ixesha)* |
|  Iqwarha lihlala___(phi | *Imbabala iyingozi___ (ixesha)*  |  Ihlosi lihlala___(phi) |

Titshala: Sayina Umhla



XHO HL Gr4 B2 TH7.indd 91 2021/04/16 11:01:03

# 109 Idayari




Namhlanje ndidlale kumdlalo webhola ekhatywayo. Siye saphumelela ngesi-3-0 (eqandeni). Emva koko umama wasisa eWimpy. Nditye ibhega neetshiphusi. Ndabona uBongi nomntakwabo phaya.

Emva koko, malunga nentsimbi yesi-4 emalanga, siye sandwendwela umzala wam uCecily. Siye sadlala iqakamba emva kwendlu. Ndibethe isithandathu waze wandikhupha ngokundibhowula emva koko. Ibiyimini emnandi ngenene.

*Qala umhlathi ngamnye ngegama elixela ixesha.*

*Sebenzisa umntu wokuqala uNdi.*


*Yithi ubani, unini, intoni.*






Funda idayari ebhalwe ngumhlobo kaJojo waselalini uze ufunde okubhalwe kwidayari nguCharlie, omnye umhlobo kaJojo.





*Dayari ethandekayo*

*Namhlanje ndivuke kwangoko njengesiqhelo. Ndincedise umakhulu wam ukuya kukha amanzi etephini ndaze ndaya kukhwela ibhasi eya esikolweni. Ndandikhathazekile njengokuba ndandisiya esikolweni kuba ummelwane wethu wandipha intshontsho lekati elihle ngoko ke ndandifuna ukuhlala ekhaya ndidlale nalo.*

*Kwathi xa sisendleleni eya edolophini, umqhubi webhasi wafumanisa ukuba ibhasi yayigqajukelwe ivili. Kwanyanzeleka ukuba simise ukuze atshintshe ivili. Abakhweli abaninzi babecaphuka kuba babeza kufika emva kwexesha emsebenzini. Bacaphuka ngakumbi akubaxelela ukuba wayengenalo ivili lokutshintsha kwaye kuza kuthatha iyure enesiqingatha phambi kokuba enye ibhasi ifike. Mna zange ndicaphuke tu kwaphela. Ndasuka ndabuya ndazokudlala nentshontsho lekati.*

*Sarah*



XHO HL Gr4 B2 TH7.indd 94 2021/04/16 11:01:55

Dayari ethandekayo

Ndiye ndanemini emnandi namhlanje. Besiphume nesikolo saya eCradle of Humankind kwiPhondo laseMntla Ntshona. Kusithathe ixesha elingangeyure ukusuka ePitoli. Sibone nemiqolomba yaseSterkfontein kunye nendawo apho amathambo, "kaNksk. Ples" kunye "noNyawana" afunyanwa khona. La mathambo aneminyaka emalunga nezigidi ezi-3,3 ubudala. Oku kwenza usuku lwam lokuzalwa lubonakale njengolungabalulekanga.

Indawo ebidika ibiyindlela ebheka ekhaya. Bekungathi kudala sihamba kwaye bendisele ndiqala ukugodola. Ngelishwa ndiye ndashiya ijezi yam yesikolo kwindawo ebesikuyo, ngoko ukufika kwam ekhaya umama ebenomsindo.

Charlie





Umhla:




## Izihlomelo zobunjani nezexesha



Khetha izihlomelo zobunjani nezexesha kwezi zivakalisi zilandelayo. Biyela isihlomelo uze ubhale uhlobo lwaso kwisikhewu osinikiweyo

Inyoka zixhaphakile ehlotyeni. ____________

Babuye ebusuku. ____________

Sihambe kakuhle ukuya edolophini. ____________

Sizakufika emva kwemini. ____________

Izibane zasedolophini ziqaqambe ngamandla. ____________

UNomsa udume ngobukrelekrele. ____________

Ndiye ndaziva ndonwabile emva kokuphumelela ugqatso. ____________

Izilwanyana zifumaneka endle. ____________




Ngoku linga la magama azizichazi.

Hlahlela la magama uze uxele ukuba igama ngalinye linamalungu amangaphi.
Emva koko fakela isihlomelo esifanelekileyo.

*Hlahlela la magama azizihlomelo ezalatha indawo ezakhiwe ngokulahla iceba lesimaphambili sesibizo ze kufakelwe u-e nesimava u-ni.*

| e/ndle/be/ni | **4** | Isenokuba ingaphakathi endlebeni | Isenokuba ingaphandle endlebeni |
|---|---|---|---|
| ehlathini | | | |
| ebhotileni | | | |
| ecaweni | | | |
| endleleni | | | |
| esityeni | | | |
| emlenzeni | | | |
| emalini | | | |
| etafileni | | | |
| emoyeni | | | |

Masibhale

## Izihlomelo zendawo

Izihlomelo zendawo zisixelela apho izinto zikhoyo

Fakela ezi zihlomelo zendawo ugqibezele ezi zivakalisi zingezantsi. Igama lisebenzise kube kanye kuphela.

yonke indawo | kufuphi | ngaphakathi | macala onke | phandle | phezulu

| |
|---|
| Musani ukudlala endlwini. Hambani niyokudlala ____________. |
| Ndaye ndajonga ____________ egumbini. |
| UVuyo wakhangela ____________ kodwa akazange ayifumane ifowuni yakhe. |
| Ngena ____________ endlwini kuyabanda. |
| Bahlala ____________ nasesikolweni. |
| Ndiye ndanyuka ndaya ____________ encochoyini yentaba. |

## Amabinzana ezibizo

Funda la mabinzana ezibizo angezantsi uze ugqibezele isivakalisi ngasinye ngendlela ocinga ngayo.



| **Esi sikhwenene sinemibala eqaqambileyo kakhulu.** |
|---|
| Isikeyithibhodi sikaMandu ____________. |
| Isekisi ____________. |
| Iiholide zesikolo ____________. |
| Ibhayisekile yam ____________. |
| Ukudlala imidlalo ____________. |
| Amaqhekeza etshokolethi ____________. |



XHO HL Gr4 B2 TH7.indd 98 2021/04/16 11:02:28

## Amagatya ezibizo

Masibhale

Gqibezela ezi zivakalisi.

| **Yipeni kabani le? Andazi ukuba yipeni kabani.** |
|---|
| Ingaba uhlala phi? Andazi ______________________. |
| Ngubani igama lakhe? Andazi ______________________. |
| Ingaba uza kuza nini? Andazi ______________________. |
| Yintoni le? Andazi ______________________. |
| Ungubani? Andimazi ______________________. |

## Izimelabizo zochazo ezakhiwe kwizimnini

Ingaba usakhumbula ukuba izimelabizo zochazo ezakhiwe kwizimnini zeziphi? Isimelabizo sobunini sakhiwa kwisimnini ngokufakela isakhi esingu-**a-** u-**o-** okanye u-**e-**. **Ezethu** ziyaphela ngoku.

Fakela ezi zimelabizo zobunini ugqibezele ezi zivakalisi.

awaseChankcele, abakhe, eyakhe, owaseMthatha, owam, eyakho, ezabo

| |
|---|
| 1. ______________________ iza kukhonkotha xa efika. |
| 2. ______________________ ziza kubonakala ngokuphawulwa ngepeyinti. |
| 3. Uthe uza kupha ______________________ kuphela. |
| 4. ______________________ ndimva ngokuthethela phezulu. |
| 5. Kuza kufika ______________________ umfundisi ngomso. |
| 6. ______________________ adume ngokucula kamnandi. |
| 7. ______________________ zasoloko zifika mva. |
| 8. Ndilinde ______________________ khawuleza uyithumele. |

Titshala: Sayina ______ Umhla ______



XHO HL Gr4 B2 TH7.indd 99 2021/04/16 11:02:32

# Masibhale ibali





Masibhale

Ceba ukubhala ibali elilelakho.

*Liza kuba malunga nantoni?*

*Iza kuba ngoobani abalinganiswa bakho abaphambili?*

*Uza kuveza ulwazi olunjani?*



| Ndiyakwazi | | |
|---|---|---|
| ukufunda inqaku elikwiphephandaba | | |
| ukufunda ibali | | |
| ukubalisa ibali kwakhona | | |
| ngokokulandelelana kweziganeko | | |
| ukuphendula imibuzo esekelwe kwinqaku lephephandaba | | |
| ukuphendula imibuzo esekelwe kwibali | | |
| ukubhala kwidayari | | |
| ukubhala umbongo | | |
| ukubhala isiphelo sebali | | |
| ukubhala, ukuhlela nokuphengulula ibali | | |
| ukwenza uphando | | |
| ukuchaza abalinganiswa | | |
| ukuhlahlela amagama abe ngamalungu | | |
| ukuchaza izihlomelo zendawo nezexesha | | |
| ukuchaza izincedisi | | |
| ukutshatisa amagama nezichasi zawo | | |
| ukutshatisa amagama nezifanokuthi zawo | | |
| ukuceba nokubhala ileta | | |
| ukuceba nokubhala ibali | | |
| ukuceba nokubhala inqaku ledayari | | |
| ukuqikelela inqaku lephephandaba ngokujonga imifanekiso nesihloko | | |
| ukuqikelela ibali ngokujonga umfanekiso nesihloko | | |
| ukulinganisa isiphelo sebali | | |
| ukufunda ibali okanye inqaku lephephandaba ngokukhawulezisa | | |
| ukuqonda iintsingiselo zezihloko | | |
| ukusebenzisa izihlomelo Zobunjani nexesha | | |
| ukusebenzisa izihlanganisi ukudibanisa izivakalisi | | |
| ukusebenzisa izihlomelo zendawo | | |
| ukusebenzisa intetho-ngqo | | |
| ukusebenzisa amagatya ezibizo | | |
| ukusebenzisa amabinzana ezibizo | | |
| ukusebenzisa izimelabizo zochazo ezivela kwizimnini | | |
| ukusebenzisa izincedisi zezenzi (ya/ye, ba/be, sele, njalo njalo.) kwizivakalisi | | |

Zenzele incwadi yakho kumaphepha 101–102. Bhala isihloko sencwadi eqweqweni. Bhala igama lakho ngaphantsi kwesihloko, kuba nguwe umbhali. Zoba umfanekiso eqweqweni. Bhala ke ngoku ibali lakho libe nesiqalo, umxholo kunye nesiphelo.



XHO HL Gr4 B2 TH7.indd 100 2021/04/16 11:02:38

# Iziqulatho

## Umxholo 8: Abantu, iindawo nemibongo




**Ikota 4: Iiveki 5 – 6**
**Ukuya kwisikolo esitsha**

113 **Ikhempu Yabantwana** 104
Ufunda isaziso-ntengiso.
Uxoxa ngemibuzo esekwe kwisaziso-ntengiso.

114 **Ukucinga ngesibhengezo** 106
Ubhala iimpendulo zemibuzo esekwe kwisibhengezo.
Uchonga izenzi nezihlomelo.
Uhlela izihlomelo ngobunjani, ixesha nendawo.
Uchonga imo yesenzi echanekileyo.

115 **Ukulungiselela esakho isibhengezo** 108
Ugqibezela isazobe sokucinga ukuyila ipowusta ebhengeza uhambo lwesikolo phantsi kwezihloko ezimiselweyo.
Wenza ipowusta esebenzisa amanqaku avela kwisazobe sokucinga.

116 **Izichazi, izihlomelo neziphumlisi** 110
Uchonga izichazi nezibizo.
Usebenzisa iziphumlisi ngokuchanekileyo kwizivakalisi.
Uchonga izenzi nezihlomelo.

117 **Izilwanyana zasendle** 112
ufuna ulwazi olungezilwanyana.
Udwelisa iimpendulo zemibuzo esekwe kulwazi olungezilwanyana zasendle.
Utshatisa amagama neentsingiselo zawo.
Uxoxa ngamanye amanqaku afundwe ngezilwanyana.

118 **Yenza incwadana** 114
Ugqibezela isicwangciso ukuyila incwadana engesilwanyana.
Usika amaphepha aze enze incwadana, aze abhale ulwazi ngokucocekileyo.

119 **Usika iphepha lokwenza incwadana** 115

**Ikota 4: Iiveki 7 – 8**
**Abantwana bayasithanda**

120 **Ukujonga ulwimi** 117
Uchonga izenzi eziyintloko nexesha langoku neladlulayo.

121 **Inkwenkwe eyala ukufunda** 118
Ufunda umdlalo esebenzisa bonke abalinganiswa nombalisi.

122 **Ukucinga ngomdlalo** 120
Uxoxa ngomdlalo nemibuzo.
Ubhala iimpendulo zemibuzo engomdlalo.
Uyila imiboniso emibini yomdlalo aze achonge umlinganiswa oyintloko.
Uchonga izithetha-ntonye.
Ubhala isishwankathelo.
Uchonga izichazi.
Ubhala inkcazelo ngabalinganiswa ababini.

123 **Ukubhala umdlalo** 122
Ugqibezela isicwangciso sokubhala ukulungiselela ukubhala umdlalo phantsi kwezihloko ezimiselweyo.
Ubhala umdlalo ngokucocekileyo ethathela kwisicwangciso.


124 **Abalinganiswa** 124
Usebenzisa imfano-zandi ukuthiya amagama abalinganiswa emdlalweni.
Wenza amagama esebenzisa isifanadumo.
Uyila ipowusta ukubhengeza umdlalo wabo.
Uhlola zonke ezinye iipowusta aze akhethe egqwesileyo.

125 **UShadow Girl uhlangula usuku** 126
Ufunda umdlalo.
Uxoxa ngebali.

126 **Ukucinga ngebali** 128
Ulinganisa umdlalo.
Uchonga amagatya azimeleyo.
Ugqibezela izifaniso.

Ukhethekile 130









XHO HL Gr4 B2 TH8.indd 103 2021/04/16 10:55:32

# Ikhempu Yabantwana









## Ukhenketho lwabantwana oluphambili eMzantsi Afrika










Ukhenketho lweeholide lwabantwana *iSuper Kids Holiday Camp* luthembisa ngeenkampu ezizele yimidlalo yabantwana ababudala buphakathi kweminyaka esi-8 neli-12. Bhalisa ngoku ukulungiselela iiholide zehlobo uze uchithe iiholide ezimangalisayo kumzi wokugcina izilwanyana. Uya kukhathalelwa liqela labantu abanamava abaya kuqinisekisa ukuba uphatheke kakuhle yaye wonwabe kakhulu.

Kha ulinge imidlalo emitsha, ube nabahlobo abatsha, ubone izilwanyana uqubhe nasemanzini amatsha! Ngaphaya koko yiba nexesha elimnandi! Abazali baya kukhe baphumle, ngeli xesha wena uphatheke kakuhle yaye wonwabe kakhulu!







XHO HL Gr4 B2 TH8.indd 104 2021/04/16 10:55:34


Umhla:



# YONWABA



Imililo yekhempu



Ukuhamba ebusuku



Imidlalo



Ukutsiba




Imidlalo yokukhwela



Ukubukela iintaka



Ubuchule nemisebenzi yobugcisa



Ukuqubha

## UKHENKETHO LWABANTWANA OLUGQIBELELEYO!

**Ukunika umtwana ngamnye amava amangalisayo aya kubenza bangxamele ukubuya kwakhona!**

Fowunela Ukhenketho Lwabantwana ku-20121 212
Ixabiso: R300
Iintsuku: uMvulo ukuya ngoLwesihlanu kwiveki nganye yeeholide zesikolo.
Phatha impahla yokuqubha, amafutha okuthambisa athintela ukutshiswa lilanga neendondo.



Masithethe

Qwalasela ngononophelo kwisibhengezo ukuze uxoxe nomhlobo wakho oku kulandelayo.

- Umbhali wenze ntoni ukutsala umdla womfundi?
- Zeziphi izihloko ezibhalwe ngqindilili okanye gxininisiweyo?
- Ucinga ukuba isibhengezo sijoliswe kubani?
- Ungaphawula iibhokisi ezingaphezu kwesinye kwezi zingasezantsi?
- Nika izizathu zokuphawula ibhokisi nganye?

| Amakhwenkwe | Amantombazana | Abantwana abaneminyaka emi-4 ukuya kwesi-7 ubudala | Abantwana abaneminyaka esi-8 ukuya kweli-12 ubudala | Abantu abadala | Ulutsha |
|---|---|---|---|---|---|
| | | | | | |

# Ukucinga ngesibhengezo



Masibhale

Jonga isibhengezo kwiphepha elidlulileyo ukuze ubhale phantsi iimpendulo zale mibuzo.

Sazisa ngantoni?

Ngoobani kanye abantu esijolise kubo esi saziso-ntengiso?

Ithetha ntoni le ntetho "Into yomntu wonke"?

Yintoni anokuyenza umntwana okhubazekileyo kule khempu?

Ungakwazi ukuza kule khempu ngempela-veki?

Kutheni esi saziso-ntengiso sisithi "ukhathalelwa liqela labantu abanamava"?

Dwelisa yonke imidlalo onokuyonwabela xa uzile kule khempu.

| | | |
|---|---|---|
| | | |
| | | |

Ithetha ntoni le miyalezo ilandelayo?

**IKHEMPU YABANTWANA EGQIBELELEYO!**

**Ukunika umntwana ngamnye awona mava amangalisayo aya kubenza bafune ukubuya kwakhona!**

Kutheni kufuneka uphethe namafutha okuthambisa athintela ukutshiswa lilanga?

Abazali bakho baza "kuphumla ingqondo" njani xa uye ekhempini?

| | | |
|---|---|---|
| | | |

Umhla:

# Izenzi nezihlomelo





Masibhale

Krwela umgca ngaphantsi kwezenzi kwezi zivakalisi. Emva koko biyela ngesangqa zonke izihlomelo ezichaza izenzi. Xa ukugqibile oku, bhala phantsi izihlomelo kwibhokisi echanekileyo.

*Isihlomelo sichaza isenzi. Sisixelela ukuba isenzo senzeka njani, nini okanye phi.*

| |
|---|
| Umntwana walila kakhulu. |
| Inkwenkwe yabaleka gqitha. |
| Imbabala yatsiba phezulu. |
| Sidlala isoka ngaphandle. |
| Wayikhabela phezulu ibhola. |
| Inja ilele phandle. |
| Izolo imvula inile. |
| Ngomso ndiza kuqubha. |
| Izolo ibingumhla wam wokuzalwa. |











Ngoku faka izihlomelo obuzikrwelele umgca ngaphantsi phantsi kwezihloko ezichanekileyo.


| Njani | Phi | Nini |
|---|---|---|
| | | |
| | | |
| | | |




Masibhale

Biyela ngesangqa imo yesenzi echanekileyo kwisivakalisi ngasinye kwezi.

| |
|---|
| **Ndi**/**baya** eKruger National Park. |
| Wena **u**/**ba** fike emva kwexesha esikolweni |
| Abazingeli abangenamvume **wa**/**ba** zingela imikhombe. |
| Yena **u**/**bathatha** iifoto zezilwanyana. |
| Iindlovu **i**/**zisela** amanzi. |
| Thina **u**/**sikwiBanga** 4. |






XHO HL Gr4 B2 TH8.indd 107 2021/04/16 10:56:08

# 115 Ukulungiselela esakho isibhengezo



Masibhale

Sebenza nomhlobo wakho. Cwangcisa ukwenza ipowusta wazise ngohambo lwesikolo.

1 Niza kuya phi?

2 Lunini uhambo? Ukusuka ______ ukuya ______

3 Niza kubona ntoni?

4 Luza kuxabisa malini?

5 Ngoobani abafanele kukuya?

6 Kufuneka baphathe ntoni?

## Amacebo okwenza ipowusta

- Yenza ipowusta yakho ibe nkulu kangangoko.
- Gcina umbhalo ube mkhulu kangangoko ukuze abantu bakwazi ukuwufunda cacileyo.
- Sebenzisa izivakalisi ezilula nezicacileyo.
- Sukufaka imifanekiso emininzi kwipowusta yakho.
- Quka indawo, nosuku, umhla nexesha.
- Nika intetho isihloko.
- Yihombise ipowusta yakho ukutsala umdla.



XHO HL Gr4 B2 TH8.indd 108 2021/04/16 10:56:25

# Izichazi, izihlomelo neziphumlisi



**Ungabhidanisi izichazi nezihlomelo**. Khumbula:

- **Isichazi** sichaza izibizo. Sinika ulwazi ngomntu, indawo okanye into.
- **Isihlomelo** sisicacisela ngakumbi ngesenzi. Sinika ulwazi ngesenzo, njengo-njani, nini, nendawo isenzo esenzeka kuyo.




Krwela umgca phantsi kwezichazi kwisivakalisi ngasinye, wandule ubiyele ngesangqa izibizo ezizichazayo.


| |
|---|
| Uya kubona isibhakabhaka esihle ebusuku neenkwenkwezi ezikhazimlayo. |
| Qubha emanzini apholileyo kwilanga elishushu kamnandi. |
| Ntywila kulwandle oluluhlaza ubone neqaqa laselwandle elibengezelayo. |
| Hamba ecaleni kwemilambo enamanzi kwimpepho epholileyo. |
| Yitya ukutya okumnandi nenyama eyojiweyo eshushu. |
| Bona imithi emide eneenkawu ezinemfeketho. |
| Hamba ecaleni kwemilambo enamanzi kwimpepho epholileyo. |
| Yitya ukutya okumnandi nenyama eyojiweyo eshushu. |

- Isivakalisi ngasinye siqala ngonobumba omkhulu.
- Umbuzo uphela ngophawu lombuzo.
- Inkcazelo okanye umyalelo uphela ngesingxi.
- Isikhuzo siphela ngophawu lwesikhuzo.

## Iziphumlisi




Funda ezi zivakalisi. Zibhale ngokutsha ngoku, usebenzisa oonobumba abachanekileyo neziphumlisi.



| |
|---|
| yima irobhothi ibomvu |
| |
| ndilambile |
| |
| uyaya kwikhempu yesikolo |
| |



XHO HL Gr4 B2 TH8.indd 110 2021/04/16 10:56:40

| |
|---|
| sukunqumla phambi kwetrakhi |
| |
| sukudlala kufuphi nomlambo |
| |
| yijezi kabani le |
| |
| yho jonga la ngonyama inkulu |
| |
| upeter nosam baya elwandle ngojulayi |
| |
| wawuyile kwiiholide |
| |
| ndaya evenkileni ndaze ndathenga iilekese iitshiphusi nama-apile |
| |
| xuba amaqanda neswekile uze ugalele nobisi |
| |
| ndaya epakini yezilwanyana ndaze ndabona iingonyama iingwenkala iinkawu neemvubu |
| |




Krwela umgca phantsi kwesihlomelo kwisivakalisi ngasinye, uze ubiyele ngesangqa isenzi esisichazayo.

| |
|---|
| Sikhwela ebhasini ngochulumanco. |
| Iinkwenkwezi zakhazimla esibhakabhakeni. |
| Sacula ngokonwaba njengoko sasikhwele. |
| Siqhuba kancinane xa sikwipaki yezilwanyana. |

| |
|---|
| Umke kusasa ukuya esikolweni |
| Imbabala ibaleka ngokukhawuleza ukuhla umgaqo. |
| Sakhwaza ngokuvuselelekayo xa wayebona ingonyama. |
| Wabaleka ngokukhawuleza ukudlula kuthi. |


XHO HL Gr4 B2 TH8.indd 111
2021/04/16 10:56:41

# Izilwanyana zasendle








## INGONYAMA

Iingonyama ziphantsi kosapho lweekati. Ingonyama isoloko ibizwa ngokuba yinkosi yobukumkani bezilwanyana. Iingonyama zizingela zibulale izilwanyana ezinjengeembabala namaqwarhashe. Iimazi zisoloko zizingela. Zidla ngokuzingela ebusuku zihamba zingamaqela. Iingonyama zikhetha ukuphila emathafeni engca athe gabalala. Zihlala zingamaqela abizwa ngokuba ngumqela.



## INDLOVU

Iindlovu zezona zilwanyana zanyisayo zinkulu emhlabeni. Zihlala kumathafa engca athe gabalala. Zisoloko zisengozini kuba abazingeli abangenamvume bayazizingela ukuze bafumane amabamba eempondo zazo. Iindlovu zihlala zikhula ubomi bazo bonke. Indlovu isebenzisa umboko wayo ukuzisa iingcambu, iziqhamo namanzi emlonyeni wayo. Itya ngaphezu kwama-200 kg okutya ukuze isele i-190 eelitha zamanzi.



## IMIKHOMBE

Imikhombe, njengoko ibizwa njalo, iphila kwimimandla enamathafa. Zizidla-tyani, into ethetha ukuba itya ingca nezityalo. Ikholwa kukusela kabini ngemini ukuba amanzi ayafumaneka, kodwa ke ngexesha lembalela inakho ukuphila ngaphandle kwamanzi iintsuku ezine ukuya kwezintlanu. Zimbini iintlobo zemikhombe – umkhombe omnyama nomhlophe. Maxa wambi ingangabi mhlophe namnyama: zombini zingwevu. Imikhombe ayiboni kakuhle, kodwa inamandla okujoja. Mikhulu yaye inobunzima obungama-2 500 kg. Isoloko izingelwa rhoqo ngabazingeli nabazingeli abangenamvume ukufumana iimpondo zayo. Kufanele ukuba siyikhusele imikhombe kubazingeli abangenamvume.



XHO HL Gr4 B2 TH8.indd 112 2021/04/16 10:56:56


Umhla:



Masibhale

Funda imihlathi emalunga nezi zilwanyana zintathu kwakhona, uze ke uzalise le theyibhile ilandelayo.

| Zitya ntoni? | | |
|---|---|---|
| Iingonyama | Iindlovu | Imikhombe |
| | | |
| | | |
| | | |



| Zihlala phi? | | |
|---|---|---|
| Iingonyama | Iindlovu | Imikhombe |
| | | |
| | | |
| | | |

| Kutheni le nto zisengozini kangaka? | |
|---|---|
| Iindlovu | Imikhombe |
| | |
| | |
| | |

Krwela umgca ukuthelekisa la magama neentsingiselo zawo.

| | |
|---|---|
| izidla-tyani | umntu obulala izilwanyana ngokungekho mthethweni |
| izilwanyana ezanyisayo | izilwanyana ezitya izityalo |
| umzingeli ongenamvume | ukufakwa engozini |
| ukuzingelwa | izilwanyana ezanyisayo |



Masithethe

Xelela umhlobo wakho ngezinto zibe mbini ozifunde ngezi zilwanyana zintathu.

# Yenza incwadana






Ngoku uza kwenza eyakho incwadana ngesilwanyana. Sebenzisa esi sicwangciso sencwadana. Iphepha lakho langaphambili kufuneka libe nomfanekiso ukutsala umdla womfundi. Kufuneka kwakhona ibe nesihloko esikhumbulekayo nebinzana okanye isilogeni,umzekelo, “Khusela imikhombe!” Zoba umfanekiso kwiphepha ngalinye ukubonisa izimvo zakho. Kwiphepha elingasemva, bhala igama lakho nenombolo, kuba kaloku ungumyili wencwadana.

| | | |
|---|---|---|
| 3 | 2 Ulwazi ngesilwanyana. | 1<br><br>Iphepha elingaphambili. |

| | | |
|---|---|---|
| 6 Singazikhusela njani izilwanyana? | 5 Sikhulu kangakanani isilwanyana? Zeziphi izimbo zaso? Sitya ntoni? | 4 Abantu bangazibona phi izilwanyana ? |




Sika ke ngoku iphepha elilandelayo ulisonge ukuze lenze ikhadi elingu-Z. Sebenzisa isicwangciso sakho sethutyana ukuze ugqibezele incwadana yakho entle.



XHO HL Gr4 B2 TH8.indd 114 2021/04/16 10:57:04

**Usakhumbula?**

Isenzi esiyintloko kwisivakalisi sibizwa ngokuba sisenzi esinesivumelanisi. Isenzi esiyintloko sisixelela ngokuba umntu wenza ntoni okanye abantu abangaphezu komntu omnye ukuba benza ntoni. Ziyaguquka ngokwamaxesha. Umzekelo: Izolo **ndihlambe** izitya. Namhlanje **ndihlamba** izitya.




Masibhale

Krwelela izenzi eziyintloko kwezi zivakalisi. Uze utsho ukuba zikwixesha eladlulayo okanye elangoku.




| | Ixesha |
|---|---|
| Ndaya esikolweni. | |
| Waya kwagqirha. | |
| Baya ecaweni. | |
| Udlala ibhola yomnyazi. | |
| Ndatya isidlo sakusasa. | |
| Ubaleka emva kwebhasi. | |
| Wasela ijusi. | |
| Bamamele iindaba. | |
| Ndabhabhisa ikayiti yam. | |
| Uhlamba amazinyo akhe. | |
| Upha ikati ukutya. | |
| Inja ileqa unoposi. | |



Titshala: Sayina ________ Umhla ________



XHO HL Gr4 B2 TH8.indd 117 2021/04/16 10:59:05

# 121 Inkwenkwe eyala ukufunda




Funda lo mdlalo ngokuvakalayo kwiqela lakho. Uya kufuna abalinganiswa abathandathu: uSteve, uSam, uAnn, uPam, uJabu noMnu. Brown. Uza kufuna kwakhona umbalisi ofunda indawo zebali ezingabandakanywayo ngabanye abadlali.

*Imiyalelo yomboniso neqonga (exelela abadlali into emabayenze) ifakwe kwizibiyeli. Isoloko ibhalwe kwixesha langoku.*

[UMBONISO 1 iklasi kaMnu. Brown. Bonke abantwana basebenza bethe cwaka ngaphandle kukaSteve. Bazoba imephu yeengcinga besenza namanqaku. USteve uhleli kwidesika engaphambili, edlala umdlalo wakhe iNintendo.]

**Umbalisi:** UMnu. Brown ufundisa iklasi yasemva kwesikolo ukulungiselela abantwana abafuna ukufundela iimviwo zokuphela konyaka. Iklasi izigqatsile noMnu. Brown wazinikela ukubanceda nangazo naziphina iindawo abangaziqondiyo emsebenzini.



**uSteve:** [Uyabheka-bheka ujonga abanye abantwana.] Kutheni nonke nisebenza? Ngubani oza kudlala nam? Yizani sidlale iNintendo! Jongani lo mdlalo ndiwuthengelwe ngumama ngoMgqibelo. Kutheni ningasuke niyeke ukusebenza nize kudlala nam?

**uAnn:** Hayi ndiyabulela, ndixakeke kakhulu. Iimviwo ziyaqala kule veki izayo yaye ndifuna ukufunda ukuze ndiphumelele. Ufanele ukwenza njalo nawe, Steve.

**uSteve:** Hayi yho, andinakuzihlupha. Iimviwo zisekude kakhulu yaye liselininzi ixesha lokufunda. Yiza Sam, yiza udlale nam.

**uSam:** Andinakho. Ndizama ukufundela iimviwo.

**uSteve:** Sukudika. Jabu! Yiza udlale nam.

**uJabu:** Hayi ngoku, Steve ndizama ukufundela uviwo lwezifundo ezingezaKhono zoBomi ngoLwesihlanu.

**uSteve:** Kutheni abahlobo bam bengathembekanga nje? Ningabahlobo abanjani? Pam, unobuchule emidlalweni, awufuni kudlala?

**uPam:** Hayi Steve, asikwazi namhlanje. Ukuba awufundi uza kufeyilisha.

**UMnu. Brown:** Steve, ukuba awuzukufunda, kungcono usuke uhambe uye kuhlala phantsi komthi nomdlalo wakho uyeke ukuphazamisa abanye.

| | |
|---|---|
| Umbalisi: | USteve ugqiba ekubeni alishiye igumbi. Urhuqa ubhaka wakhe nejezi uhamba aye kuhlala phantsi komthi. Uyacula ngeli xa adlala umdlalo wakhe. Uziva enexesha elimnandi yaye ucinga ngendlela abahlobo bakhe abangabhadlanga ngayo ukulungiselela iimviwo ezisekude ngeeveki ezimbini zonke! |





[UMBONISO 2: Kusuku oluphambi kweemviwo kufika uSteve ehamba ephazamisekile ukungena kwigumbi lokufundela. Uqala ngokuphutha-phutha ebhegini yakhe.]

| | |
|---|---|
| uSteve: | Ncedani ukhona umntu onokundinceda? Ndi-um…ah…. Ndifuna ukufundela iimviwo ngomso yaye ndicinga ukuba ndiyilahlile incwadi yam. Um…mhlawumbi iphantsi kwedesika yam. [Ujonga phantsi kwedesika.] Hayi, idukile. [Ezingqquba intloko.] Yhoo! Eshee! Ncedani akukho mntu unokunceda andiboleke incwadi? |
| uSam: | Hayi. Steve. Uchithe iiveki ezimbini ezidlulileyo udlala imidlalo ngoku ufuna ukulungiselela iimviwo ngosuku olunye? Kukho ixesha lokusebenza kubekho nexesha lokudlala. |
| uAnn: | Nantsi, Steve ungasebenzisa imephu yeengcinga yam. Yiza ndikubonise ukuba sisebenza njani. |
| uSteve: | [Ekhala] Yhooo-hoo! Andinakuze ndiyifake yonke le nto engqondweni yam. Ndingathini ukufunda yonke le nto ngosuku olunye! Ndiza kufeyilisha. |
| uAnn: | Shi-i-, sukukhala. Ndiza kukunceda. |
| uMnu. Brown: | Zimisele, Steve. Kwixesha elizayo uza kuqala ukufunda zisekude lee iimviwo. Jabu noSam, ncedani nincedise uSteve nimyeke asebenzise amanqaku enu. |
| uSteve: | [Enikina intloko] Yhoo! Akuncedi. Andinakukwazi tu ngoku, bekungamelanga ndidlale ngeli xesha benifunda. |
| Umbalisi: | Kwikota elandelayo uSteve wasebenza nzima. Wenza umsebenzi wasekhaya yonke imihla kwaye esenza ngokunjalo nemephu yeengcinga yakhe. Ufunde isifundo. Uyazi ngoku ukuba "likho ixesha lokusebenza likwakho nelo lokudlala". |



XHO HL Gr4 B2 TH8.indd 119 2021/04/16 10:59:14

# Ukucinga ngomdlalo





**Masibhale**

Funda umdlalo kwakhona uze uphendule imibuzo. Yixoxeni kumaqela enu phambi kokuba nibhale phantsi iimpendulo.

| |
|---|
| Uthini umyalezo walo mdlalo? Khuphela izivakalisi kumdlalo ezixela oku. |
| |
| Ngubani umlinganiswa ophambili? |
| |
| Kuthetha ukuthini ukuthi "iklasi yayizigqatsile"? |
| |
| Sazi njani ukuba uSteve wafunda isifundo? |
| |
| Ingaba eli bali liyafana namanye amabali owaziyo? |
| |
| Usalikhumbula ibali lentothoviyane neembovane? Ukuba uyakhumbula, ungatsho ukuba la mabali mabini afana njani? |
| |
| |



**Masenze**

Cinga ngendawo oqhubeka kuwo umdlalo. Kubandakanywe imiboniso emibini. Yizobe, uze kwimeko nganye ubonise umlinganiswa ophambili.

| Umboniso 1 | Umboniso 2 |
|---|---|
| | |




**Amagama anokusetyenziswa**

Khangela amagama kulo mdlalo athetha into enye nala angezantsi, wandule ke uwabhale phantsi kwizithuba ozinikiweyo.

| | | | |
|---|---|---|---|
| ukudlala | | ukuthi shwaka | |
| ukungazinzi | | eyonwabisayo | |



XHO HL Gr4 B2 TH8.indd 120 2021/04/16 10:59:25

# Ukubhala umdlalo



Masibhale

Uza kubhala umdlalo nabahlobo bakho kwiqela lenu. Gqibezela le tshathi, eza kukunceda ekucwangciseni umdlalo. Bhala ke ngoku umdlalo njee. Cela umhlobo wakho awujonge. Cela abahlobo abahlukeneyo bafunde iindawo ezahlukeneyo zomdlalo. Ekugqibeleni, xa sele uwalungisile amanqaku akho oyilo lokuqala, bhala kakuhle umdlalo kwiphepha elingaphesheya.

- Sebenzisa imephu yeengcinga ikuncede ucwangcise umbhalo wakho
- Bhala uyilo nje
- Cela umhlobo ahlele uyilo
- Hlaziya incwadi yakho ze wenze nezilungiso ezibalulekileyo
- Bhala cocekileyo encwadini yakho.

**1** Ngoobani abalinganiswa abohlukeneyo?

**2** Baziphethe njani abalinganiswa?

Isihloko

**3** Lenzeka phi ibali?

**4** Ithini imiboniso yaye kuqhubeka ntoni kumboniso ngamnye?

Chaza isakhiwo sebali.

| |
|---|
| Okokuqala |
| Kwaze |
| Emva koko |
| Ekugqibeleni |






XHO HL Gr4 B2 TH8.indd 122 2021/04/16 11:00:15

# Abalinganiswa



## IMFANO-ZANDI

Sidla ngokunika abalinganiswa emdlalweni okanye kwibhanya-bhanya amagama anoonobumba abafanayo ekuqaleni. Ngamanye amaxesha la magama akaqheleki. Xa siphinda unobumba osekuqaleni kwigama ngalinye, sisebenzisa imfano-zandi. Jonga la magama uqaphele indlela izandi zokuqala eziphinda-phindwe ngayo.

Sandla Sikhulu

Bhabha Bhobhoyi

Nyathela Nyawo

Vula Vala

Cikoza Cikizwa

Lizwe Liyazuza

Ntlalo Ntle

Zongoma Zulu

Jama Sijadu



Masibhale

Sebenzisa imfano-zandi ukuqamba amagama abalinganiswa kumdlalo wakho.

## IZIFANADUMO okanye amagama azizandi

Ngoku buyela umva kumdlalo okwiphepha le-118 uze ukrwele umgca ngaphantsi kwamagama onke anezandi. Xa sisebenzisa amagama ukulinganisa isandi, sisebenzisa isifanadumo. Ligama elikhulu elimele amagama alinganisa isandi, njengo mh., okanye "yhoo hoo", ezilinganisa isandi sokukhala.



Masibhale

Jonga kule mizekelo ingezantsi apha, uze ke wenze amagama anezandi akho.

Gxii!

Tshiii

Popooo!



XHO HL Gr4 B2 TH8.indd 124 2021/04/16 11:00:52

Umhla:

# Ukubhengeza umdlalo wakho



Masibhale

Yenza ipowusta ubhengeze umdlalo wakho.

Sebenzisa imfano-zandi kumagama abalinganiswa bakho. Sebenzisa amanye amagama anezandi ukutsala umdla.

- Igama lomdlalo libe kumagama amakhulu, angqindilili nanoonobumba abanemibala (Kufuneka uwuthiye igama umdlalo)
- Ngoobani abadlali kulo mdlalo
- Uza kubanjelwa phi
- Umhla namaxesha okulinganisa
- Inkcazelo emfutshane yokuba umdlalo ungantoni
- Iinkcukacha zokubhalisa

Amacebo okuyila ipowusta
- USebenzisa ulwimi olucacileyo.
- Xuba oonobumba nobukhulu bamagama, amabinzana nezivakalisi.
- Sebenzisa imibala eqaqambileyo ukutsala umdla.
- Zoba okanye uncamathisele imifanekiso ukuxelela abantu ngakumbi ngomdlalo.

Jonga iipowusta ezenziwe ngabahlobo bakho uze ukhethe eyona uyithandayo.

Titshala: Sayina ________ Umhla ________



XHO HL Gr4 B2 TH8.indd 125 2021/04/16 11:00:58

# UShadow Girl uhlangula usuku








[UMBONISO 1:
Ukuphumela ngasemlanjeni. Kukho itafile phantsi komthi. Umthi uhonjiswe ngeebhaluni nangeeflegi. Kukho ikeyiki enkulu epinki yomhla wokuzalwa phezu kwetafile.]



Umbalisi: Yipati yeshumi elinanye yomhla wokuzalwa kukaTania. Phakathi kweendwendwe nguLindi Myeza ominyaka ilishumi elinanye ubudala, unxibe ilokhwe yakhe yepati. Nangona uLindi wayekhangeleka njengaye nawuphi umntwana wesikolo oneminyaka elishumi elinanye, ligorhakazi elitshatsheleyo yaye unamandla aqaphelekayo okujika abe sisithunzi esinamandla nesantya.

Abantwana: [Becula] Min'emnandi kuwe, min'emnandi kuwe. Min'emnandi kuwe Tania, min'emnandi kuwe. Hip-hip hoore!

uTania: Ingaba zintoni bethu ezi zikwezi zipho. Akusemnandi! Andazi nokuba mandiqale ndivule eyiphi.

uDan: Vula eyam. Ndikuthengele into endiyithandayo.

uTania: O, yimoto iLego, kuhle, Dan. Nantsi nebhokisi yeepeyinti ezingamanzi. Yho, ndiyakuthanda ukupeyinta! Nantsi nengxowa yokufaka izinto zokubhala, ndiyabulela Ann, ubuyazi ukuba eyam yaphukile.

uMary: Mholo Tania. Ndicela uxolo ngokufika emva kwexesha. Nasi isipho sam, qashisela, yintoni.

uTania: Ndiyayiva ukuba ithambile. Awu, nguthedi omncinci. Kowu, uthandeka kakhulu.

uSam: Heyi! Yintoni leyo?

Umbalisi: Ngesiquphe, kungasukelanga ntweni, isela elinxibe ibhalaklavu labaleka kakhulu

laxhiphula zonke ezo zipho zomhla wokuzalwa naloo keyiki.



Abantwana: [Bekhala] Bamba! Isela!

Umbalisi: Umama kaTania waphuma endlwini.

Umama: Lumkani, bantwana! Oku kuyingozi. Yizani apha ngakum!

Inja: Hawu, hawu!

uLindi: [Amehlo ekhazimla nobuso busiya buba bomvu.] Ndiyacaphuka.

Umbalisi: ULindi uguquka abenguShadow Girl onxibe isuti yeqhawekazi. Waza ke uShadow Girl waphaphatheka ukudlula kwiindwendwe waze wabhabha ukuya ngasemlanjeni. Walibamba isela. Lazilahla phantsi kwangoko izipho nekeyiki. Ngethamsanqa ikeyiki yawa nje kakuhle, yema yajonga phezulu.

uLindi: [Ebambe isandla sendoda ngemva.] Ucinga ukuba uphumelele, Mnumzana. Ann, nceda ubize amapolisa!



[UMBONISO 2: Iziqhoboshi zesithuthi ezikrikrizayo nanjengoko amapolisa ayefika.]



Ipolisa: Wenze kakuhle, Lindi! Uphindile kwakhona. Qhubela phambili ukulwa ubugebenga.

Umama: Kha ufumane ikeyiki, gosa elihloniphekileyo.

Ipolisa: Khawundimele kancinci nditshixele lo mntu evenini.

Umama: Shuu! Yenye imini le! Lindi, Zange undixelele ngala mandla akho omlingo! Bendicinga ukuba ngamakhwenkwe odwa amaqhawe agqwesileyo, ngoku ndiyabona ukuba namanenekazi amancinane njengawe lo ngamaqhawekazi agqwesileyo. Ndithabathekile.

uTania: Ndiyavuya ubuyisele izipho zam, Lindi! Ngoku, wonke umntu, masiqhube ngepati. Kodwa kuqala, Masithi enkosi kuwe Lindi.



Abantwana: [Becula] Imini emnandi yegorhakazi, imini yegorhakazi kuwe. Min'emnandi yegorhakazi Lindi othandekayo, min'emnand kuwe gorhakazi.

# Ukucinga ngebali



Ingcinga esoloko injalo yinkolelo emileyo yokuba bonke abantu kwiqela elithile bayafana. Ukuba ucinga ukuba amantombazana akanakuba ngamagorha, ukholelwa ukuba akukho ntombazana inokomelela. Ubacingela ngendlela engeyiyo. Ukuba ucinga ukuba ngamakhwenkwe odwa anokuba ngamagorha agqwesileyo, nawo uwacingela kakubi, kuba ukholelwa ukuba amakhwenkwe akanakuze oyike.




Linganisa lo mdlalo uze uphendule imibuzo elandelayo.

| | |
|---|---|
| Ngubani umlinganiswa ophambili? | |
| Yintoni engaqhelekanga ngaye? | |
| Lifundisa ntoni eli bali? | |

| |
|---|
| Ucinga ukuba eli bali liyinyaniso? Ngoba? |
| |
| Ngoobani abanye abalinganiswa obaziyo abangamagorha agqwesileyo? Ingaba ngamadoda isikakhulu? |
| |
| UShadow Girl ufana njani nawo? |
| |
| Uzisuse njani iingcinga zakudala? |
| |
| |




Zoba imiboniso emibini yomdlalo.

| Umboniso 1 | Umboniso 2 |
|---|---|
| | |




Chaza isakhiwo sebali.

Kuqala __________

Kwaze __________

Emva koko __________

Ekugqibeleni __________



XHO HL Gr4 B2 TH8.indd 128 2021/04/16 11:01:48

Bhala inkcazelo kaLindi.

| |
|---|
| |
| |
| |
| |

## AMAGATYA

Kujongwe amagatya: Igatya linentloko kwakunye nesivisa. Zimbini iintlobo zamagatya. Igatya elizimeleyo: **Igatya elizimeleyo** liyakwazi ukuzimela lodwa njengesivakalisi. Jonga lo mzekelo:
**Siya esikolweni**. **Igatya elayamileyo**: Igatya elayamileyo alinakho ukuzimela lodwa njengesivakalisi. Jonga umzekelo: **xa ikeyiki sele ilungile**.





Jonga la magatya uze utsho ukuba angakwazi na ukuzimela njengezivakalisi ezinentsingiselo (ngamanye amagama, utsho ukuba ngamagatya azimeleyo kusini na.)

| | Igatya elizimeleyo | Igatya elayamileyo |
|---|---|---|
| | Ewe lingazimela lodwa | Hayi alinakuzimela lodwa |
| xa wayekhwaza | | |
| Ndiyawuthanda umculo. | | |
| Ukuba iyana | | |
| Ndiyifumene. | | |
| KwiBanga lesi-4 | | |
| Silungiselela ukuba nepikiniki. | | |
| Xa iphelile ifilimu | | |


Sivame ukuchaza izinto ngokuthi into injengenye. Umzekelo, ukuba umntu uxakeke kakhulu sigatsho ukuba "uxakeke njengenyosi" Oku kubizwa ngokuba sisifaniso. Sisoloko sisebenzisa izilwanyana kwizifaniso.

Krwela umgca ukuthelekisa igatya elizimeleyo elikwikholamu yokuqala negatya elayamileyo elichanekileyo kwikholamu yesibini.



| |
|---|
| Uxakeke oku ________________. |
| Incindi imnandi oko ____________. |
| Ikrakra okwe ________________. |
| Ululame okwe ______________. |
| Uthule okwe ________________. |
| Uzidla okwe ________________. |
| Unenzondo okwe ___________. |
| Ubhitye oko ________________. |









XHO HL Gr4 B2 TH8.indd 129 2021/04/16 11:02:12

# Ukhethekile.

# Umzimba wakho wonke ungokhethekileyo.

# Nguwe kuphela onelungelo emzimbeni wakho!

**AKUKHO namnye umntu onelungelo lokuphatha amalungu akho angasese.**



**Kufuneka uxelele umntu ukuba kuye kwakho umntu okubamba amalungu akho angasese.**

**Kufuneka uxelele umntu ukuba kukho nabani na okwenzisa izinto ongathandiyo ukuzenza.**

**Tsalela kule minxeba xa ufuna uncedo:**

**Umnxeba olungiselelwe ukunceda abantwana: 0800 05 55 55**

**Umnxeba wokulwa nolwaphulo-mthetho wamapolisa aseMzantsi Afrika: 086 00 10111**

**Umnxeba wongxamiseko wamapolisa aseMzantsi Afrika: 10111**

**Umnxeba woncedo: 0861 322 322**

**Iqela elikhusela abantwana: 012 393 2359/2362/2363**

| Ndiyakwazi | | |
|---|---|---|
| ukufunda umdlalo | | |
| ukufunda isibhengezo | | |
| ukufunda incwadana yolwazi | | |
| ukulinganisa umdlalo | | |
| ukuphendula imibuzo esekelwe kwincwadana yolwazi | | |
| ukuphendula imibuzo esekelwe isibhengezo | | |
| ukuphendula imibuzo esekelwe kumdlalo | | |
| ukuyila incwadana yolwazi | | |
| ukuyila ipowusta | | |
| ukuxoxa imibuzo esekelwe kumfanekiso-ntengiso | | |
| ukuzalisa ifomu | | |
| ukukhetha izichazi nezenzi | | |
| ukukhetha izichazi encwadini | | |
| ukukhetha izihlomelo zobunjani, ixesha nendawo | | |
| ukukhetha imfano-zandi | | |
| ukukhetha izenzi eziyintloko | | |
| ukukhetha igatya elizimeleyo kwizivakalisi | | |
| ukukhetha isifanadumo | | |
| ukukhetha izifaniso | | |
| ukukhetha izenzi nezihlomelo | | |
| ukuthelekisa amagama neentsingiselo zawo | | |
| ukuthelekisa amagama nezithetha-ntonye zawo | | |
| ukufaka iziphumlisi ngokufanelekileyo kwizivakalisi | | |
| ukusebenzisa imo yesenzi "uza" (i, ba, ndi, njl. njl) | | |
| ukusebenzisa ixesha eladlulayo nelangoku | | |
| ukubhala inkcazelo ngomlinganiswa | | |
| ukubhala umdlalo | | |



